Ukufunda ngoMgaqo-siseko weRiphablikhi yoMzantsi Afrika (1996)

Umgaqo-siseko weli loMzantsi Afrika (1996) uqulethe eyona mithetho yongameleyo yeli lizwe. Le mithetho ingaphezulu komongameli welizwe, ngaphezulu kweenkundla zamatyala nangaphezulu kukarhulumente.

Le mithetho ichaza indlela abemi beli lizwe abafanele ukuphathana ngayo, nokuba ayintoni amalungelo noxanduva lwabo omnye komnye. Umgaqo-siseko welizwe ukho ukuze usikhusele ngalo mzuzu kwaye ukhusele nabantwana bethu kwixesha elizayo.

Masiyazi imvelaphi yethu.	Masingaphindi iimpazamo zexesha elidlulileyo.	Umgaqo-siseko wethu uyasinceda ukuze sakhe ingomso elingcono lomntu wonke.

Thina, bantu boMzantsi Afrika,

Siyaziqonda iimeko zolwaphulo-bulungisa zamaxesha ethu adlulileyo;

Sibanika imbeko abo beva ubunzima bebulalekela ubulungisa nenkululeko elizweni lethu;

Siyabahlonela abo bathi basebenzela ukwakha nokuphuhlisa ilizwe lethu; kwaye

Sikholelwa ekubeni uMzantsi Afrika ngowethu sisonke thina sihlala kuwo, simanyene nangani siziintlobo ngeentlobo.

Thina ke ngoko, ngabameli bethu abanyulwe ngokukhululekileyo, siyawuvuma lo mGaqo-siseko ukuba ungowona mthetho wongameleyo weRiphablikhi ukuze—

Ungcibe udibanise izantlukwano zangaphambili uze wakhe uluntu olusekwe kwizithethe ezixabisekileyo zedemokhrasi, ubulungisa kwezentlalo namalungelo abantu asisiseko;

Wenze isiseko soluntu oluphila ngendlela yedemokhrasi nolwenza izinto elubala apho urhulumente asekelwe kwintando yabantu nalapho wonke ummi ekhuselwe ngokulinganayo ngumthetho;

Uphucule ixabiso lokuphila kwabo bonke abemi, uze uvumele ukusebenza kwesakhono somntu ngamnye; kanjalo

Wakhe uMzantsi Afrika omanyeneyo nonedemokhrasi onakho ukuthabatha indawo yawo efanelekileyo njengelizwe elinobunganga kusapho lwezizwe ngezizwe.

Wabange amalungelo akho njengommi weli loMzantsi Afrika kwaye nawe uluthathele kuwe uxanduva lokukhusela amalungelo abanye.	Wazi amalungelo akho noxanduva lwakho.

Wanga uThixo angabakhusela abantu bakokwethu.
Nkosi Sikelel' iAfrika. Morena boloka setjhaba sa heso.
God seën Suid-Afrika. God bless South Africa.
Mudzimu fhatutshedza Afurika. Hosi katekisa Afrika.

ISBN 978-1-4315-0105-2

Rainbow WORKBOOKS

Iincwadi zokusebenzela ezifumaneka kolu thotho lweencwadi:

- *ULwimi Lokuqala Olongeziweyo Amabanga 1–3 (Ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni)*
- *ULwimi Lokuqala Olongeziweyo Amabanga 4–6 (NgesiNgesi)*
- *ULwimi Lweenkobe Amabanga 1–6 (Ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni)*
- *IMathematika Amabanga 1–3 (Ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni)*
- *IMathematika Amabanga 4–9 (NgesiNgesi nesiAfrikaans)*
- *Izakhono zoBomi Amabanga 1–3 (Ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni)*

ISIXHOSA HOME LANGUAGE
GRADE 5 – BOOK 2
TERMS 3 & 4
ISBN 978-1-4315-0105-2
THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.
7th Edition

ISIXHOSA ULWIMI LWEENKOBE – Ibanga lesi-5 Incwadi yesi-2

ISBN 978-1-4315-0105-2

Ihlaziywe yaze yalungelelaniswa neCAPS



Ibanga lesi-5

ISIXHOSA ULWIMI LWEENKOBE

Incwadi yesi-2
Ikota 3 & 4

Igama:

Iklasi:

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



UNksk. Angie Motshekga,
uMphathiswa wemfundo
esisiSeko



UMnu. Enver Surty
uSekela Mphathiswa
wemfundo esisiSeko

Ezi ncwadi zilungiselelwe abantwana baseMzantsi Afrika phantsi kwephiko loMphathiswa weMfundo esisiSeko uNksk. Angie Motshekga kunye noSekela Mphathiswa weMfundo esisiSeko uMnu. Enver Surty.

Ezi ncwadi zokusebenzela, iRainbow Workbooks, lelinye lamalinge ongenelelo eSebe leMfundo esisiSeko ajolise ekuphuculeni umgangatho wabafundi beloMzantsi Afrika abakumabanga amathandathu okuqala. Njengomnye wemiba ephambili yoMkhomba-ndlela kaRhulumente, eli phulo libe nempumelelo ngenxa yenkxaso-mali evela kuVimba weSizwe. Oku kuye kwenza ukuba iSebe likwazi ukuvelisa ezi ncwadi, zifumaneke ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni ngexabiso eliphantsi.

Sinethemba lokuba ootitshala baya kuzifumana ezi ncwadi zokusebenzela ziluncedo kakhulu kwimfundo yemihla ngemihla, nasekuqinisekiseni ukuba abafundi bayifikelela yonke ikharityhulam. Ukuqinisekisa ukuba utitshala uyakhokelwa kuyo yonke imisetyenzana, sisebenzise izalathisi ezibonisa oko kufanele ukwenziwa ngumfundi.

Sinethemba lokwenene lokuba abantwana baya kukonwabela ukusebenza kwezi ncwadi ekukhuleni nasekufundeni kwabo, kwanokuba nawe titshala uya kwabelana nabo kolu yolo.

Sinqwenela ukuba nibe nempumelelo ekusebenziseni ezi ncwadi.

Inkqubo yokubhala



Isicwangciso

Yenza isigqibo ngesihloko sakho.
Thetha neqela lakho ukuze ufumane izimvo.
Sebenzisa isazobe sokucinga ukuze ucacise izimvo zakho malunga nesakhiwo sebali, abalinganiswa kwakunye nemontlalo.

Ilinge lokuqala

Bhala ilinge lakho lokuqala.
Cinga ngabafundi bebali, ubume balo kunye nemihlathi yalo.

Lihlaziye

Funda ilinge lakho lokuqala ukhangele iziphoso uze ufune iingcebiso koogxa bakho nakutitshala wakho.

Lihlele

Hlela isincoko okanye ibali lakho ukhangele iimpazamo zopelo neziphumlisi.
Yenza izilungiso kwilinge lakho.

Lipapashe

Bhala ilinge lakho lokugqibela elihleliweyo ngobunono.

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street
Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
Seventh edition 2017

ISBN 978-1-4315-0105-2

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

This book may not be sold.

Author: Jenny Rabinowitz with Veronica McKay

Ibanga lesi-5

Rainbow WORKBOOKS

ULWIMI IWEENKOBE

NGESIXHOSA



Le ncwadi yeka-:

ISIXHOSA

Incwadi yesi-2

IZIKHOKELO ZOKUSEBENZISA LE NCWADI YOKUSEBENZELA

Le ncwadi yisebenzise kunye namanye amancedo/nabanye oovimba. Funda uxwebhu lwe-CAPS lwesigaba sabaphakathi lolwimi lweenkobe.

Siyanamkela kule Ncwadi yokusebenzela yoLwimi Lweenkobe yesigaba sabaphakathi. Umgangatho woLwimi Lweenkobe wesigaba sabaphakathi ujolise ekuphuhliseni izakhono zolwimi zabafundi ukuze bakwazi ukunxibelelana kwiimeko zentlalo, kananjalo nasekuphuhliseni izakhono zengqiqo zokufunda ezingundoqo ekufundeni kwikharityhulam yonke. Sinethemba lokuba uya kuyifumana iluncedo le ncwadi ekuncedeni abafundi baphucule izakhono zabo.

Le Ncwadi yokusebenzela ilungelelaniswe nemijikelo yeeveki ezimbini ze-CAPS. Isishwankathelo sokuya kufundiswa kumjikelo ngamnye weeveki ezimbini ufumaneka kumaphepha 1, 35, 69 nakwele-103 kule ncwadi yokusebenzela. Umjikelo ngamnye weeveki ezi-2 uqulethe izakhono ezine zolwimi:



1 Ukumamela nokuthetha (Ezomlomo) – Iiyure ezimbini kumjikelo weeveki ezi-2

Kufuneka abafundi bafumane rhoqo amathuba okuphuhlisa izakhono zabo zokumamela nokuthetha ukuze bakwazi ukuqokelela ulwazi, ukusombulula iingxaki nokuvakalisa izimvo zabo. Ezi ncwadi zinemisebenzi eliqela yokuthetha nokumamela onokuyongeza ukuze uqinisekise ukuba banamathuba okuziqhelisa ukuthetha.



2 Ukufunda nokubona – iiyure ezi-5 kumjikelo weeveki ezi-2

I-CAPS igunyazisa ukuba abafundi bafunde kwaye babone izicatshulwa nokunye okubhaliweyo kumjikelo ngamnye weeveki ezi-2. Oku kuquka ukufunda: amabali amafutshane, iintsomi, amabali angamava abantu, iileta, ii-imeyile, ukubhala kwiidayari, amanqaku eemagazini, udliwano-ndlebe lukanomathotholo/lwerediyo, imibongo, izicatshulwa ezithundezayo, izibhengezo/iintengiso, imiyalelo, iinkqubo neendlela zokwenza. Ukongeza, i-CAPS ikwafuna ukuba abafundi bafunde izicatshulwa zolwazi ezinemifanekiso: iimephu, iitshathi, iitheyibhile, imizobo, izazobe zokucinga, iitshathi zemozulu, iipowusta, izaziso, imifanekiso kunye neegrafu.

Uya kuzifumana ziliqela ezi ntlobo zezicatshulwa kule ncwadi yokusebenzela. I-CAPS ikwachaza nenkqubo yokufunda ebandakanya amanqanaba okufunda kwangaphambili, ukufunda kwanokufunda kwakamva. Uya kufumana inkcazelo yemifanekiso eluncedo yenkqubo yokufunda kuqweqwe lwangaphakathi lwale ncwadi.



3 Ukubhala nokubonisa – Iiyure ezi-4 kumjikelo weeveki ezi-2

I-CAPS igunyazisa ukuba abafundi banikwe rhoqo amathuba okuziqhelisa ukubhala kwiimeko ezahlukeneyo. Ezi Ncwadi zokusebenzela zinezakhelo eziliqela zokubhala eziza kuba luncedo kubafundi ekucwangciseni nasekuboniseni izicatshulwa zabo ezibhalwayo, ezibonwayo nezinye iindlela zosasazo. Uya kufumana inkcazelo yegrafu yenkqubo yokubhala kuqweqwe lwangaphakathi olungasemva lwale ncwadi.



4 Izakhiwo zolwimi ezi-4 – Iyure e-1 kumjikelo weeveki ezi-2

I-CAPS inika uluhlu lwezakhiwo zolwimi nemisebenzi efanele ukwenziwa kwibanga ngalinye. Le Ncwadi iquka imisebenzi ethile kumjikelo ngamnye weeveki ezi-2. Le misebenzi idla ngokuba nenqaku elichaza umsebenzi wolwimi.



Ukuze ufumane isikhokelo ngokubanzi, funda incwadana yoqeqesho yale Ncwadi yokusebenzela.

ULWIMI

Izi qulatho

Umxholo 5: Iindidi ezahlukeneyo zeembalo

Amabali
Ikota 3: liveki 1 - 2

65 Ixesha lokufunda 2
Uthetha ngenoveli.
Uchonga abalinganiswa, isakhiwo sebali nomyalezo.
Ufunda isicatshulwa kwinoveli.
Uphendula imibuzo ethile esekelwe kwinoveli.
Uthetha ngesihloko sesicatshulwa.
Uchaza uluvo.

66 Ulwalamano 4
Ubhala umhlathi onesivakalisi esingundoqo nezixhasayo.
Ubhala isishwankathelo.
Utshatisa amagama neentsingiselo zawo.
Usebenzisa izimelabizo zochazo.
Uchaza iintsingiselo zezifaniso.

67 Uphengululo lwencwadi 6
Uxoxa ngabalinganiswa, ngesakhiwo nangemo-ntlalo yencwadi.
Ufunda uphengululo lwencwadi.
Uphendula imibuzo engophengululo
Utshatisa amagama neentsingiselo zawo.
Ubhala izivakalisi esebenzisa amagama akwisicatshulwa.

68 Ukubhala uphengululo 8
Ubhala uphengululo esebenzisa isakhelo.
Uchonga izenzi ezikwixesha eladlulayo.
Uguqula izenzi ezikwixesha eladlulayo zibe kwixesha langoku.
Ubhala izivakalisi asebenzise izivumelanisi ezichanekileyo.
Wahlula amagama ngokwamalungu awo.

69 Inqaku ledayari 10
Uthetha ngedayari.
Ufunda inqaku ledayari.
Uphendula imibuzo esekelwe kwinqaku ledayari.
Uchaza umahluko phakathi kwenoveli, ibhayografi nenqaku ledayari.
Uchonga izenzi ezikwixesha eladlulayo namagama ahlanganisayo.
Utshatisa amagama neentsingiselo zawo.

70 Masiyile 12
Ubhala uphengululo esebenzisa isakhelo.
Wakha izivakalisi asebenzise izichazi, izihlomelo nezihlanganisi.
Usebenzisa isixando sokuzenza.

71 UNelson Mandela – ibali ngobomi bakhe (Ibhayografi) 14
Uxoxa ngomahluko phakathi kweothobhayografi nebhayografi.
Uxoxa ngomahluko phakathi kwenoveli, inqaku ledayari nebhayografi.
Ufunda isicatshulwa esithathwe kwibhayografi.
Uphendula imibuzo esekelwe kwibhayografi.
Uchonga izifanokuthi.
Uchonga izimvo eziphambili nezixhasayo kwisicatshulwa.
Ufumana iintsingiselo zamagama nezamabinzana.
Unika olwakhe uluvo.
Utshatisa amagama neentsingiselo zawo.

72 Ibali ngobomi bomntu (Ibhayografi) 16
Ubhala ibhayografi yomhlobo.
Ulungelelanisa iinkcukacha.
Usebenzisa iziphumlisi.
Usebenzisa izaci namaqhalo.

Izicatshulwa zolwazi
Ikota 3: liveki 3 - 4

73 Umtsalane wesaziso 18
Uthetha ngenkangeleko yesaziso.
Uxoxa ngesaziso.
Ufunda isaziso sokhuphiswano olungoyilo lwesaziso.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisaziso.
Ufunda isaziso.

74 Yila isaziso 20
Wenza isicwangciso, ayile aze ahlele isaziso.
Uchaza izishunqulelo.
Ubhala imo echanekileyo yesichazi.
Ufaka iziphumlisi kwizivakalisi asebenzise iikoma neempawu zocaphulo.

75 Ukutya, uncuthu lokutya! 22
Uthetha neqela lakhe ngokutya akuthandayo.
Ufunda isaziso/isibhengezo esingesidlo ibrantshi.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisaziso.
Ubhala izivakalisi kwintetho-ngqo.

76 Isaziso seenyosi zobusi 24
Wenza isicwangciso sesaziso sobusi.
Uyila isaziso asebenzise amagama namabinzana athile kunye namagama namabinzana angawakhe.
Ubhala izivakalisi ezilula.

77 Ithiyetha yabantwana 26
Uthetha ngomahluko phakathi kwebhayasikophu nomdlalo odlalwa ngeli xesha uveliswayo.
Uxoxa ngomdlalo abawubonileyo aze athundeze iqela lakhe ukuba liyokuwubukela.
Ufunda isaziso somdlalo wethiyetha.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisaziso.
Uchaza iintsingiselo zamabinzana.

78 Umdlalo wam wethiyetha 28
Wenza isicwangciso sesaziso somdlalo weqonga wesikolo.
Ubhala isaziso sesikolo.
Uhlela isaziso.
Uchonga izenzi nezihlomelo.

79 Ukhuphiswano lwekhompiyutha 30
Uxoxa ngokungenela ukhuphiswano.
Uthetha ngokubaluleka kweekhompiyutha.
Ufunda isaziso sokuyila ikhompiyutha entsha eyahlukileyo.
Uphendula imibuzo engesaziso.
Utshatisa amabinzana namagama asetyenziswe kwisaziso.

80 Uyilo lwam 32
Uchonga iintsingiselo zamabinzana asetyenziswe kwisaziso.
Ubhala inkcazelo emfutshane yoyilo lwekhompiyutha.
Ugqibezela izivakalisi asebenzise isenzi esichanekileyo.
Wenza isicwangciso, ayile aze ahlele isaziso esenzela ukhuphiswano.

Ixesha lokufunda



Masithethe

Xelela iklasi ngenoveli oyifundayo. Qiniseka ukuba uyabaxelela igama lenoveli, nokuba ngoobani abalinganiswa, okwenzeka kwinoveli, umyalezo wenoveli, nesizathu esenza ucinge ukuba abantu beklasi yakho kufuneka bayifunde.





Masifunde

UMnenga waphakade

nguSarah Lean



Utatomkhulu utsalela izibhexo kwiphenyane njengoko siliqhuba emanzini akhazimlayo sade sakrweca **inyele**. Sobabini sivala imilebe yethu ngomnwe ukuze singathethi sithule, kuba siyafana kwaye sicinga ngokufanayo. Andazi ukuba uTatomkhulu ubone ntoni, endikwaziyo kukuba ndiyamthemba.

"Uyalibona, Hannah?" usebezile uTatomkhulu.

Izithunzi **ezinamachokoza** nemigca zishukuma kancinane kuloo ntshonalanga ibugolide yoMsintsi kodwa andiboni kakuhle kuloo **mfungu-mfungu** yeentlobo zengca nemizi. Ndinikina intloko yam.



"Qwalasela," uyasebeza uTatomkhulu.



Ndilandela amehlo akhe, kodwa kundithatha ixesha ukulibona elo thole, lizisongile kwaye lilindile. Isikhumba sibufana nendawo elingqongileyo. Ngoku ndiyakubona ukubengezela kwempumlo yalo, kodwa liyazi ukuba kufuneka lime lingashukumi, ukuze likhuseleke. Ndakuba ndilibonile licaca gca.

Ndiyahleba, "Ngaba eli thole lonwabile xa lilodwa, Tatomkhulu?"

Unqwala intloko yakhe ebhekise kwigophe lenyele. Gqi ngexhama lisijongile, lothukile kuba lingathandi ukuba siqwalasele ithole lalo, elahlulwe kulo ngumjelo wamanzi.

UTatomkhulu uyancuma.

"Uza kuma apho okanye uza kuqubha uye ngaphaya?" Uthethe ngathi yena nexhama banembali esuka kude bobabini.

Sithe cwaka kwimizuzu embalwa wade waphinda wathetha kwakhona uTatomkhulu. "Lithuba lakho lokubhexa ngoku," utshilo. Mna noTatomkhulu wam besesithathe uhambo amaxesha aliwaka afana neli kule nyele yezibuko. Nangoku silapha nje singabantu abancinane ababukele ulwandle oluguqu-guqukayo. Ndiphakamisa izibhexo ndibhexe, nditsala, ndiqengqa futhi ndiphakamisa ngendlela awandifundisa ngayo uTatomkhulu. Amaphini okubhexa etshiza okwewotshi encinciza ingangxamanga.

Umhla:

"Hannah, kukho into ebalulekileyo endifuna undikhumbuze yona hleze ndilibale."

"Ndingakwenzela ntoni, Tatomkhulu," Ndimbuze ndingangxamanga uTatomkhulu ndambona ebeka isandla sakhe esinamaqhuqhutye esitulweni phakathi kwethu.

Esam isandla esigude njengemephu engenazihambo ndisibeke phezu kwesakhe. **Sizifumbe** ngolo hlobo izandla zethu, esinye phezu kwesinye. "Ndikhumbuze ngeehambo ezibaluleke njengolu hambo. Ezo ntsuku zingalibalekiyo zihlala ezingqondweni zethu ukuze zisenze abantu esingabo."



Masibhale

Ucinga ukuba kutheni le ncwadi yanikwa isihloko esithi *UMnenga waphakade*. Ucinga ukuba sisihloko esilungileyo esi? Xela isizathu.

Babephi uHannah notatomkhulu wakhe?

Babeka iminwe emilebeni yabo. Kutheni?

Ithole lexhama lalingahlelanga nonina. Ucinga ukuba ithole lexhama laliziva njani? Ucinga ukuba unina wayeziva njani yena?

UTatomkhulu wayecinga ukuba oko babekubona apho kwakungummangaliso omkhulu. Kwakutheni ukuze akubone kungummangaliso?

Utatomkhulu kaHanna mdala. Leliphi ibinzana lamagama elikuxelela oko?

Utatomkhulu kaHanna uthi iintsuku ezizodwa eziyinxenye yeenkumbulo zethu zisenza abantu esingabo. Ucinga ukuba uthetha ukuthini?

Ngaba unazo iintsuku ezizodwa oya kusoloko uzikhumbula? Bhala umhlathi uchaze olo suku.

Ucinga ukuba ngubani obalisayo? Uyazi njani loo nto?

Ulwalamano





Masibhale Abalinganiswa ebalini bahlulwa zizizukulwana ezibini – kodwa banolwalamano olulodwa kakhulu.

Bhala umhlathi ngolwalamano olulodwa onalo notatomkhulu wakho okanye umakhulu okanye umntu omdala kunawe. Qinisekisa ukuba unesivakalisi esingundoqo kunye nezivakalisi ezinika inkxaso ezichaza banzi ngesivakalisi sesihloko.





Masibhale Balisa ngesicatshulwa esivela kwibali elithi *uMnenga waphakade*. Xela okwenzekayo, ngubani othathe inxaxheba kwaye saba yintoni isiphumo. Zibuze ukuba ngaba uquke iinkcukacha ezingundoqo zodwa na nokuthi umntu ofunda ibali lakho olibhale ngamazwi akho uya kuwaqonda na amanqaku aphambili. Bhala izivakalisi ezi-5.

Xa usenza **isishwankathelo** okanye ubhala isiqendu ngamazwi akho, ubhala izimvo eziphambili **ngamazwi akho.**

Kodwa okughelekileyo kukushwankathela **lonke ibali** uze ubhale **intwana encinane yebali** ngamazwi akho.





Masibhale Amagama abhalwe ngqindilili athetha ntoni? Khetha intsingiselo echanekileyo kuludwe olugasekunene. Bhala amagama angqindilili kwisichazi-magama sakho.



Umhla: _____

linkumbulo	enamabala
umvubo	unxweme
sizifumbe	ndiyasebeza
nyele	beka esinye phezu kwesinye
enamachokoza	izinto esizikhumbulayo
ndiyahleba	ingxubevange





Masibhale

Dibanisa ezi zivakalisi zibe zizivakalisi ezixandileyo.

Utatomkhulu wam unephenyane. Likhulu ngokwaneleyo lingangena abantu ababini.

Lo ngutatomkhulu wam. Usisilumko kakhulu.

Sikhe saya esiqithini. Sihle ngokumangalisayo.

IZIMELABIZO ZOCHAZO

Sisebenzisa isiphawuli okanye isibaluli esongezelelweyo maxa wambi xa sithetha ngesibizo ebesesixeliwe, ukuze sinike ezinye iinkcukacha ngesibizo eso. Sisisebenzisela ukudibanisa izivakalisi ezibini okanye ezingaphezulu.

Uyakuqaphela ukuba isivumelanisi esongezelelweyo sesiphawuli okanye sesibaluli sibunjwe ngesakhi sichazi esingu-a + nesivumelanisi sesichazi. U-a ujika abe ngu-e xa kukho u-i kwilungu elimlandelayo aze abe ngu-o xa elandelwa ngu-u. Umz. Uboya obude buyachetywa. Utatomkhulu okhathalayo ubuka ithole lexhama.



Masibhale



UHannah uthi **izibhexo bezitshiza ngathi yiwotshi encinciza ingangxamanga**.

Uthelekisa izibhexo nokuncinciza kwewotshi. Olu thelekiso lubonisa ukuba izibhexo zinesingqisho esicothayo kwaye zihambelana namanzi.

Isifaniso sithelekisa into nenye ngokusebenzisa u-**njenge** okanye u-**okwe** ukuzoba umfanekiso wamagama.

Kukho isifaniso ebalini: *Esam isandla esigude njengemephu engenazihambo.*

Isandla sakhe usithelekisa nantoni?

Olu thelekiso lubonisa ntoni?

Ucinga ukuba isandla sakhe sahluke njani kwesikatatomkhulu wakhe?



Uphengululo lwencwadi





Masithethe Sebenzani ngokwamaqela.

Yeyiphi incwadi oyithanda kakhulu? Balisela iklasi ngaloo ncwadi: imo-ntlalo, abalinganiswa, isakhiwo sebali nokuba kutheni le ncwadi ifanele ukufundwa.



Masifunde Funda uphengululo lwencwadi elandelayo.

Uphengululo lwencwadi luchazela abantu ukuba incwadi imalunga nantoni. Umphengululi (umntu obhala uphengululo) ukholisa ukukuxelela ngobudala beqela ekugqaliselwe kulo xa bekubhalwa incwadi. Unako nokuxela ukuba ngaba uyibona ibhalwe kakuhle na okanye akunjalo, ukuba inomdla na nokuba ulwimi lufundeka lula okanye nzima na.

Igalimoto
nguKaren Lynn Williams



Inkwenkwana yaseMalawi ivula ibhokisi yayo yendyebo, ikhuphe ucingo ize yenze isigqibo sokwakha igalimoto (ligama laseMalawi lemoto). Kodwa ayinacingo lwaneleyo. Ngoko ke isuka iye kuluzingela kuyo yonke ilali. Ngaba iza kufumana olwaneleyo lokwenza ithoyi eyodwa kwaye, xa kunjalo, ingaba inombono wokujikajika olo cingo lube njani?

Abafundi baya kuthanda umoya wolonwabo, inkululeko nengcingane yale nkwenkwana ebalini kodwa basenokudaniswa yindlela abantu abakhulu abayikrokrela ngayo injongo yale nkwenkwana xa ikhangela ngasezivenkileni nansezitiphini. Ndicinga ukuba kwilali encinane njengale iyaziwa ngoko ke abahlali abanakuyicingela kakubi. Nangona kunjalo, eli bali linomdla, kwaye libhalwe kakuhle. Imizobo imibala-bala kwaye ibonisa umfundi ukuba ikhangeleka njani na iMalawi.



Ngaphezu kwako konke ndimangaliswe yindlela le nkwenkwana eyonwatyiswa ngayo yinto encinane kangaka – indlela ibhokisana yayo yeendyebo ehlangana ngayo nengcingane yayo ukuze kufane kanye novuyo lomntu oye kuthenga kwaNtozonke – kungade kube ngcono kunoko, omnye umntu unokutsho! Kubonakala ngathi umntu onezinto ezimbalwa ezizezakhe, uzixabisa ngakumbi. Kanti ikwayinyaniso ukuba abantwana bakhetha eyona thoyi bayithandayo nokuba zimbini nokuba banezininzi kangakanani na; ngathi kudaliwe emntwaneni ukuba abe nento ayixabise kakhulu kwaye ndicinga ukuba olu vakalelo lufumaneka kwindalo-jikelele luboniswa ngendlela echaneke kakhulu kule ncwadi.



Le yincwadi enokuthandwa ngabantwana abaneminyaka eli-9 ukuya kweli-11. Inika umfanekiso wabantu nobomi babo. Ulwimi olusetyenzisiweyo lunzima, kodwa umfundi uya kukwazi ukufumana iintsingiselo zamagama.

Umhla: _____



Masibhale Funda imibuzo uze ubhale iimpendulo.



Sithini isihloko sale ncwadi?

Ithetha ngantoni le ncwadi?

Ihlala kweliphi ilizwe le nkwenkwana?

Le nkwenkwana yenza isigqibo sokwenza ntoni?

Wena unawo umnqweno wokuyifunda le ncwadi? Bhala umhlathi ochaza impendulo yakho.



Masibhale Athetha ntoni amagama abhalwe ngqindilili? Khetha intsingiselo echanekileyo kuludwe olungasekunene. Bhala amagama angqindilili kwisichazi-magama sakho uze uwasebenzise ekubhaleni ezakho izivakalisi.

ukuphoxwa	ukungathembakali
uyavuya	imifanekiso
iyakrokreleka	gabalala; kwihlabathi lonke
ukukhwankqiswa	ukukhangela; ukufuna
imizobo	ukudaniswa
ukuzingela	ukumangaliswa
jikelele	wonwabile





Ukubhala uphengululo



Masibhale

Uza kubhala uphengululo ngesicatshulwa esithi *UMnenga waphakade* obhalwe nguSarah Lean. Sebenzisa isakhiwo esingezantsi xa ulubhala.

Isihloko

Umbhali



Abalinganiswa: Ngoobani? Ubathandile? Bakwenze waziva njani?

Isakhiwo sebali: Kwenzeka ntoni? Limnandi, liyoyikisa, liyachulumancisa xa ulifunda?

Izimvo zenu: Yeyiphi indawo oyithande kakhulu kwisicatshulwa kwaye kutheni?

Ucinga ukuba ungayifuna le ncwadi? Kutheni?

Ucinga ukuba eli bali linemfundiso? Ngaba ikhona into oyifunde kwesi sicatshulwa?

Ungayincoma le ncwadi kumhlobo wakho? Kutheni? Kutheni ungenakuyincoma?

Shwankathela uluvo lwakho ngesicatshulwa ngesivakalisi esinye uze usinike inkwenkwezi echanekileyo.

Umhla:



Masibhale

Krwela umgca ngaphantsi kwezenzi ezikwixesha eladlulayo kulo mhlathi.

Utitshala kaJamal, uNkszn. Sampson, ucele abazali bakhe ukuba beze entlanganisweni. “Mnu. noNkosk. Ngoma,” watsho, “UJamal kufuneka aphucule upelo-magama lwakhe, imathematika nezifundo zentlalo. Akayizikisi ingqondo yakhe.” Yayiyinyaniso leyo. UJamal wayengazikhathazi ngokucinga ngendlela ende yokwahlula, ngabakhenkethi belizwe okanye upelo-magama. Eyona nto wayeyithanda esikolweni yayilixesha lokuphumla, xa edlala ngebhola yakhe yombhoxo. Abazali bakaJamal bamyalela ukuba ayishiye ekhaya ibhola yakhe yombhoxo. Wadandatheka umphefumlo wakhe. Wayeziva elahlekile ngaphandle kwebhola yakhe. Wayeka ukuthetha eklasini. Ngexesha lokuphumla, wayesima yedwa ethe ndwanya ngamehlo alusizi eyekelele amagxa. Abazali bakhe bathi, “Kumele ukuba kubekho icebo lale nto.” Bacinga icebo baze baliqalisa kwangoko kodwa lilihlebo.

Masibhale

Guqula izenzi zexesha elidlulileyo neladlulayo kwesi sicatshulwa zibe zezexesha langoku.

Ngenye imini, uNksk. Sampson weza nondwendwe olubalulekileyo eklasini – uBrian Habana! UJamal wayengawuvali umlomo! UBrian Habana wathetha naye wamxelela ukuba ukuze abe ngumdlali olichule webhola yombhoxo, makazimisele ngezifundo zemathematika, upelo-magama nezinye izifundo zesikolo.

Masibhale

Krwela umgca ngaphantsi kwesenzi esichanekileyo kwezi zivakalisi.



- UBrian Habana uthetha/bathetha noJamal.
- Ngexesha lokuphumla, uJamal uma/bama yedwa elusizi.
- UNksk. Sampson ubuza/babuza ukuba uJamal uye phi/baye phi.
- UHabana wacinga/bacinga ukuba angamnceda uJamal.
- Abazali bam wayesazi/ babesazi ukuba uNksk. Sampson uzama/bazama ukundinceda.



Masibhale

Yahlula la magama ngokwamalungu awo. Biza igama ngalinye, uqhwabe izandla ukubonisa ukuba liphi elo lungu. Emva koko bhala igama, ubonise amalungu (umzekelo: u/m/bha/li).

umzobo	nkosikazi	ababhali	intlalo	isakhiwo

Inqaku ledayari



Masithethe Unayo idayari?



Ukuba kunjalo, zinto zini ozibhala kule ncwadi? Ukuba akunayo idayari, ubuza kubhala ntoni ukuba ubunayo?

Inqaku ledayari lichaza iziganeko zobomi bombhali, ngokokulandelelana kwazo. Umbhali usebenzisa izibizo (ukuchonga abantu, izinto nezilwanyana), izihlanganisi (kamva, emva koko, phambi koko) kunye nexesha elidlulileyo. Izenzi zikholisa ukuba ngamagama abonisa izenzo.



Masifunde Funda uphengululo olulandelayo lwencwadi.



Uyabona sekudlule iiveki ezintlanu oko ndaqqibela ukubhala apha. Bendixakekile kule nyanga! Ubhuti womhlobo wam ebesicele ukuba simncedise alungiselele itheko. Bekufuneka silungise izibane nomculo, kunye nokutya neziselo ezibandayo zabantu abangama-40. Itheko belingummangaliso. Besixhentsa sithetha sixhuma-xhuma kwiqonga lokuxhuma-xhuma.

Kungekudala, yaba lixesha leeholide. Luthe lwakufika usuku lokwahlulwa, sonke sangenela ugqatso lokubalekela izindlu zethu sicanda ilizwe. Emva koko, mna nabahlobo bam saya edamini. Nesiqingatha seklasi yam senza njalo, kuba likufutshane. Sidlale ibhola ekhatywayo, samamela umculo kwaye salonwabela kakhulu usuku lwethu lokuqala lweholide.



Kusuku olulandelayo ndaya elwandle nomhlobo wam. Ndaziva ndinethamsanqa kuba ndandiye kwakanye kuphela elwandle. Iintsuku zokuqala zazimyoli. Ilanga lalifudumele namanzi ngokunjalo. Emva koko kwaqalisa ukuna. Mna nomhlobo wam saqalisa ukwakha iphazili yamaceba ali-1000 awayeyiphiwe ngumntu othile ngosuku lwakhe lokuzalwa. Ulwandle lwalungumkhenkce, kodwa ndaqubha. Ndandingafuni kuzisola emva koko ngokungaqubhi yonke imihla elwandle.



Sibuyele esikolweni ngoku sekusele iiveki ezine phambi kokuba sibhale iimviwo zethu zokuphela konyaka. Ubunokucinga ukuba utitshala uza kuyeka ukusinika umsebenzi wasekhaya. Kodwa akunjalo! Ndineprojekthi yezembali. Umsebenzi omtsha, sekusele iiveki ezine kuphela phambi kweemviwo zokuphela konyaka. Akwaba ootitshala bebenokusihlaziyisa izifundo esesizenzile endaweni yokuqala umsebenzi omtsha!

Abasakhumbuli ukuba kwakunjani ngokuya babesakhula?



Masibhale Lubhalo olunjani olu lukulo mhlathi? Phawula impendulo echanekileyo.

luphengululo lwencwadi		yinoveli		yimbali ngomntu		linqaku ledayari	

Umhla:

Nika izizathu zempendulo yakho.

Ucinga ukuba umbhali mdala kangakanani? Xela ukuba kutheni usitsho njalo.

Ebesenza ntoni yena nabanye abaninzi afunda nabo ngosuku lokuqala lwesikolo?

Uyakuthanda ukuqubha umbhali? Wazi njani?

Uziva njani ngootitshala? Nika izizathu zokuba utsho.

Uqala idayari yakhe ngokuthi lide ithuba engasabhali nto kuyo. Ucinga ukuba ebelinde ntoni ithuba elingako?

Ngexesha leeholide yena nomhlobo wakhe bakha iphazili xa yayisina imvula. Bhala imigca emibini uchaze ukuba wena ubuya kwenza ntoni ukuba ibinokuna ngexesha leholide.

Krwela umgca ngaphantsi kwezenzi ezihlanu ezibonisa izenzo zexesha elidlulileyo okanye eladlulayo kwinqaku ledayari. Emva koko biyela ngesangqa onke amagama ahlanganisayo.

Masibhale Funa kwisicatshulwa amagama anentsingiselo efana neyala mabinzana.

ukuququzelela	
ukuziva ubabalwe	
iimilo ezingafaniyo ezenza umfanekiso xa zidibene	
umsebenzi	
ingqele egqithisileyo	
ukhuphiswano	

Masiyile



Masibhale

Uza kubhala uphengululo lwencwadi oyifundileyo. Sebenzisa isakhelo esingezantsi xa ubhala.

Isihloko _____

Umbhali _____

Abalinganiswa: Ngoobani? Ubathandile? Bakwenze waziva njani? _____

_____

_____

_____

Isakhiwo sebali: Kwenzeka ntoni? Belisonwabisa, lisothusa, lichulumachisa xa ulifunda?

_____

_____

_____

Izimvo zakho: Yeyiphi eyona ndawo uyithande kakhulu kwaye kutheni? _____

_____

_____

_____

Uyithandile incwadi? Ngaba zikhona iindawo onqwenela ukuziguqula? Kutheni?

_____

_____

Ngaba linemfundiso ibali? Ikhona into oyifunde encwadini? _____

_____

_____

Ungayincoma le ncwadi kumhlobo wakho? Kutheni? Kutheni kungenjalo? _____

_____

_____

_____

Shwankathela uluvo lwakho ngale ncwadi ngesivakalisi esinye uze unike inkwenkwezi echanekileyo.

_____

_____





Umhla: _____



Masibhale

Sebenzisa izichazi (iziphawuli nezibaluli), izihlomelo nezihlanganisi ezisezibhokisini kunye nezibizo ezizezakho kunye nezenzi ukuze wakhe izivakalisi ezihlanu.





Masibhale

Sebenzisa izihlomelo ezisebhokisini yamagama ukuze ugqibezele izivakalisi. Emva koko krwela umgca ngaphantsi komntu, abantu okanye isibizo esenze isenzo esichazwa sisihlomelo.

ngokwam	ngokwakho	ngokwakhe	ngokwayo
ngokwabo	ngokwenu	ngokwethu	

Ndizenzele ..... iprojekthi yezembali, naye uzenzele ..... eyakhe.

Siziyele ..... elwandle ukuya kuqubha.

Ubhuti womhlobo wam uzlilungiselele ..... itheko lakhe.

Abantwana bazenzela ..... iphazile.

Ziboneleni ..... ukuba niphuma njani apho.

Kubalulekile ukuba uzibhalele ..... umsebenzi wesikolo.

Isixando sokuzenza sisetyenziswa xa intloko yesivakalisi nenjongosenzi zibhekisela kwisibizo esinye. Sisibona ngesakhi u-**zi**- esihlonyelwa phambi kwesenzi. Umz. Umama uzisike ngemela emnweni.



UNelson Mandela – ibali ngobomi bakhe (Ibhayografi)



Masithethe

Ngaba ukhona umntu omaziyo ongumzekelo omhle kuwe? Xelela iklasi ukuba ngubani.

Ibhayografi libali eliyinyani elingobomi bomntu obalulekileyo, elibhalwe ngomnye umntu. Ibhayografi ichaza konke okunggonge lo mntu, iimpembelelo zakhe kwabanye abantu; likwanika iinkcukacha ngaye kwanokuba umbhali uziva njani na ngalo mntu abhala ngaye.



Xelela iklasi ukuba umthandela ntoni lo mntu. Zeziphi iimpawu anazo ezimenza abe ngowohlobo olulodwa?

Xoxani, kumaqela enu, ngomahluko phakathi kobhalo ngobomi bomntu nolubhalwe nguye.

Ngoku, xoxa ngomahluko phakathi kwenoveli, inqaku ledayari nebali ngobomi bomntu.





Masifunde

UNelson Rolihlahla Mandela wazalelwa kwilali ekufuphi naseMthatha phesheya kweNciba. Esemncinane wayenephupha lokuba ligqwetha nelokunceda abantu kumzabalazo wenkululeko.



Akuba egqibile esikolweni, wafunda imfundo yesidanga kwezomthetho. Wavula iofisi eGoli, ekunye no-Oliver Tambo. Wazibandakanya neqela leANC waza wanyulwa njengomongameli wePhiko yoLutsha. Kamva, waba ngusekela-mongameli we-ANC ngokwayo.

Ngo-1962, wafunyaniswa enetyala, kwiTyala laseRivonia, lokungcatsha umbuso. Xa wayebekwa ityala wathetha la mazwi:

"Ndilulwile ugonyamelo olwenziwa ngabaMhlophe, ndalulwa nogonyamelo olwenziwa ngabaNtsundu. Ndiwuxabise kakhulu umbandela woluntu olunedemokhrasi nolukhululekileyo apho bonke abantu bahleli khona ngemvisiswano benamathuba alinganayo. Leyo yimbono endinethemba lokuba ndiya kuyiphilela ndiyifeze. Kodwa ukuba kuyimfuneko, yimbono endizimiseleyo nokuthi ndiyifele."

Wachitha iminyaka emininzi entolongweni. Emva kokukhululwa kwakhe, waba ngumongameli wokuqala omnyama weloMzantsi Afrika.

Wawongwa ngembasa iNobel Peace Prize ngo-1993.



Imbasa iNobel Peace Prize yimbasa ebaluleke kakhulu enikwa abantu abanegalelo ekuphuculeni impilo yabanye abantu.

Umhla:

Masibhale Funa izifanokuthi zala magama akulo mhlathi.

iwonga	impumelelo
umnqweno	umaziphathe; ulingano
wahlala	uxolo
ummeli	



Masibhale Funda imibuzo uze ubhale iimpendulo.

Wazalelwa phi uNelson Mandela?

Zinto zini ezimbini awaba nephupha lokuzenza.

Wayethetha ukuthini uMandela ngokuthi ukulwile ukonganyelwa ngumntu omhlophe nangumntu omnyama?

Wathi ngaphezu kwento yonke ufuna ukuba abantu baphile ngoxolo kunye. Ucinga ukuba ufezekile umnqweno wakhe? Xela ukuba kutheni ucinga njalo.

UMandela wanikwa iNobel Peace Prize. Ucinga ukuba waziva njani xa wayefumana le mbasa? Xela isizathu.

Yintoni esiyifumanisa ngoMandela xa sifunda okubhalwe ngaye?

Ibali ngobomi bomntu (Ibhayografi)



Masibhale

Cingela xa umhlobo wakho ebengumntu odumileyo. Sebenza naye ubhale iimpendulo zale mibuzo: Zeziphi iinyaniso ezithile ngawe, ngosapho lwakho nalapho uhlala khona?

Zeziphi izinto ezibalulekileyo ozikhumbulayo?



Ngoku, cela umhlobo wakho eze neefoto zosapho ezibonisa ixesha elibalulekileyo ebomini bakhe. Buza umhlobo wakho ukuba kutheni ekhethe ezo foto.

Cela umhlobo wakho ukuba eze esikolweni nezo zinto zithetha ngaye. Buza umhlobo wakho ukuba kutheni ekhethe ezo zinto nje.

Okokugqibela, cela umhlobo wakho agqibezele ezi zivakalisi.

Ndiya kusoloko ndilikhumbula ixesha apho _____

Enye yeenkumbulo zam ezimnandi kuxa _____

Ndasebenza nzima _____

Ndaziva ndilusizi xa _____

Ndinethemba lokuba abantu baya kundikhumbula nje _____

Sebenzisa ezi nkcukacha ubhale ngomhlobo wakho.



Umhla: _____

Masibhale

Izivakalisi ezisebhokisini zisixelela ngeenkcukacha esizifumana kwibali elimalunga noNelson Mandela. Faka iinombolo kwizivakalisi ubonise ukulandelelana kweenkcukacha.

Umbhali ucaphula kwintetho kaMandela kwiTyala laseRivonia.	
Umbhali usibonisa indlela angummangaliso ngayo uMandela.	
Umbhali uxela igama lomntu abhala ngaye.	
Umbhali usixelela ukuba uMandela wenza ntoni akuba egqibile esikolweni.	

Masibhale

UJamal wayezixakekise ngokudlala ngebhola yakhe kangangokuba walibala ukuqwalasela izivakalisi awayefanele ukuzibhalela uNksk. Sampson. Mlungisele zona.



Qinisekisa ukuba izivakalisi zakhe zinoonobumba abakhulu, izingxi, iikoma neempawu zokhuzo kuzo zonke iindawo ezifanelekileyo.

ndifuna ukudlala ibhola yombhoxo nabahlobo bam kwaye ndiye kubona ubrian Habana esemdlalweni

_____

owu sipho ndilibele ukwenza umsebenzi wam wasekhaya, ukutshayela iyadi nokucoca igumbi lam lokulala kuba bendidlala ibhola yombhoxo

_____

Masibhale

Tshatisa isaci okanye iqhalo nentsingiselo yalo.

Ukuba neminwe emide.		ukugqugula
Intaka yakha ngoboya benye.		Ukuba lisela.
Ukuhlinza impuku.		Umntu akaziboni iziphoso zakhe.
Iqaqa aliziva kunuka.		Kuyancedwana.

Isaci yintetho emfutshane enentsingiselo efihlakeleyo okanye ekwekwayo. Iqhalo yintetho epheleleyo ekholisa ngokuba nemfundiso okanye isiyalo.



Umtsalane wesaziso



Masithethe Abantu bazenzela ntoni izaziso?

Xa usenza isaziso ngento, kutheni kubalulekile ukuba ubazi abaphulaphuli bakho?

Kufuneka usebenzise uhlobo olunjani lolwimi?

Ungasebenzisa imibala eqaqambileyo kwisaziso? Xela isazathu.

Xelela iqela lakho ngesaziso ocinga ukuba siyawenza umsebenzi waso ubaxelele ukuba kutheni ucinga njalo.

Izaziso zikuyo yonke indawo esikuyo. Injongo yazo kukusithundeza ukuba sithenge into okanye sikholelwe kokuthile. Ukuze zitsale umdla wethu zisebenzisa oonobumba beemilo nobukhulu obushiyanayo; imibala eqaqambileyo; imifanekiso mhlawumbi engaqhelekanga okanye exhaphake kakhulu; kunye namagama namabinzana atsala umdla. Abenzi bezaziso bagqalisela izaziso zabo kumaqela ahlukileyo abantu: abadala, ulutsha, amakhwenkwe, amantombazana okanye abazali. La maqela abizwa ngokuba ngamaqela ekujoliswe kuwo.





Masifunde

Ziwa phi

UKHUPHISWANO-LOYILO-LWEZAZISO



Ngenela uKhuphiswano –loyilo-lwezaziso ukuze uphumelele amabhaso angummangaliso:

NGENELA UKHUPHISWANO NGOKU!

Ibhaso lokuqala: iwotshi exabisa i-R1 500 KUNYE nomqulu weencwadi oxabisa i-R3 000.
Ibhaso lesibini: yiwotshi ye-R1000.
Ibhaso lesithathu: umrhumo wonyaka weZiwa phi



Umntwana ngamnye makafunde iZiwa phi: imagazini enika ulwazi, umdla nolonwabo yabantwana abaphakathi kweminyaka eli-10 ukuya kweli-15 ubudala. Unako ukunceda ngokuba ifikelele ebantwaneni abaninzi ngokungenela ukhuphiswano lwethu lokuyila isaziso semagazini.

Ukhuphiswano luvuleleke kubo bonke abantwana abaneminyaka eli-10 ukuya kweli-15 ubudala. Isaziso masibhalwe ngesiXhosa kwaye kufuneka sonke sibe ngumsebenzi wakho. Masibe kwicwecwe elinye lephepha.

Thumela isaziso sakho apha: Ziwa phi Ukhuphiswano Loyilo Lwezaziso, PO Box 00000, Johannesburg, 1000

Qiniseka ukuba uyalibhala igama lakho, iminyaka yakho, igama lesikolo sakho nenombolo yaso yomnxeba kwisaziso sakho.

Umhla:



Masibhale Kubhalwa isaziso mhlawumbi xa kuthengiswa okuthile okanye xa uthundezwa ukuba wenze okuthile.

Krwaqula esi saziso uze uxele ukuba sibhalelwa ntoni.

Ngawaphi amagama owaqaphela kuqala kwesi saziso?

Kutheni uwaqaphela kuqala nje?

Ngoobani abaphulaphuli ekujoliswe kubo – isaziso sijoliswe koobani?

Ucinga ukuba kutheni kusetyenziswa imibala eqaqambileyo nje kwizaziso?

Ucinga ukuba kutheni ezinye iinkcukacha zikhethwa kwenye inxenye yesaziso ngokusebenzisa iimilo ezahluka-hlukileyo nebhokisi?

Ngaba isaziso sikwenza ufune ukungenela ukhuphiswano? Xela ukuba kutheni.

Qwalasela isaziso uphendule imibuzo.
Abantu bangaphumelela awaphi amabhaso kolu khuphiswano?

Mangaphi amaqela obudala alapho? Ngawaphi?

Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni xa ungenela ukhuphiswano ngomsebenzi ongenziwanga nguwe?

Yintoni umqulu weencwadi?

Ngaba ezi zivakalisi ziyinyaniso okanye aziyonyaniso? Biyela impendulo yakho ngesangqa. Phantsi kwesivakalisi ngasinye xela ukuba kutheni ucinga ukuba yinyaniso okanye asiyonyaniso.

Olu khuphiswano lolwabantwana abathanda ukubhala.	Yinyaniso:	Asiyonyaniso:
Bonke abantwana bayalungenela olu khuphiswano.	Yinyaniso:	Asiyonyaniso:
Ootitshala nabo bangaphumelela ibhaso.	Yinyaniso:	Asiyonyaniso:
Wonke umntu ongenelayo ibali lakhe liza kupapashwa kwimagazini.	Yinyaniso:	Asiyonyaniso:

Ukrwaqula ubhalo ukuze ufumane ufifi lomxholo walo, **uqwalasela** ubhalo ukuze ufumane iinkcukacha ezithile.



Yila isaziso



Masibhale

Yila isaziso se-Ziwa phi

Xa uyila isaziso sakho cinga ngabaphulaphuli bakho, abakuthandayo nabangakuthandiyo, uhlobo lolwimi ofanele ukulusebenzisa, nokuba yeyiphi imizobo nemifanekiso oza kuyisebenzisa.

Isaziso sakho masijolise ebantwaneni abaneminyaka eli-10 ukuya kweli-15 ubudala kwaye sibe nomdla, ulwazi nolonwabo.

Ungalibali ukwenza isazobe sokucinga ephepheni ongalisebenzisiyo ukuze sikuncede ngesicwangciso sesaziso sakho. Xa sowugqibile ukubhala isaziso sakho, cela umhlobo wakho asihlele.

Usiyila njani isaziso?

Uninzi lwezaziso lunenjongo yokuthundeza abantu ukuba bathenge imveliso. Xa uyila isaziso, ufanele wazi ukuba unenjongo yokufikelela phi ngesaziso sakho. Kwakhona kufuneka ukwazi okuthandwa nokungathandwa ngabantu abanokuthenga imveliso.
Sisebenzisa amagama, imifanekiso, imibala neemilo ukutsala umdla wabantu. Xa uyila isaziso sakho cinga ngezi zinto:
Abaphulaphuli bakho: Isaziso sijoliswe kubani? Badala kangakanani?

- **Umtsalane:** Ungenza ntoni ukuze abaphulaphuli bakho bafune ukujonga nokufunda isaziso?
- **Ulwimi:** Sebenzisa ulwimi olululo oluqondwa ngabaphulaphuli bakho. Unako nokusebenzisa ulwimi olungasulungekanga.
- **Okubonwa ngamehlo:** Ngaba uza kusebenzisa imifanekiso, iifoto okanye imizobo? Uza kusebenzisa imibala enjani?



Isaziso sakho

Umhla: _____



Bhala phantsi igama elipheleleyo lesishunqulelo ngasinye kwezilandelayo.

Mnu.	
Nksk.	
Nksz.	
Njing.	
Umz.	
o.kt.	

Isishunqulelo luhlobo olufutshane lwegama. Izishunqulelo **ezininzi** ziqala ngonobumba omkhulu kanti ezinye ziphela ngesingxi.





Fakela isiphawuli okanye isibaluli esichanekileyo.

1. Oonobumba (khulu) _____ ngaba.
2. Umzobo (hle) _____ _____ usetafileni.
3. Ndibone isaziso (umdla) _____ _____ .
4. Amangenelo alo nyaka (bi) _____ kunawonyaka odlulileyo.
5. Isaziso (lungile) _____ sesi ngaphezu kwesiya.

Usebenzisa iimpawu zocaphulo xa:

- Uphinda into ethethwe ngomnye umntu njengoko injalo.
- Uthetha ngegama endaweni yokulisebenzisa kwintsingiselo ethile.
- Usebenzisa isiqhulo endaweni yegama lenene lomntu.



Faka iziphumlisi kwizivakalisi ezilandelayo: sebenzisa iimpawu zocaphulo neekoma kwiindawo ezifanelekileyo.

Ndifuna wonke umntu oseklasini yam ukuba angenele ukhuphiswano utshilo uNksk. Nkosi ongutitshala wethu.

_____

Isishunqulelo mnu siyasetyenziswa ngamanye amaxesha endaweni kamnumzana.

_____

Ndiphumelele ukhuphiswano lwesaziso ngoku abantwana bathi ndiyiKumkani yeZaziso.

_____



Ukutya, uncuthu lokutya!

Masithethe Sebenzani ngokwamaqela.

Xelela iqela lakho ngokona kutya ukuthandayo, kwenziwe ngantoni nokuba kutheni ucinga ukuba kuluncuthu.



Masifunde Funda isaziso esilandelayo.



Umhla: _____





Masibhale Funda imibuzo uze ubhale iimpendulo zakho.

Sibhalelwe ntoni esi saziso? _____

_____

Ngawaphi amagama akwisaziso owabone kuqala? _____

_____

Kutheni uwabone kuqala nje? _____

_____

Ngoobani abaphulaphuli ekujoliswe kubo? Bhala phantsi iinkcukacha ezikuxelela oku.

_____

Ucinga ukuba kutheni kusetyenziswa imibala eqaqambileyo kwisaziso?

_____

Ucinga ukuba kutheni ezinye iinkcukacha zahlulwe kwezinye ngokusebenzisa iibhokisi, iimilo zeenkwenkwezi nemibala?

_____

Ngaba isaziso sikwenza ufune ukuthenga iiPepile Ezigcwayelweyo?

_____

Isaziso sisebenzisa uphinda-phindo lwezandi (xa amagama asondeleleneyo enezandi ezifanayo). Bhala phantsi umzekelo okwesi saziso.

_____

Ucinga ukuba abantwana bangatya kangangoko bethanda kwisidlo esiphakathi kwakusasa nasemini? Xela ukuba kutheni usitsho.

_____





Masibhale Funda okuthethwa nguDora kuXola. Emva koko bhala incoko yabo kwintetho ngqo.



Ubuzile uDora _____

UXola uphendule wathi _____

Isaziso seenyosi zobusi

Masibhale

Ucelwe ukuba uyile isaziso ngobusi obutsha befeyinibhosi yaseKoloni. Iqela ekugqaliselwe kulo ngabantwana abaneminyaka eli-10 ukuya kweli-15.

Jonga izivakalisi ezingezantsi. Unako ukusebenzisa ezinye zezi zimvo. Faka umbala omthubi oqaqambileyo kwizimvo ocinga ukuba uza kuzisebenzisa. Kanti ungaziqambela awakho amagama, amabinzana nezivakalisi.



Iinyosi ezingama-10 000 zidibanele ukwenza obu busi.

Ubusi bulunge njengegolide!

Iinyosi zaseMzantsi Afrika zisebenze nzima kulo lonke ihlobo.

Ukuze zenze ikhilogram yobusi, iinyosi zibhabha ukusuka eGoli ukuya eKapa ziphinde zibuye zikwenze oko amaxa asibhozo.

Bumnandi esonkeni nasetini yakho.

Bumnandi bubodwa.

Buswiti.

Benziwa zilinyosi ezinempilo, ezonwabileyo.



Kwimigca engabhalwanga nto, bhala amagama akho amabini, amabinzana okanye izivakalisi eziza kusetyenziswa kwisaziso.



Thiya ubusi bakho igama. Libhale phezulu kwisaziso sakho. Cinga ngokusebenzisa uphinda-phindo lwezandi kwigama lakho ukuze litsale umdla weqela ekujoliswe kulo. Ngoku sebenzisa izivakalisi ozifake umbala ubhale isaziso sakho kwiphepha elilandelayo.

Xa ubhala isaziso sakho cinga ngokulandelayo:

Iqela ojolise kulo – isaziso sijoliswe koobani?

Ulwimi olusebenzisayo – ngaba lulula kodwa luyasebenza? Ngaba luyawutsala umdla womfundi wakho?

Ubukhulu boonobumba oza kubasebenzisa – ingaba buza kwahluka ngokwahluka kwamagama, amabinzana nakwizivakalisi?

Imibala oza kuyisebenzisa – yeyiphi imibala eza kutsala umdla weqela lakho ojolise kulo?

Imifanekiso oza kuyisebenzisa okanye oza kuyizoba – uza kuyibeka phi?

Iimilo zohlobo olulodwa oza kuzisebenzisa – uza kuwutsalela njani umdla kumagama nakumabinzana athile?

Iinkcukacha zakho, isihloko sakho neemilo ezizodwa zakho – uza kuzifaka phi?

Umhla: _____

Phambi kokuba ubhale isaziso sakho, qala ngokwenza isicwangciso saso ephepheni. Qiniseka ukuba izivakalisi zakho zitsala amehlo kwaye zilula. Emva kokusibhala, cela omnye eqeleni lakho ukuba asijonge, aphawule ngaso, ukuba kukho imfuneko, asihlele.







Masibhale Yakha isivakalisi esilula ngelinye lala magama.

sinomdla _____

_____

uncuthu _____

_____

unempilo _____

_____

igolide _____





Isivakalisi **esilula** sisivakalisi esinegatya elinye, nesibizo esiyintloko esinye kunye nesenzi .

Umzekelo:

Ubusi bozuko buthengiseke kakuhle kakhulu.

intloko

isivisa

Ithiyetha yabantwana



Masithethe

Yintoni umahluko phakathi kwento eboniswa kumboniso bhanya-bhanya nento eboniswa kwiholo yemidlalo yeqonga, ithiyetha?

Wakhe waya kwithiyetha?

Ukuba kunjalo, wabona ntoni?

Xelela iqela lakho okanye iklasi ngomdlalo owawubonayo uze uzame ukubathundeza ukuba baye kuwubona.





Masifunde

Abantwana behlabathi liphela bawonwabela kakhulu umdlalo othi *Pippi Longstocking*. Kwiminyaka embalwa edlulileyo abantwana baseGoli baba nethamsanqa lokufumana ithuba lokubona lo mdlalo. Jonga isaziso ukuze ufumanise ukuba kutheni uPippi Longstocking engumboniso owonwabisa kangaka nje.



Hleka ude ulale ngomqolo

UBUYE NGENXA YODUMO!

AbeHolo leSizwe lemiDlalo yeqonga yaBantwana banebhongo lokuvakalisa ixesha lebali labantwana elihlekisayo **u-Pippi Longstocking**. Le mveliso iza kuqhuba ngethuba leeholide zePasika, ukususela ngomhla wesi-7 kuMatshi.

UPippi yintombazana eyonwabileyo ehlala yodwa **kwindlu eyihoki**, nehashe kunye nenkawu esisilo-qabane sayo. UPippi unamaqhinga angaqhelekanga kwaphela, kodwa akholisa ukumfaka engxakini! Abantwana bakuthanda ngenene ukubukela ukuba **uza kwenza intoni**.

Ungumntwana othandekayo, kwaye bonke abantwana abambonayo bafuna ukuba nguPippi. Emva komboniso, abantwana bakhawuleza baye kwithala leencwadi baye kufuna incwadi ethi Pippi Longstocking. Akunakuze ungamthandi uPippi. Ukuxutywa kweengoma, umxhentso nokudel' ukufa ezi zinto zenza uyilo lomboniso ongummangaliso oya kuthandwa ngabantwana. Zidibanise noPippi, inkawu yakhe, uMnumzana Nilsson nehashe lakhe elisisilo-qabane (kakade nje!) xa beqakatha ukusuka kwilinge lokudel' ukufa ukuya eqhingeni elitsha.

Ukusuka kumhla wesi-7 kweyoKwindla ukuya kowe-16 kwekaTshazimpuzi

UPippi Longstocking uza kuqhuba kwiQonga leSizwe leMidlalo yeqonga yaBantwana,
3 Junction Avenue, Parktown, Johannesburg.
Ngexesha lesikolo, imiboniso iboniswa phakathi evekini ngeye-09:00 nangeye-10:30.
Ngamathuba eeholide, imiboniso ingeye-10:30 nangeye-14:30, ngoMvulo ukuya ngoMgqibelo.

Izikolo ziyakwazi ukufaka izicelo zamalungiselelo eendawo zokuhlala nezaphulelo.

Umhla: _____



Masibhale Funda imibuzo uze ubhale iimpendulo zakho.



Esi saziso sibhalelwe ntoni? _____

Ngawaphi amagama owaqaphela kuqala kwesi saziso? _____

_____

_____

Yintoni eyenza uziqaphele kuqala? _____

_____

Ngoobani abaphula-phuli ekujoliswe kubo? Bhala iinkcukacha ezikuxelela oko.

_____

Ucinga ukuba kutheni kusetyenziswe imibala eqaqambileyo kwesi saziso? _____

_____

Kutheni ucinga ukuba ezinye iinkcukacha zahlulwe kwezinye ngokusebenzisa iibhokisi, iinkwenkwezi nemibala?

_____

Funa izivakalisi ezithathu ezizama ukuthundeza wena ukuba uye kubona lo mboniso, uze uzibhale apha:

_____

_____

_____

Ucinga ukuba lo mdlalo uyahlekisa? Ngawaphi amabinzana akuxelela oku? _____

_____

Ngaba uPippi Longstocking wakhe waboniswa kwiqonga lemidlalo ngaphambili? Xela ukuba ukwazi njani oku.

_____

Bhala izivakalisi ezibini uxele ukuba ucinga ukuba ungantoni na uPippi Longstocking.

_____

_____

Chaza intsingiselo yala mabinzana “okulandelayo acinga ukukwenza”.

_____



Umdlalo wam wethiyetha



Masibhale

Uza kubhala isaziso ngomdlalo wasesikolweni. Kubaluleke kakhulu ukuba isaziso sithundeze abantu ukuba beze emdlalweni, kuba ufuna ukuqokelela imali eninzi yabantwana abakhubazekileyo.



Sebenzisa amanye kula magama, amabinzana kunye nezivakalisi kwisaziso sakho. Bhala phantsi nezimvo zakho ezantsi koludwe.

ibali elonwabisayo	abalinganiswa abathabathekisayo
ingxoxo edlwengul'umxhelo	ukuhlekisa
ummangaliso	ubuhlobo
amandla aphilisayo othando	isiphelo esimnandi
umboniso wosapho	5 – 8 kweyoMsintsi



Xa ubhala isaziso sakho qinisekisa ukuba uquka oku kulandelayo:

- Igama lomdlalo ngoonobumba abakhulu, abangqindilili, abanemibala (kufuneka uthiye umdlalo igama)
- Ngubani odlala kulo mdlalo
- Apho uza kubanjelwa khona
- Imihla namaxesha emiboniso yomdlalo
- Inkcazelo emfutshane malunga nomxholo womdlalo
- Iinkcukacha zokufumana indawo





IINGCEBISO:

- Sebenzisa ulwimi olulula kodwa olunefuthe.
- Sebenzisa oonobumba abahlukileyo namagama anobukhulu obahlukeneyo, amabinzana nezivakalisi ezahlukileyo.
- Khetha imibala enomtsalane.
- Imifanekiso oyisikayo okanye oyizobayo mayixelele abantu ngomdlalo.
- Sebenzisa iimilo zohlobo olulodwa ukuze uqaqambise amagama namabinzana abalulekileyo.
- Uyilo lwesaziso sakho masitsale umdla wabantu kwaye luhambelane nento oyazisayo.

Umhla:

Phambi kokuba ubhale isaziso sakho, sicwangcisele ephepheni elilodwa. Qiniseka ukuba izivakalisi zakho zinomtsalane kwaye zifundeka lula. Emva kokuba uzibhalile, cela umntu eqeleni lakho ukuba akujongele zona, aphawule ngazo kwaye, ukuba kukho imfuneko, azihlele.





Masibhale

Biyela isenzi uze ukrwele umgca ngaphantsi kwesihlomelo ngasinye kwisivakalisi ngasinye esilandelayo. Emva koko xela ukuba isihlomelo sichaza isenzo ngokobunjani baso, ngokwendawo esenzeke kuyo okanye ngokwexesha laso.

Umzekelo: UJane wafunda isishwankathelo esingoPippi Longstocking ngokukhawuleza. Igama elithi *ngokukhawuleza* lichaza ukuba isenzo senzeke **njani**. Usifunde njani isishwankathelo? Ngokukhawuleza.

UMajopela waya emdlalweni kwangoko.	
UPippi Longstocking wadlaliswa ebusuku.	
Sawonwabela kakhulu umdlalo kangangokuba saziqhwaba ngamandla izandla wade waphela.	
Izolo siye ngebhasi emdlalweni.	



Ukhuphiswano lwekhompiyutha



Masithethe

Wakhe walungenela ukhuphiswano? Ukuba kunjalo, xelela iqela lakho ukuba waphumelela ntoni. Ukuba akunjalo, xelela iqela lakho into onqwenela ukuyiphumelela kukhuphiswano.

Isikolo sakho sinazo iikhompiyutha? Ukuba sinazo, uyaya kwizifundo zekhompiyutha? Uqhele ukwenza ntoni ekhompiyutheni? Xelela iqela lakho.

Ukuba aninazo iikhompiyutha, xelela iqela kutheni ucinga ukuba kubalulekile ukuba isikolo sakho sibe neekhompiyutha nje.



Masifunde

UKhuphiswano lweKhompiyutha iBrain Box



Fumanela isikolo sakho ikhompiyutha!



Isikolo sakho sisenokuba nethamsanqa lokuphumelela ikhompiyutha yohlobo lweBrain Box exabisa i-R10 000, enoqeqesho lwekhompiyutha lwasimahla olunikwa yinkampani yakwa-HANDS -ON Computers. Sifuna ukuba wena okanye iklasi yakho niyile ikhompiyutha. Ungenza nantoni na **engaqhelekanga!** Kulula!







Khawube nemibono! Yila ngokunjalo wazise ngekhompiyutha enokwenza ukuba ubomi bakho bube lulonwabo kwaye buvuselele!

Into ofanele ukuyenza kukwenza umzobo olula osisaziso sekhompiyutha yakho. Kwisaziso sakho sixelele okunokwenziwa yile khompiyutha yakho. Eyona khompiyutha ingaqhelekanga netsala umdla yiyo eya kuphumelela! Ungalibali ukusebenzisa zonke iindlela zokwenza isaziso ozifundileyo!



Ngoko ke, bafundi nootitshala, nxibani iikepusi zenu zokucinga! Khuphani iipenisile neekhrayoni zenu ukuze niqalise.



Iiklasi nabafundi abazimeleyo bangazigqatsa.



Thumela imisebenzi yoyilo apha:

UKhuphiswano lweKhompiyutha yeBrain Box,
PO Box 33446, Limpopo 0500

Umhla wokuvala: ngama-30 kweyeSilimela

Ungalibali ukusinika igama nedilesi yesikolo sakho.

Umhla: _____



Masibhale Phendula le mibuzo.

Sebenzisa esi sikhokelo wenze isigqibo ngebhokisi oza kuyiphawula:

1 = kaninzi/kakhulu; 2 = kancinane/ngamanye amaxesha; 3 = hayi	1	2	3
Unawo umdla kwiikhompiyutha? Xela isizathu:			
Unobuchule obungakanani bokusebenzisa ikhompiyutha?			
Ucinga ukuba iikhompyutha zibalulekile ebantwaneni besikolo?			

Jonga olu ukhuphiswano – lunika bhaso lini?

_____

Yintoni ofanele ukuyenza ukuze ungenele olu khuphiswano?

_____

Kubhengezwa ntoni?

_____



Isaziso sijoliswe koobani?

_____

Ungalungenela olu khuphiswano? Xela isizathu.

_____

Ngubani onika inkxaso-mali kolu khuphiswano?

_____

Masibhale Gqibezela ezi zivakalisi. Sebenzisa amanye amagama asebhokisini ukuze akuncede.

ayiqhelekanga	ukuqamba		intsha kwaye ayiqhelekanga	isicwangciso	ifana
akukho nto yimbi incomekayo	ukubhaqa	intsha	ayinakwenzeka	ubuchule bokuqamba	ucinge

Ukuyila into kuthetha _____

Into **ayiqhelekanga** xa _____

Into **isisiqalo** xa _____

Ingcingane yakho yenza ukuba _____



Uyilo lwam



Masibhale

Krwela imigca utshatise amabinzana angasekhohlo neentsingiselo zawo ezisekunene.

loo nto iziinkwenkwezi kuwe		ukuzifaka engxakini
lidudume ladlula		ihlebo livelile
ukuhla nomcinga		akunandlela yakuyifumana
ukuzicandel' umgala-gala		ukurhoxa entweni
amahlathi aphelile		loo nto ibisoyikwa idlule kungenzekanga nto



Masibhale

Wenze isigqibo sokungenela uKhuphiswano lweKhompiyutha yeBrain Box.

Cinga ngohlobo lwekhompiyutha ofuna ukuluyila. Iza kwenza ukuba wenze ntoni? Iza kukhangeleka njani? Khumbula ukuyenza yahluke ikhompiyutha yakho kwaye ivuselele. Yichaze ke ngoku.





Masibhale

Gqibezela ezi zivakalisi ngokufakela isenzi esichanekileyo.

Yikhompiyutha esingathwayo okanye ebekwa edesikeni (elungele/ezilungele) abafundi beBanga lesi-5. _____

UMila (akanayo/abanayo) ikhompiyutha noMathapelo ngokunjalo. _____

Abanye ootitshala besikolo sam (uzikhethele/bazikhethele) ukufundisa kwiziko leekhompiyutha. _____

Amantombazana amaninzi aselula namakhwenkwe (adlala/badlala) kunye imidlalwana yeekhompiyutha. _____

Eyona khompiyutha indala esikolweni sethu (isasebenza/zisasebenza) kakuhle ngokumangalisayo. _____



Umhla:



Masibhale

Yenza isicwangciso uze uyile isaziso sekhompiyutha yakho kwisithuba esingezantsi. Ungalibali ukufaka umzobo wekhompiyutha leyo! Wakugqiba ukwenza isaziso sakho, sinike umhlobo wakho ukuba asijonge kwaye asihlele ukuba kukho imfuneko.





Masizihlole



NDIYAKWAZI		
ukuthetha ngenoveli		
ukuchaza abalinganiswa, isakhiwo sebali nomyalezo		
ukufunda isicatshulwa kwinoveli		
ukuphendula imibuzo ethile		
ukuthetha ngesihloko		
ukuchaza uluvo oluthile		
ukubhala umhlathi onesivakalisi esiyintloko nezixhasayo		
ukubhala isishwankathelo		
ukutshatisa izivakalisi neentsingiselo zazo		
ukusebenzisa izimelabizo zochazo		
ukuchaza iintsingiselo zezifaniso		
ukufunda uphengululo		
ukuxoxa ngabalinganiswa, ngesakhiwo nangemo-ntlalo yenoveli		
ukubhala izivakalisi ngokusebenzisa amagama akwisicatshulwa		
ukubhala uphengululo ngokusebenzisa isakhelo		
ukuchonga izenzi ezikwixesha eladlulayo		
ukuguqula izenzi ezikwixesha eladlulayo zibe kwixesha langoku		
ukubhala izivakalisi ezinezivumelanisi ezichanekileyo		
ukwahlula amagama ngokwamalungu awo		
ukuthetha ngedayari		
ukufunda idayari		
ukuxoxa nokuchaza umahluko phakathi kwenoveli, ibhayografi nenqaku ledayari		
ukuchaza izenzi zexesha eladlulayo nezihlanganisi		
ukusebenzisa izichazi, izihlomelo nezihlanganisi ukwakha izivakalisi		
ukusebenzisa isixando sokuzenza		
ukufunda ibhayografi		
ukuchaza izifanokuthi		
ukuchaza uluvo olungundoqo nezimvo ezixhasayo kwisicatshulwa		
ukufumana iintsingiselo zamagama nezamabinzana		
ukunika uluvo		
ukubhala ibhayografi		
ukulandelelanisa iinkcukacha kakuhle		
ukusebenzisa iziphumlisi		
ukusebenzisa izaci namaqhalo		

ukuthetha ngeempawu zezaziso		
ukuxoxa ngesibhengezo/ngesaziso		
ukufunda isibhengezo/ngesaziso		
ukuphendula imibuzo esekelwe kwisibhengezo		
ukufunda isibhengezo		
ukwenza isicwangciso, ukuyila nokuhlela isibhengezo		
ukuchonga izishunqulelo		
ukusebenzisa izichazi		
ukusebenzisa iziphumlisi ezifana neekoma neempawu zocaphulo kwizivakalisi		
ukuthetha neqela lam ngeresiphi endiyithandayo		
ukubhala izivakalisi kwintetho-ngqo		
ukuyila isibhengezo ngokusebenzisa amagama namabinzana athile akhethekileyo nangawam		
ukubhala izivakalisi ezilula		
ukuthetha ngomahluko phakathi kwebhayasikophu nomdlalo odlalwa ngeli xesha uveliswayo		
ukuxoxa ngomdlalo endakha ndawubona kwaye ndithundeze abahlobo bam ukuba bawubukele nabo		
ukuchaza iintsingiselo zamagama		
ukuchonga izenzi nezihlomelo		
ukuthetha ngokubaluleka kweekhompiyutha		
ukutshatisa amabinzana namagama		
ukuchonga iintsingiselo zamagama		
ukubhala inkcazelo emfutshane		
ukugqibezela izivakalisi ngokusebenzisa isenzi esichanekileyo		

Umxholo 6: Iimbalo ezahlukeneyo

Amabali
Ikota 3: liveki 5 - 6

81 Intsomi yaseNamibia 36
Uthetha ngentsomi.
Ulinganisa intsomi.
Ufunda intsomi.
Uphendula imibuzo esekelwe kwintsomi.
Uchaza umxholo wentsomi ngokusekelwe kwisihloko.
Ufunda intsomi ngokukhawuleza.
Uchaza iimfanozandi nokusetyenziswa koomabizwafane.
Uchaza indlela enceda ngayo imifanekiso ekuqondeni ibali.
Uchaza izandi ezenziwa zizilwanyana.
Unika uluvo lwakhe.
Uchaza ukusetyenziswa kweempawu zocaphulo.
Utshatisa iintsingiselo zamabinzana namagama asentsomini.

82 Okunye ngezilwanyana nezinambuzane 38
Usebenzisa itshathi ukuze acwangcise umhlathi ochazayo.
Ubhala izivakalisi kwingxelo-ntetho.
Uguqula iingxelo zibe yimibuzo.

83 Intsomi yakwaZulu 40
Ubalisela iqela ibali.
Ufunda intsomi yakwaZulu.
Uphendula imibuzo esekelwe entsomini.
Uchaza uluvo olungundoqo lwentsomi.
Uchaza abalinganiswa abaphambili entsomini.
Uchaza imfundiso yentsomi.
Utshatisa amagama neentsingiselo zawo.

84 Ukuchaza izilwanyana nabantu 42
Ubhala imihlathi echazayo emibini ngolovane nenyoka asebenzise amagama namabinzana anikiweyo.
Utshatisa amaqhalo neentsingiselo zawo.
Usebenzisa isicwangciso ukuze abhale umhlathi ochaza umhlobo.
Ubhala isibongo asebenzise izifanokuthi.

85 Ezinye iitsomi 44
Uxoxa ngebali elihlekisayo.
Ulinganisa ibali neqela lakhe.
Ufunda ibali laseTshayina nelase-Indiya.
Uphendula imibuzo esekelwe emabalini.
Uchaza abalinganiswa abasebalini.
Uchaza indawo elidlalela kuyo ibali.
Uchaza imfundiso yebali.
Unika uluvo lwakhe.
Ushwankathela elinye lamabali.

86 Intsomi yam 46
Usebenzisa isazobe sokucinga ukuze enze isicwangciso sentsomi.
Usebenzisa isazobe sokucinga nezihloko ukuze abhale intsomi.
Uhlanganisa izivakalisi ngezihlanganisi.
Usebenzisa izimelabizo endaweni yezibizo.
Uchonga izibizo nezikhankanyi.

87 Ibali elimangalisayo 48
Uxoxa neqela lakhe ngokubaluleka kokuthathela kuwe uxanduva lwezenzo zakho.
Ufunda intsomi.
Uphendula imibuzo engebali.
Unika olwakhe uluvo.
Uchaza abalinganiswa abasebalini.
Uchaza imfundiso yebali.
Uchaza intsingiselo yentetho ethi "ukukhwaza ingcuka".
Utshatisa amabinzana namagama asebalini.

88 Konke ngolwimi 50
Utshatisa amabinzana neentsingiselo zawo ukuze akhe izikweko.
Ukrwela umgca phantsi kwegama elichanekileyo.
Uyachaza ukuba isivakalisi sisikhuzo okanye sisiyaleli.
Ubhala izivakalisi asebenzise iziphumlisi ezichanekileyo.
Ubhala imihlathi emibini asebenzise izihlanganisi.

Izicatshulwa zolwazi
Ikota 3: liveki 7 - 10

89 Imozulu 52
Uthetha ngomahluko phakathi kwemozulu neklayimethi.
Ufunda isicatshulwa esingemozulu.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa.
Uthiya isicatshulwa igama.
Utshatisa amagama neentsingiselo zawo.

90 Imozulu kwiphondo lam 54
Wenza isazobe sokucinga esingemozulu.
Usebenzisa isazobe sokucinga abhale imihlathi emibini ngemozulu.
Uchaza izenzi nezichasi kwizivakalisi.
Uhlanganisa izivakalisi ngezihlanganisi.

91 Iimeko ezigqithisileyo zemozulu 56
Uthetha neqela ngeendudumo nemibane.
Ufunda isicatshulwa esingesichotho nemibane.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa.
Utolika umfanekiso wemozulu.
Usebenzisa imifanekiso abonise unobangela neziphumo.
Utshatisa uludwe lwmagama namagama akwisicatshulwa anentsingiselo efanayo.

92 Imozulu nemvula 58
Usebenzisa imifanekiso ekulandelelaniseni iinkcukacha.
Ubhala imihlathi esekelwe kwimifanekiso.
Ubhala izivakalisi asebenzise oomabizwafane.
Ubhala izivakalisi abonise iintsingiselo ezingafanisyo zamagama.

93 Okunye ngemozulu 60
Uthetha ngomahluko phakathi kwamaxesha ahlukeneyo onyaka.
Uxoxa ngohlobo lwemozulu aluthanda kakhulu nangaluthandiyo.
Ufunda isicatshulwa esingemozulu namanzi.
Utshatisa amagama neentsingiselo zawo.
Ufunda isicatshulwa aze aphendule imibuzo.
Uvakalisa uluvo lwakhe.
Ubhala umhlathi achaze uluvo.
Ukrwela umgca phantsi kwezibaluli.

94 Ukubhala ngemozulu 62
Utshatisa imifanekiso nezinto.
Ubhala imihlathi engemozulu.
Uchaza izimelabizo.
Ubhala izivakalisi asebenzise izimelabizo.
Ubhala izivakalisi asebenzise izifanadumo.

95 Uqikelelo lwemozulu 64
Uxoxa ngenkangeleko yemozulu eqeleni lakhe.
Umamela usasazo lwengxelo yemozulu aze enze olwakhe usasazo.
Ufunda imephu yemozulu.
Uphendula imibuzo engemephu yemozulu.
Wenza uqikelelo lwemozulu.

96 Masijonge imozulu okokugqibela 66
Wenza isazobe sokucinga soqikelelo lwemozulu.
Ubhala umboniso wemozulu ngokusekelwe kwisazobe seengcinga.
Uhlela umsebenzi obhaliweyo.
Uchonga izenzi nezihlomelo kwizivakalisi.
Ubhala izivakalisi asebenzise izibizo ezibhekiselele kwizinto ezingaphathekiyo.
Ubhala izivakalisi asebenzise amagama apelwa ngokufanayo kodwa eneentsingiselo ezahlukeneyo.

Intsomi yaseNamibia

Masithethe

Usayikhumbula intsomi okhe wayifunda okanye owayivayo? Balisela iqela lakho ngaloo ntsomi. Emva koko, wena neqela lakho, yenzani umdlalo ngaloo ntsomi.

Lumka ngasemva



"Majoni, sondelani kum," itshilo ingonyama. "Sesiza kuya emfazweni yobukumkani bezinambuzane. Mna njengenjengele yenu, ndiza kukhokela uhlaselo. Phambi kokuqalisa, kufuneka nonke nazi isicwangiso sethu sedabi." Iqhude, inkukhama nodyakalashe basondela bamamela ngobunono. "Sibakhulu kunabo," yatsho ingonyama. "Nangona kunjalo, iintshaba zethu zisodlula lee ngamanani. Masingabi nanceba kwaphela. Masizihlasele sizitshabalalise." UNjengele Ngonyama wathoba ilizwi wasebeza, ukuze aviwe ngamagosa akhe kuphela.

"Ngoku mamelani ngobunono, kuba esi sisikhokelo sesicwangciso sethu. Xelelani amajoni enu ukuba asoloko endijongile lide liphele idabi. Njengoko ndiza kuba phambili, ndiza kukwazi ukubona ukuba siyoyisa na okanye siyoyiswa. Xa sisoyisa, ndiza kuwuphakamisela phezulu emoyeni umsila wam. Xa amajoni ethu ebona umsila wam uphezulu, mawaqhube ngokulwa. Kodwa xa sisoyiswa edabini, ndiza kuwuthoba umsila wam. Oko kuya kuba ngumqondiso wokuyeka kwangoko nize nibalekele nisindise ubomi benu."



Iqhude, inkukhama nodyakalashe zayimamela ngononophelo yonke imiyalelo yabo. Zahamba ngokuzola zagqithisa ilizwi emajonini azo. Yancuma ingonyama; yayisazi ukuba siyancomeka isicwangciso sayo.

Eyayingakwazi kukuba, phakathi kweentyatyambo kwityholo elikufutshane, kwakukho inyosi encinane eyayimamele zonke izicwangciso zabo. Le nyosana yabhabha yaya kuxelela injengele yezinambuzane eyayikuvile.



Yagquma ingonyama, yakhala indlovu, waqala umlo owawunzima. Ithuba elide kwakuyinkwa nenkwa. Umsila kaNjengele wawubhabhela phezulu emoyeni, wayeyinkokeli enobuchule, baze bafunzela phambili ubukumkani bezilwanyana.

Ekugqibeleni, kwacaca kunjengele wezinambuzane ukuba ubukumkani bakhe buyoyiswa. Lalilinye kuphela ithemba lezinambuzane. Yajonga kwinyosi encinane yaze yathi, "Ixesha lifikile." Lowo ngumyalelo ekuphela kwawo owawulindelwe yinyosana. Yayisazi ukuba kufuneka yenze ntoni kwaye *iyenze phi*! Ngephanyazo, yabhabha yangena zwabha edabini. Yakhe yancuma phambi kwengonyama isiya kwindawo ethile. "Lumkela ngemva!" yakhala, ngelo xesha yayihlaba ingonyama ngendlela engenakuze iyilibale. Akukho silwanyana esayivayo okanye esayibonayo inyosana. Into ezayiqaphelayo kukuba inkokeli yazo yathoba umsila ngephanyazo. Ezazikwazi kukuba oko kuthetha ukuthi: balekela ukusindisa ubomi bakho! Ngaloo ndlela izinambuzane zoyisa ngenxa yenyosana eyavela utshaba ngasemva lingekaqali idabi.

Umhla:



Masibhale

Jonga isihloko sentsomi. Xoxani neqela lenu ngenicinga ukuba kuya kuthethwa ngako entsomini nize nibhale impendulo yenu.

Usakhumbula ukuba uyalukrwaqula ubhalo ukuze ufumane uluvo oluphambili okanye ekuthethwa ngako? Krwaqula le ntsomi, uze ubhale ocinga ukuba yimfundiso yayo.

Yintoni eyayisenza ingonyama icinge ukuba izilwanyana ziya kuphumelela edabini?

Yintoni eyaphumelelisa izinambuzane ekugqibeleni?



Ingonyama yawuthobela ntoni umsila?

Yintoni eyanceda inyosi ukuze ikwazi ukumamela izicwangciso zengonyama?

Ucinga ukuba isihloko sentsomi siyamangalisa? Xela isizathu.



Chaza isafobe esisetyenziswe kwesi sivakalisi silandelayo: Ingonyama nomkhosi wayo zakha phantsi isitya sigcwele.

Chaza indlela ekunceda ngayo imifanekiso ukuba uqonde le ntsomi.

Isicatshulwa sithi yagquma ingonyama yaze indlovu yakhala. Inyosi yona yenza yiphi ingxolo? Udyakalashe yena wenza eyiphi ingxolo?



Uyithandile le ntsomi? Xela isizathu.

Amagama athi "*iyenze phi*" ahlukile awafani namanye akwisicatshulwa. Abhalwe bukekela. Ucinga ukuba umbhali ukwenzele ntoni oku?



Masibhale

Nazi iintsingiselo zamagama okanye amabinzana asetyenziswe entsomini. Funa amagama okanye amabinzana entsomini.



zahlangana ..... nisabe .....

ngokukhawuleza ..... wahleba .....

ekrele-krele..... zahlasela .....

Okunye ngezilwanyana nezinambuzane



Masibhale

Uza kubhala umhlathi ochazayo ngomhlobo wakho omthanda kunene. Kodwa kuqala, phambi kokuba ubhale umhlathi wokugqibela, uza kwenza isicwangciso.

Gqibezela le tshati. Khumbula ukusebenzisa izichazi xa uchaza umhlobo wakho.

Igama lomhlobo wakho.	
Ibala lamehlo neleenwele.	
Mde okanye mfutshane kangakanani .	
Uphawu olungenakulibaleka lomhlobo wakho (Yintoni emenza ukuba angafani nabanye?)	
Okwenziwa ngumhlobo wakho okwenza ukuba abantu bamqaphele.	
Indlela athetha ngayo umhlobo wakho (ngokukhawuleza, ngokucotha, ngokucacileyo, njalo njalo).	
Isigama (amagama) asisebenzisayo	
Iziphiwo zomhlobo wakho	
Ubuthathaka bomhlobo wakho	



Masibhale Bhala ezi zivakalisi zibe kwingxelo-ntetho.



"Majoni, sondelani kum" yayalela ingonyama .....

.....

Ingonyama yathi, "Xa amajoni ethu ebona umsila wam uphakamile, maziqhube ngokuhlasela."

.....

.....



Wazixelela wathi, "Ukuba ngenxa yaso nasiphi isizathu siyoyiswa edabini, ndiya kuwuthoba umsila wam."

.....

.....

Emva koko yathi, "Oko kuya kuba ngumqondiso wokuyeka ukulwa kwangoko nize nibalekele ukusindisa ubomi benu."

.....



Injengele yezinambuzane yajonga inyosana yathi, "Ixesha lifikile."

.....

.....

Umhla:

Masibhale Jika ezi nkcazo zibe yimibuzo.

Iqhude, inkukhama nodyakalashe zayimamela ngobunono yonke imiyalelo yazo.

Kwangoko emva kokuba imkile ingonyama, inyosi yabhabha ukuya kuxela iindaba.

Ingonyama yagquma yaze yakhala indlovu.

Inyosana yahlaba ingonyama ngendlela engenakuze iyilibale.

Izilwanyana zabalekela ukusindisa ubomi bazo.



Intsomi yakwaZulu





Masithethe

Sebenzani kumaqela enu.

Xelela iqela lakho ibali elimalunga nendlela elenziwa ngayo ihlabathi. Isenokuba libali elisebhayibhileni okanye ibali owalibaliselwa ngumama okanye ngumakhulu wakho okanye ibali owalifundayo. Unako nokwenza elakho ibali.



Masibhale

Ilishwa lolovane

Emva kokuba uMdali egqibe ukwenza zonke izinto, wabuya umva wabuka ihlabathi alenzileyo. Wancuma waza wabona ukuba lilunge kakhulu. Wakholiseka ngakumbi ngabantu, indoda yokuqala nomfazi wokuqala. "Ewe," wacinga, "oku kulungile!"

Kodwa kwangoko uMdali waqaphela ukuba indoda nomfazi basoloko beyonzakalisa imizimba yabo. Ewe, isikhumba saphila emva kwexesha, kodwa sasizele ziziva. Emva kweminyaka, umzimba wendoda yokuqala nowomfazi yabukeka imidala kwaye ixozekile!

UMdali wabiza uLovane. "Mamela, Lovane," watsho uMdali, "Ndifuna use ipasile endodeni nasemfazini. Ingxamiseke kakhulu."

Ngoko ke **wakhawuleza** uLovane esiya eMhlabeni ephethe le pasile. Akuba efikile kuMlambo oMkhulu wakhe wasela amanzi. UNyoka naye wayelapho kwangelo xesha. "Molo, Mza Lovane," yatsho ifutha. "Ungxame kakhulu namhlanje! Kutheni?"

"Awu, yebo! Sawubona, Nyoka!" ULovane waphendula ngesimilo. "Ndiphethe ipasile yendoda nomfazi evela kuMdali." UNyoka wayebacaphukela abantu. Basoloko bemnyathela kwaye bengakhathali. UNyoka wenza isigqibo sokuqinisekisa ukuba abantu bangayifumani loo pasile.

"Awu, Mza wam endimthandayo Lovane, ndiyavuya ukukubona kwakhona! Usapho lwam kudala lukukhumbula! Sekulithuba ungatyi sidlo nathi, Ndiyabona akusasithandi." "Awu, hayi Mza wam endimthandayo, Nyoka," watsho uLovane. "Ndinixabise kakhulu! Kuya kuba yimbeko enkulu kum ukutya isidlo nani ngenye imini!"

"Kuhle oko," uNyoka waphendula kwangoko, "kunganjani ngoku? Inkosikazi yam ingavuya kakhulu xa unokutya isidlo sasemini nathi!"

ULovane wajonga ipasile eyayisekhwapheni lakhe. "UMdali ufuna ndiyihambise ngokukhawuleza le pasile. Mhlawumbi ngelinye ixesha?"

"Ewe, ewe," wafutha uNyoka, ejonga kwelinye icala. "Kanye le nto bendiyicinga, ndazile. Ubhetele gqitha!" ULovane wajonga ilanga. Lalisephezulu esibhakabhakeni. Wayenako ukufumana isidlo sasemini nosapho lwakwaNyoka aphinde abe nexesha elaneleyo lokusa ipasile. "Yima, Mza Nyoka," watsho. "Ndibe **krwada** noko. Enyanisweni ndingathanda ukutya isidlo sasemini nani namhlanje!"

UNyoka wancumela ecaleni. "Ndiyabulela, Mza wam Lovane," waphendula. "Yiza, masiye kutya."

Sawubona, Nyoka: Molo, Nyoka

Umqombothi – butywala bamaZulu namaXhosa obenziwa ngamazimba.



Umhla:

Inkosikazi yenyoka yapheka ukutya okuninzi ngaloo mini. Kwakumnandi, lwatya uLovane, lwasela umqombothi lazunywa bubuthongo. UNyoka wathatha ipasile engangxamanga kuLovane. “Khangela, nkosikazi yam elungileyo,” wakhuza.

“UMdali usithumele izikhumba ezitsha ukuze xa kusonakala ezidala sibe nezitsha!” Wahleka uNyoka. ULovane wavuka, kunjalonje wabe seleyiqonda eyenzekileyo. “Hayi, Mzala Nyoka, zizise!” wabongoza uLovane.

“Asizozakho!” Zezabantu. Kodwa uNyoka wasuka wahleka wanyubeleza wahamba. Lathi xa litshonayo ilanga wabe engonwabanga uLovane. Wayekhohlisiwe kwaye engamthobelanga uMdali. Wazifihla phakathi kwemithi, encamathela emasebeni, ehamba ngokucotha ukuze angabhaqwa. Baphoswa ngolo hlobo abantu zizikhumba ezitsha ngenxa kaNyoka. Kude kube namhla, uNyoka ukhulula isikhumba sakhe esidala, aze anxibe esitsha.



Masibhale Phinda ufunde intsomi kwakhona uze ubhale phantsi iimpendulo zemibuzo.

Ucinga ukuba uluvo oluphambili kule ntsomi luthini?

Ngoobani abalinganiswa abaphambili ?

UNyoka uphumelele njani ukuqhatha uLovane?

Wenzeni uLovane ebonisa ukungonwabi?

Yintoni imfundiso yale ntsomi?

Ucinga ukuba ngekwakwenzeke ntoni ebantwini ukuba uLovane wayezihambisile izikhumba?



Masibhale Tshatisa amagama angqindilili namagama asekunene.

wayekhohlisiwe		ukungabi nasimilo
wakhawuleza		waqhathwa
lazunywa		wayenelisekile
ukuba krwada		wagqotsa, waxhabasha
wayekholisekile		lahlaselwa lingalindelanga





Ukuchaza izilwanyana nabantu

Masibhale

Bhala umhlathi ochaza ulovane. Sebenzisa amanye amabinzana kula. Zama nokusebenzisa amagama angawakho.

lutshintsha imibala	luba bomvu xa lunomsindo
lunolwimi olude	ulwimi luletsheza ngokukhawuleza
lusebenzisa izingcangcazelisi xa luthetha namanye amalovane	lunamehlo akwaziyo ukushukuma ajonge macala onke
luneenyawo ezinemilo yohlobo olulodwa, iinzwane neenzipho	

Masibhale

Ngoku masibhale umhlathi ochaza inyoka. Sebenzisa amanye kula mabinzana okanye uwasebenzise onke. Kwakhona ungazama ukusebenzisa awakho amagama.

mde, uthambile kwaye unciphile	akanamilenze nazingalo
unemibala eyahlukileyo, eqaqambileyo ukuya kwefipheleyo	Imibala eqaqambileyo ithetha ukuba netyhefu
iinyoka ezifipheleyo zikusebenzisela ukuzimela ukungabi nabala	
zitya iimpuku neentaka	zilitya liphelele ixhoba
zizingela ebusuku	zinolwimi olumbaxa

Umhla: _____

Masibhale Krwela umgca utshatise izaci neentsingiselo.

Yinyoka nesele		Ukuba namaqhinga nokungathembeki
Ukubamba inyoka emsileni		Ukuhamba ngokucotha
Ukuba yinyoka		Abantu abangathandaniyo, abaziintshaba
Ukuba lulovane		Ukuzifaka engozini

Masibhale Phinda ujonge emva kwiPhepha lomsebenzi lama-82. Sebenzisa itshati obhale kuyo inkcazelo ngomhlobo wakho.





Masibhale Bhala umbongo wakho usebenzise izifaniso. Sebenzisa esi sakhelo.



Isilwanyana sam yi _____ .

Ibala laso _____ okwe _____ .

Uboya baso/isikhumba saso _____ ngathi _____ .

Sihamba okwe _____ .

Umsila waso unje _____ .

Umzimba unjenge _____ .

Iindlebe zaso _____ okwe _____ .

Imilenze yaso _____ ngathi _____ .

Singxola ngathi _____ .



Ezinye iitsomi



Masithethe Xoxani kwiqela lenu ngento eyenzeka kwikhathuni.



Yenzani umdlalo ngebali eliboniswa kwikhathuni. Qinisekani ukuba ingulowo kuni uba ngunovenkile okanye ngumthengi.

Thethani ngale mibuzo kwiqela lenu:

Ngubani inkokheli yeklasi yakho?

Kutheni ucinga njalo?

Ngubani okrelekrele kakhulu, kuba kutheni?

Ngubani onyebelezayo onobuqhinga, ngoba kutheni?



Masibhale **Izihlangu ezitsha** ***Ibali laseTshayina***



Indoda yayifuna izihlangu ezitsha. Phambi kokuya edolophini, yazoba umfanekiso wengcombolo yeenyawo zayo ephepheni. Ilinganise iinyawo zayo ngobunono yabhala phantsi zonke iinkcukacha zemilinganiselo yazo. Emva koko, yahamba yaya evenkileni yezihlangu. Yakufika apho ngaloo mini, icatshukiswe kukufumanisa ukuba ililibele iphepha elinemilinganiselo yeenyawo zayo! Yagoduka isiya kulilanda. Yafika ezivenkileni ukutshona kwelanga zivaliwe zonke iivenkile. Yachaza ingxaki yayo komnye woonovenkile owayesele bekelele bucala yonke impahla yakhe.





"Siyathandini sendoda!" watsho unovenkile. "Ngowuthembe iinyawo zakho ulinganise izihlangu evenkileni qha! Ugodukele ntoni ukuya kuthatha imizobo yakho?" Indoda yaba neentloni. "Ndiyaqonda ukuba bendithembe imizobo yam kakhulu," yatsho.



Masibhale **Ngubani uKumkani weHlathi?**

Intsomi yase-Indiya



Ngenye imini ehlathini, uNgwe watsibela uMpungutye. UMpungutye wakhala, "Uthini ukuhlasela uKumkani weHlathi!"

UNgwe wamjonga emangalisiwe. "Bubuvuvu obo! AkungoKumkani!"

"Kanti ndinguye, uvela phi wena ungayaziyo loo nto!" waphendula uMpungutye. "Zonke izilwanyana ziyandibaleka kuba zindoyika! Ukuba ufuna ukuzibonela ndilandele."

Umhla:

Wangena ehlathini uMpungutye uNgwe esezithendeni zakhe.
Bathe bakufika emhlambini wamaxhama, amaxhama abona uNgwe elandela uMpungutye abaleka athi saa.

Bafika kwiqela leenkawu. Iinkawu zabona iNgwe ilandela emva kweMpungutye zabaleka. UMpungutye wajonga uNgwe wathi, “Ngaba usafuna obunye ubungqina? Uyayibona indlela ezibaleka ngayo izilwanyana xa zindibona!

“Inene ndimangele, kodwa ndizibonele ngawam. Ndixolele ngokukuhlasela, Kumkani oMkhulu.” UNgwe waguqa kuMpungutye ngentlonelo enkulu wamyeka wahamba.

Masibhale

Funda imibuzo uze ubhale iimpendulo.

Funda ibali elithi *Izihlangu ezitsha*. Ngoobani abalinganiswa kweli bali?

Lenzeka phi ibali?

Ucinga ukuba eli bali liyamangalisa? Chaza isizathu.

Ngaba ukhetha isicatshulwa esikwikhathuni okanye esibhaliweyo? Xela ukuba kutheni.

Ngoku funda ibali elithi *Ngubani uKumkani weHlathi*? Ngoobani abalinganiswa kweli bali?

Lenzeka phi?

Ucinga ukuba ngubani okrelekrele – nguMpungutye okanye nguNgwe? Nika isizathu.

Ucinga ukuba kutheni uMpungutye efuna ukuba nguKumkani weHlathi nje?

Shwankathela ibali lezihlangu ezitsha ngezivakalisi ezibini.

Intsomi yam



Masibhale

Sebenzisa isazobe sokucinga wenze isicwangciso sentsomi oza kuyibhala.

IBALI

IBALI

ABALINGANISWA

ISIMO SENTLALO

IGAMA LENTSOMI

IMFUNDISO

IBALI



Masibhale

Ngoku, bhala intsomi yakho. Sebenzisa isazobe sokucinga nezi zihloko.

Isifundo endifuna ukusifundisa:

Abalinganiswa entsomini:

Isimo sentlalo:

Isihloko sentsomi:

Intsomi:

Umhla:





Masibhale Hlanganisa izivakalisi ngokusebenzisa izihlanganisi ezikwizibiyeli.



Kwakushushu ngaloo mini. UNgwe wayetsibela uMpungutye. (xa)

UNgwe wayefuna ukutya uMpungutye. UMpgutye wamnqanda. (kodwa)

UMpungutye waxelela uNgwe ukuba unguKumkani weHlathi. UNgwe akazange amkholelwe. (nangona)

Izilwanyana zaguqa phambi kukaMpungutye. UNgwe azi ukuba uMpungutye nguKumkani weHlathi. (ukuze)

Izilwanyana zaguqa. UNgwe wamyeka uMpungutye wasinda. (waze)

Ngoku buyela umva ukrwele umgca ngaphantsi kwezichazi ufake umbala kwisibizo esichazwa sisichazi.



Umzekelo: Impungutye enamaqhinga yahamba yehla ngendlela yadibana nengwe.



Masibhale Endaweni yezibizo zamagama abantu nezinto fakela izimelabizo. Emva koko krwela umgca ngaphantsi kwezibizo uze ubiyele izikhankanyi.

UThandi ufuna ukufunda ibali elithi impungutye nengwe.

UBen noAnn bafuna ukulinganisa ibali elingezihlangu.

UNksk. Ngoma kufuneka anike uMax aphinde anike uZama ithuba lokufunda iintsomi.

Ngaba uMajapelo noIgnatius bakhwela ibhasi xa besiya ePitoli ukuya kubona isekisi?

Izibizo: ngamagama alatha abantu ngokubanzi (umz. intombazana), iindawo (umz. ipaka), izinto (umz. iincwadi) okanye izimvo (umz. uthando). **Izibizo zamagama** ngamagama abantu abathile (umz uThandi) okanye aweendawo (iLimpopo). **Izikhankanyi** zizenzi eziqala ngo-uku (umz ukubaleka)



Ibali elimangalisayo





Masithethe

Lithetha ntoni kuwe igama elithi “uxanduva”? Xoxani emaqeleni enu.

Zinto zini eziluxanduva lwakho ekhaya?
Kwenzeka ntoni xa ungazifezi izinto eziluxanduva lwakho?
Wakhe awathembeka kuba ungafuni ukufeza uxanduva lwakho?
Kwenzeka ntoni?



Masibhale

INKWENKWE EYAKHWAZA YATHI “INGCUKA!”



Kwakukho inkwenkwana eyanikwa umsebenzi wokwalusa iigusha zelali. Yazikhaphelela ngasentabeni ukuya kufuna idlelo elitsha. Ngenye imini, yayidiniwe ngulo msebenzi, yaze ngokuzama ukuzonwabisa yakhwaza ngamandla yathi, “Ingcuka! Ingcuka! Ingcuka ileqa iigusha!”

Abantu belali beva le ngxolo baya bebaleka endulini ukuya kuyincedisa ekugxotheni ingcuka. Kodwa ekufikeni kwabo, abafumenanga ngcuka. Yathi yakubona ubuso babo obunemisindo, yahleka le nkwenkwana.

“Sukukhwaza uthi ‘ingcuka’, malusindini wenkwenkwe kungekho ngcuka!” batsho abantu. Behla induli bendumzela baya emisebenzini yabo.



Ethubeni, inkwenkwe yaphinda yaziva inesithukuthezi yakhwaza, “Ingcuka! Ingcuka! Nants ingcuka ileqa iigusha!” Ihleka njalo yaphinda yabukela abantu belali bebaleka beqabela induli ukuza kuyinceda ukuze bagxothe ingcuka.

Bathi bakungayiboni ingcuka abantu belali bayiyala ngqongqo kwakhona bathi, “Ukukhwaza kwakho kugcinele imini engalunganga ngenene! Sukukhwaza uthi ‘ingcuka’ xa kungekho ngcuka!”

Kwathi kamva ngaloo mini, yayibona ingcuka izulazula kufuphi nomhlambi. Ngokoyika, yaxhuma yema ngeenyawo yakhwaza kakhulu kangangoko inako, “Ingcuka! Ingcuka!” Kodwa abantu belali bacinga ukuba idlala ngabo kwakhona, abaya.

Ukutshona kwelanga, bamangaliswa abantu belali kukuba kutheni inkwenkwe ingabuyi neegusha zabo. Baya kuyikhangela endulini. Bayifumana ilila.

“Ibikhona ngenene ingcuka apha!” yafixiza. “Umhlambi uthe saa! Ndikhwazile ndathi, ‘Ingcuka!’ Bekutheni ningezi?”



Elinye ixhego lazama ukuyithuthuzela inkwenkwe endleleni egodukayo ukuya elalini. “Siza kukuncedisa ukuba ufune iigusha ezilahlekileyo kusasa,” latsho. “Kodwa ngoku uyazi ukuba akukho mntu ukholelwa ixoki – naxa selinyanisile!”

Umhla: _____



Masibhale Phendula le mibuzo.



Wayekhwazela ntoni umalusi oyinkwenkwe athi “Ingcuka!” kwixesha lokuqala? _____

_____

Abantu belali baziva njani emva kokuba benyuke induli kodwa abafumana ngcuka?

_____

Bathini abantu belali kwinkwenkwe engumalusi kwixesha lesibini ikhwaza “Ingcuka!”?

_____

Kwakutheni ukuze abantu belali bangayi xa inkwenkwe ikhwaza kwakhona isithi “Ingcuka!” okwesithathu?

_____

Kwenzeka ntoni ukutshona kwelanga? _____

_____

Ukuba ubungomnye wabantu belali, wawuza kuyikholelwa inkwenkwe? Kutheni?

_____

Ekupheleni kwebali, inkwenkwe yayingasathenjwa ngabantu belali. Inkwenkwe ingayisombulula njani le ngxaki ukuze iphinde ithenjwe?

_____

Lifundisa ntoni eli bali?

_____

Ngoobani abalinganiswa kweli bali?

_____

Ithini intsingiselo yebinzana elithi “ukuhlaba umkhosi ongeyonyani”?

_____



Masibhale Funa amagama ebalini athetha into enye nala mabinzana.



amadlelo aluhlaza _____ .

bembombozela _____

ukunkwantya _____

bayilumkisa _____

Ukubaleka zahlukane _____

Konke ngolwimi

Xa usebenzisa **isikweko**, uthi umntu, indawo, isilwanyana okanye into yenye into (awuthi ifana nayo!). Umz. Udade wethu libherana elithandekayo!







Masibhale Hlanganisa amabinzana amagama asekhohlo nalawo asekunene wakhe izikweko.

Lo mfo yingcuka		ukuzazi.
Ilizwe liba		ligqabi ngumsindo
Ingonyama yaba		eyambethe ufele lwegusha.
UDingindawo lo		yintombazana emva kwemvula.
Umntu yinkosi		yinyoka ngobuqhopholo.

Masibhale Chaza umahluko kwintsingiselo phakathi koomabizwafane kwisivakalisi ngasinye.

Abantu belali (bayithiya/bayithiya) inkwenkwe ngenxa yokuxoka.

(Ibala/ibala) lengca entsha lalilulhlaza.

(Ilifa/ilifa) lenkwenkwe yayikukwalusa iigusha zelali.

Ubhuti (yintonga/yintonga) esekhosi katata.

(Isebe/isebe) leMfundo lizimisele ekuphuculeni imfundo.

Oomabizwafane
ngamagama aneentsingiselo ezahlukileyo kodwa abizwa ngokufanayo kwaye apelwa ngokufanayo nangona amanye enemvakalozwi eyahlukileyo.



Masibhale Xela ukuba ezi zivakalisi ziziyaleli na okanye zizikhuzo.

Funda ibali elithi *Izihlangu ezitsha.*

isiyaleli		isikhuzo	

Ndiyasithanda isipho ondiphe sona!

isiyaleli		isikhuzo	

Hamba uye kulanda incwadi entsha ekhabhathini.

isiyaleli		isikhuzo	

Ndiphumelele ivawutsha yencwadi!

isiyaleli		isikhuzo	

Yeka ukufunda ngoku yiya kulala.

isiyaleli		isikhuzo	

Isiyaleli sisivakalisi esiyalelayo. Siqala ngonobumba omkhulu siphele ngesingxi.

Isikhuzi sisivakalisi esibonisa ukothuka, ukumangaliswa okanye uchulumacho. Siqala ngonobumba omkhulu siphele ngophawu lwesikhuzo.

51.pdf 1 2015/07/08 7:24 PM

Umhla:



Masibhale

Umhlobo wakho ubhale eli bali, kodwa ulibele ukufaka iziphumlisi. Ncedisa umhlobo wakho ufake oonobumba abakhulu, izingxi, iikoma, iimpawu zemibuzo, iimpawu zezikhuzo neempawu zocaphulo kwiindawo ezichanekileyo.

impungutye egama lingufedi yanqumla kwihlathi lemithi yom-oki ngenye imini yaze yabona ukukhanya okungaqhelekanga phambi kwayo

inokuba yintoni bethu wazibuza ufedi wayesoyika kodwa wasondela ukuze ayijonge kakuhle

molweni wakhwaza kodwa akwabikho mpendulo molweni waphinda wakhwaza kodwa kwathi cwaka kwakhona ngephanyazo kwavela isidalwa ngaphambi kokukhanya

heyi yangxolisa ufedi owayesoyika ngenene waze wasimbela isinqe ukubuyela emngxunyeni wakhe







Masibhale

Bhala imihlathi emibini ngabantwana abahlukileyo ababini beklasi yakho. Sebenzisa la magama ahlanganisayo ubonise umahluko phakathi kwaba bantwana babini.

kodwa, nangona kunjalo, naxa, kwelinye icala … kodwa kwelinye icala, nokuba, kanti





XHO HL G5 B2 52.pdf 1 2015/07/10 11:11 AM
52.pdf 1 2015/07/08 7:40 PM

Imozulu



Masithethe Xoxani emaqeleni enu.

- Sithetha ngantoni xa sithetha nge “mozulu”?
- Ucinga ukuba yintoni umahluko phakathi “kwemozulu” “neklayimethi”?
- Ngaba unxiba impahla eyahlukileyo kwiimozulu ezahlukileyo?
- Xelela iklasi ukuba unxiba ntoni. Ucinga ukuba imozulu yaseMzantsi Afrika iyafana neyelizwe elikufuphi neikhweyitha? Xela ukuba kutheni.



Masibhale Iinguquko kwiqondo lobushushu bomoya zenza inguquko kwimozulu. Ukuba iqondo lobushushu bomoya liyehla, imozulu iya ngokubanda. Ukuba iqondo lobushushu bomoya liyenyuka, imozulu iyafudumala. Imozulu iyatshintsha kwakhona xa ukufuma emoyeni kutshintsha okanye xa kutshintsha uxinzelelo lomoya ojikeleze umhlaba, iatmosfera. Ukuba buyenyuka ubushushu bomoya, ukufuma emoyeni noxinzelelo lomoya lukholisa ukwanda ngaxeshanye.

Ingcali yemozulu
ngumntu owenza ufundo-nzulu ngemozulu.

Abantu abafana neengcali zemozulu, abazi banzi ngemozulu, balinganisa ezi nguquko ukuze baqikelele kwangaphambili ukuba imozulu iya kuba njani. Kanye ngale ndlela sisebenzisa ngayo ithemometha xa silinganisa ubushushu bemizimba yethu, nazo iingcali zemozulu zisebenzisa ithemometha xa zilinganisa ubushushu bemozulu. Zilinganisa imozulu ngokwamaqondo e-Celsius okanye amaqondo e-Fahrenheit. Ziyakwazi ukusixelela ngendlela eza kuba shushu ngayo neza kubanda ngayo imozulu. Umoya usingqonge kuyo yonke indawo kwaye usicinezelela ezantsi. Umoya osicinezelela ezantsi siwubiza ngokuba luxinzelelo lomoya osingqongileyo. Ukuba uphezulu entabeni, umthamo womoya okucinezelela ezantsi unganeno kunomthamo okucinezelela ezantsi xa uselwandle. Kananjalo, ukuba ubushushu bomoya osingqongileyo buphezulu, uxinzelelo lomoya osingqongileyo lunganeno. Yiloo nto ibhaluni yomoya oshushu ikwazi ukunyuka emoyeni! Iithemometha sizisebenzisela ukulinganisa ubushushu, kanti ngeebarometha silinganisa uxinzelelo lomoya osingqongileyo. Okokugqibela, ukufuma kwenziwa kukujika kwamanzi asemhlabeni abe ngumphunga. Ngoko ke, ukuba imozulu ishushu, ukujika kwamanzi abe ngumphunga kuyanda kuze kunyuke nokufuma. Ngokunyuka kokufuma, sibila ngakumbi, kwaye ukuba olo suku lushushu, umoya uzala ngumphunga ukuze ukubila kwethu kutshele kuthi kungaqhumeli emoyeni.





53.pdf 1 2015/07/08 7:40 PM

Umhla:



Masibhale Zeziphi izinto ezintathu ezinokwenza inguquko kwimozulu?

Ukuba ingcali yemozulu ifunda nzulu ngemozulu, ucinga ukuba ifunda ntoni kwezi zifundo?

Ucinga ukuba uxinzelelo lomoya osingqongileyo luphezulu kwiNtaba yeTafile okanye elunxwemeni lwaseMuizenberg eKapa? Xela kutheni.

Sisebenzisa ntoni ukulinganisa ubushushu naxa silinganisa uxinzelelo lomoya osingqongileyo?

Xa kufume kakhulu, ukubila kwethu akubi ngumphunga lula. Xela isizathu.

Kutheni ucinga ukuba kufuneka silinganise iimeko ezahlukileyo zemozulu?

Jonga ithemometha. Iphawulwe ngamaqondo e-Celsius nangamaqondo e-Fahrenheit. EMzantsi Afrika ngaba silinganisa ubushushu ngamaqondo e-Celsius okanye ngamaqondo e-Fahrenheit?

Nika umhlathi isihloko.



Masibhale Tshatisa amagama angqindilili neentsingiselo zawo.

iatmosfera		uyenyuka, uyakhula
uyanda		ubuzima, ukusinda
uxinzelelo		ukulahlekelwa bubumanzi
Ukujika kwamanzi abe ngumphunga		umoya onamanzi
Ukufuma komoya		umoya oshushu
ulophu		umoya osingqongileyo



54.pdf 1 2015/07/08 7:41 PM

Imozulu kwiphondo lam



Masibhale Yenza isazobe sokucinga ubonise ukuba ucinga ukuba yintoni imozulu.









Masibhale Sebenzisa isazobe sakho sokucinga ubhale imihlathi emibini ngemozulu.







55.pdf 1 2015/07/08 7:41 PM

Umhla: _____



Masibhale Funda ezi zivakalisi. Biyela isenzi kwisivakalisi ngasinye uze ubhale isichasi segama okanye samagama akrwelwe umgca ngaphantsi.



Kuvele ilanga elishushu namhlanje. _____

Kuvuthuza umoya obandayo ebusika. _____

Isibhakabhaka sisithwe ngamafu amnyama. _____



Masibhale Guqula izivakalisi ezikumsebenzi wangaphambili zibe kwixesha elizayo. Khumbula ukusebenzisa u-"za" okanye u-"ya" kunye nesenzi esiqala ngo-"ku". Umz. Ndiza kuhamba xa kushushu.





Masibhale Hlanganisa ezi zivakalisi ngokusebenzisa izihlanganisi ezikwizibiyeli.

Kushushu eGauteng. Kushushu ngaphezulu eLimpopo. (kodwa)

Kukho iindudumo nemibane. Kungekaqali ukuna kakhulu. (nangona)

Sifuna ukwazi yonke imihla ukuba imozulu iza kuba njani. Singakwazi ukwenza izicwangciso zemisebenzi yethu yemihla ngemihla. (ukuze)

56.pdf 1 2015/07/08 7:41 PM

Iimeko ezigqithisileyo zemozulu

Masithethe Sebenzani ngokwamaqela.

- Wakhe wafunyanwa sisiphango okanye sisichotho sekhephu?
- Xelela iqela okwenzekayo uxele nokuba waziva njani.
- Kukholisa ukubakho iindudumo nemibane eGauteng. Ucinga ukuba kutheni iindudumo nemibane zixhaphake kangaka eGauteng kunaseNtshona-Koloni, umzekelo?

Masibhale

Izichotho ezibi kakhulu zenzeka xa umoya omninzi ofudumeleyo nofumileyo uzisa imozulu enomoya ovuthuza ngamandla. Umoya ofudumeleyo nomanzi uyenyuka. Ngokuya usiba phezulu, uya ngokuphola. Umphunga osemoyeni ujika ube ngamathontsi amanzi, inkqubo ebizwa ngokuba kukujiya. La mathontsi ayahlangana abe ngamafu, kubekho imvula, iliqhwa, ikhephu okanye amatye awa emhlabeni. Izichotho ezineendudumo zixhaphake kwiimeko ezigqithisileyo zemozulu. Phambi kokuba kubekho isichotho, kufuneka kubekho izinto ezintathu: umoya ozele ukufuma; kubekho indawo eshushu kakhulu emhlabeni ethumela umoya oshushu ngokukhawuleza, okanye kuze umsinga obandayo; kanti umoya onyukayo kufuneka ufudumale ngokwaneleyo ukuze uhlale ufudumele kunomoya odlula kuwo onyukela phezulu.

Umsinga obandayo wenzeka xa umoya uhamba kufutshane nomphezulu womhlaba, uze utyhalele umoya ofudumeleyo phezulu ngokukhawuleza okukhulu. Esi sisiqalo sesichotho esikhatshwa ziindudumo. Kwenzeka amafu, ziqalise ukuna iimvula ezinkulu. Itshaji zemibane phakathi kwamafu esichotho ziyahlukana, zidale ukulenyeza kombane okuya ngasemhlabeni. Umbane unamandla awaneleyo okufudumeza umoya owungqongileyo. Oku kugqabhuka kobushushu kuko okwenza ingxolo esiyazi ngokuba ziindudumo. Izichotho ezineendudumo zikholisa ukuzisa iintlekele: oonogumbe, imililo ebangelwa kukubaneka nokonakala okuvela ematyeni esichotho.

Indlela onyuka ngayo umoya oshushu





57.pdf 1 2015/07/08 7:42 PM

Umhla: _____





Masibhale Izichotho ezibi zenzeka nini?

Loluphi olona hlobo luqhelekileyo lwemozulu egqithisileyo?

Zeziphi iimeko ezintahu ezifanele ukuba khona ukuze kubekho isichotho?

Umsinga obandayo ubakho xa kutheni?

Yintoni iindudumo?

Jonga umzobo obonisa indlela onyuka ngayo umoya oshushu. Sebenzisa imizobo uchaze indlela ezenzeka ngayo iimvula ezinkulu.





Masibhale Funa amagama anezi ntsingiselo ezilandelayo kwisicatshulwa.

ingxolo etsho ngamandla ephuma emafini	
Umphunga wamanzi ujika ube ngamachaphaza	
ingozi, iimeko zonxunguphalo	
imvula enkulu enamatye	
amathontsi angumkhenkce awayo	



58.pdf 1 2015/07/08 7:42 PM

Imozulu nemvula



Masibhale Jonga umfanekiso uze ubhale iinkcukacha ngokulandelelana kwazo.

- Xa kukho izichotho zezikhukula, sikholisa ukuba neendudumo nemibane.
- Ilanga lifudumeza umhlaba ze kunyuke umoya oshushu.
- Igesi iguquka ibe lulwelo kuze kwenzeke amafu amakhulu.
- Xa usiya ngokunyuka umoya uyaphola uze umphunga ujiye wenze amafu.





Masibhale Jonga imifanekiso emalunga nemozulu uze ubhale umhlathi omfutshane ngomfanekiso ngamnye.







59.pdf 1 2015/07/08 7:43 PM

Umhla: _____

Oomabizwafane ngamagama abizwa ngokufanayo nabhalwa ngokufanayo kodwa aneentsingiselo ezahlukileyo.



Masibhale Bhala izivakalisi ngaba mabizwafane.

intloko

intloko

isebe

isebe

umhlaba

umhlaba



Masibhale Bhala izivakalisi usebenzise aba mabizwafane.

thiya (ukunika igama) _____

thiya (ukucaphukela) _____

ithanga (elikukutya) _____

lithanga (elomzimba) _____

ilifa (iqhuma emzimbeni) _____

ilifa (impahla oyiphiwayo) _____

ibala (ibala lento) _____

ibala (lemidlalo) _____

umhlathi (wokuhlafuna) _____

umhlathi (obhalwayo) _____

60.pdf 1 2015/07/08 7:43 PM

Okunye ngemozulu



Masithethe

Ucinga ukuba amazwe ahlukeneyo anemozulu eyahlukileyo ngamaxesha ahlukileyo onyaka? Chaza impendulo yakho.



Ngaba amaphondo ahlukileyo eMzantsi Afrika anemozulu efanayo ngexesha elifanayo lonyaka? Chaza impendulo yakho.
Loluphi uhlobo lwemozulu oluthanda kakhulu? Nika izizathu.
Loluphi uhlobo lwemozulu ongaluthandiyo? Nika izizathu.



Masibhale

IMOZULU NAMANZI

Siyazi ukuba imozulu yenziwe zizinto eziliqela. Yenziwa yintsingiselo yomoya, amandla omoya, imvula, ikhephu, ubushushu, ukukhanya kwelanga, ukubonakala namafu.

Siyazi ngokunjalo ukuba zintathu izinto ezenza iinxenye ezahlukeneyo zemozulu. Lilanga, umoya namanzi. Ilanga lisinika ubushushu nokukhanya. Maxa wambi lisitshisa kakhulu; okanye libe ceke-ceke lisifudumeze kancinane nokukhanya kungabi kuninzi; ngamanye amaxesha ligqunywa ngamafu singaliboni kwaphela.



IMOZULU

Umoya ukuyo yonke indawo esijikelezileyo kwaye ugqume ihlabathi njengengubo. Xa uvuthuza uyawuva kulusu lwakho. Xa uvuthuza ngesantya esiphezulu nangamandla ungasiphaphathekisa.

Amanzi siwafumana emilanjeni, emachibini nakwiilwandlekazi nasemafini esibhakabhakeni. Xa kukho amathontsana emoyeni osingqongileyo, singaboni kakuhle, oko kuthiwa yinkungu. Imvula iza xa kusiwa amanzi avela emafini njengamathontsi amakhulu. Xa ebanda kakhulu loo manzi ayaqina abe ngumkhenkce ukuze kuwe amatye okanye ikhephu. Imozulu ibaluleke kuye wonke umntu. Ichaphazela imidlalo esiyidlalayo, iimpahla esizinxibayo, ukutya esikutyayo, indlela esiziva ngayo, esikwenzayo, indlela abaziphilisa ngayo abantu nezinye izinto ezininzi. Imozulu ingasonwabisa – kodwa xa iimeko zigqithisa inokubenza nzima ubomi bethu. Umoya omkhulu, uqhwithela, neenkanyamba, okanye izichotho ezikhulu zinokwenza izikhukula imigxobhozo, kanti zingatshabalalisa amakhaya abantu zinako nokubabulala.



61.pdf 1 2015/07/08 7:43 PM

Umhla: _____



Masibhale Tshatisa amagama angqindilili asekhohlo neentsingiselo zawo ezingasekunene.

intsingiselo yomoya		amathontsi angabonakaliyo asemoyeni enza ukuba singaboni kakuhle
inkungu		lingqimba eziphezulu esibhakabhakeni ezenziwe ngamathontsana amanzi
ikhephu		amathontsi amanzi amakhulu awa esibhakabhakeni
imvula		amathontsi abanda kakhulu maxa wambi aba ngumkhenkce aqine
ilifu		apho uvuthuza uvela khona umoya kwaye usiya khona





Masibhale Funda umhlathi kwakhona uze uphendule le mibuzo.

Zeziphi izinto ezintathu ezenza imozulu?

Ilanga lisinika ntoni?

Uwafumana phi amanzi?

Amanzi abaluleke ngantoni?

Ngamazwi akho, bhala umhlathi uxele isizathu sokuba imozulu ibaluleke ebomini babantu.



Masibhale Krwela umgca ngaphantsi kwezikhankanyi kwezi zivakalisi.

Ukujonga imvula ezolileyo kuyaxolisa.

Ukuhamba esitiyeni emva kwesichotho kuyahlaziya.

UDebbie ucebise ukubukela ividiyo kwiimeko ezigqithisileyo zemozulu.

Akukho sizathu sokuxoxa ngemozulu. Iziko lemozulu lithi kuza kuna.

Ukukhwela ibhayisikile xa usiya esikolweni imvula isina akukhuselekanga ncam.

Isikhankanyi sisenzi esiqala ngo"uku" kwaye siyakwazi ukuba sisibizo.
Umzekelo nangu: **Ukubukela** isichotho kuyothusa.

62.pdf 1 2015/07/08 7:44 PM

Ukubhala ngemozulu

Masibhale

Ezi zinto zezeyiphi imifanekiso kule mibini? Faka inombolo u-1 okanye u-2 kwinto nganye.







Masibhale

Bhala umhlathi ngomfanekiso ngamnye apho uchaza khona olo hlobo lwemozulu. Unako ukusebenzisa amanye ala magama angezantsi kwinkcazelo yakho. Wakugqiba ukubhala imihlathi yakho nika umhlobo wakho ukuba ayifunde aze ayilungise ukuba kukho imfuneko.

amafu amnyama othusayo, ukubaneka, iindudumo ezigqekrezayo, isibhakabhaka esinomsindo, amathontsi amakhulu emvula awa emhlabeni, isichotho, indudumo ezenza umbilini, imvula ena kakhulu, umoya ovuthuza ngamandla



umhlaba uqhuma uthuli kwaye untsundu, akukho ngca, umlambo utshile, ubushushu bugqithisile, kunuka uthuli, isibhakabhaka simhlophe siyaphandla, ingca yomile kwaye iyahlaba, ilanga libalele liyibhola yomlilo, umqala womile



63.pdf 1 2015/07/08 7:44 PM

Umhla:

Isimelabizo ligama elisetyenziswa endaweni yesibizo.

Imizekelo:
Itafile isekhitshini.
Yona igqunywe ngelaphu.

Abahlobo bakaKaela baza kumndwendwela. **Yena** uza kuvuya xa ebona **bona**.



Masibhale Krwela umgca ngaphantsi kwezimelabizo kulo mhlathi ungemozulu.

"Mna ndingumqikeleli wemozulu. Kufuneka ndijonge amafu nezichotho ndiphezulu. Ndinqwenela ukuba nekhamera emajukujukwini ukuze indincede ndiqikelele imozulu. Kulungile. Ndiyazi ukuba singayenza njani loo nto!"

"Nyhani? Uza kuyisa njani ikhamera emajukujukwini, uze uyithumele njani imifanekiso emhlabeni?"

"Kulungile, masiqale ngokuthetha ngendlela yokusa nantoni emajukujukwini nokuyigcina apho ingawi ezantsi emhlabeni. Masicinge ngebhola yegalufa. Kaloku, utata wam ngumdlali oyincutshe wegalufa. Xa ebetha ibhola ngenduku ihamba iyokulala kude. Kodwa xa eyibetha ephezulu endulini, iya kude nangaphezulu. Kanti ukuba utata wam ebenamandla njengoSuperman, ebenokuyibetha ngamandla ibaleke ngokukhawuleza ide ijikeleze wonke umhlaba!"



Masibhale Bhala izivakalisi zakho usebenzise ezi zimelabizo.

yena	bona	thina	zona	nina





Masibhale Bhala izivakalisi zakho usebenzise amagama azizifanadumo.

grugruza	krikriza	vuthuza	bhakuzela	futha

Amagama azizifanadumo ngamagama alinganisa isandi.

Umzekelo: Intsimbi ekhalayo iyakhenkceza."

INTSAYINO: Gama Umhla

64.pdf 1 2015/07/08 7:45 PM

Uqikelelo lwemozulu



Masithethe

Xelela iqela lakho ukuba injani imozulu namhlanje. Ingaba kushushu, kuyabanda okanye kuyana? Ngaba imozulu iyafana ebusika nasehlotyeni? Yahluka njani?



Xa kushushu kakhulu, yeyiphi imisebenzi oyenza ukuphuma kwesikolo? Xa kubanda kakhulu, yeyiphi imisebenzi oyenza ukuphuma kwesikolo? Mamela uqikelelo lwemozulu kwirediyo okanye kumabonakude uze wenzele iklasi ingxelo yoqikelelo lwemozulu.



Masibhale

Namhlanje niza kufunda ngemephu yemozulu.

Isikhokelo

- kukho ilanga
- lithe gqaba-gqaba ngamafu linemvula
- lithe gqaba-gqaba ngamafu
- linamafu nemvula
- lithe gqaba-gqaba ngamafu linekhephu
- linekhephu
- lineendudumo
- lineendudumo nemvula
- linomoya

N
W E
S

eLimpopo
20°|34°

eGauteng
20°|27°

eMpumalanga
–2°|8°

Mntla-Ntshona
11°|19°

Freyistatha
5°|12°

KwaZulu-Natal
2°|24°

Mntla-Koloni
22°|32°

Mpuma-Koloni
16°|24°

Ntshona-Koloni
15°|21°

IMEPHU YEMOZULU

65.pdf 1 2015/07/08 7:45 PM

Umhla:



Masibhale Jonga imephu yemozulu uze uphendule le mibuzo.

Ngaba imozulu ifana ngenene naleyo yephondo lakho?

Injani imozulu yephondo lakho? Elinye lamaphondo alizi kuba nanto njengoko liza kuba liphondo lakho.

eGauteng	
eLimpopo	
eMpumalanga	
KwaZulu-Natal	
eFreyistatha	
eMpuma-Koloni	
eNtshona-Koloni	
eMntla-Koloni	
eMntla-Ntshona	

Abantu baseMpuma-Koloni baza kunxiba iimpahla ezinjani kule mozulu?

Yeyiphi eyona mozulu intle? Kutheni usitsho nje?

Imozulu imbi kakhulu phi? Kutheni usitsho nje?

Athini awona maqondo obushushu aphantsi nawona aphezulu kwiphondo ngalinye?

Iphondo	Elona qondo liphantsi lobushushu	Elona qondo liphezulu lobushushu
eGauteng		
eLimpopo		
eMpumalanga		
KwaZulu-Natal		
eFreyistatha		
eMpuma-Koloni		
eNtshona-Koloni		
eMntla-Koloni		
eMntla-Ntshona		





66.pdf 1 2015/07/08 7:45 PM

Masijonge imozulu okokugqibela





Masibhale

Cingela xa unokuya kucacisa uqikelelo lwemozulu kumabonakude usebenzisa imephu ekwiphepha lama-64.

Bhala phantsi oza kukuthetha ngephondo ngalinye. Yenza isigqibo sokuba uza kuqala phi emephini – phezulu okanye ezantsi? Amagama amaphondo uza kuwalandelelanisa njani xa uwabhala? Iinkcukacha zemozulu zona uza kuzilandelelanisa njani?
Okokuqala, yenza isazobe sokucinga sento oza kuyithetha.







Masibhale

Ngoku bhala olwakho uqikelelo lwemozulu. Cela umhlobo wakho alufunde aze alulungise ukuba kukho imfuneko.









Umhla: _____



Masibhale

Biyela isenzi uze ukrwele umgca ngaphantsi kwesihlomelo kwisivakalisi ngasinye. Emva koko xela ukuba isihlomelo sisichaza njani isenzo, phi okanye nini.

UAyanda uhambe kwangoko njengoko bekubonakala ngathi kuza kuna. _____

Isichotho siqale ebusuku. _____

Iindudumo nombane zigqqekreze ngamandla imizuzu elishumi. _____

Imvula ine imini yonke izolo. _____



Masibhale

Bhala ezi zivakalisi usebenzise izibizo ezibhekiselele kwizinto ezingaphathekiyo.

uthando	ukucaphukela	ubugorha	inkuthazo	impumelelo



Masibhale

Bhala izivakalisi ezibini ngegama ngalinye.

ulwimi (ilungu elisemlonyeni) _____
ulwimi (ubuxoki) _____
isiziba (sokuthungela empahleni) _____
isiziba (indawo enzulu emlanjeni) _____
umnyama (wemozulu) _____
umnyama (imigca esemzimbeni) _____

Xa igama elinye lineentsingiselo ezininzi kuthiwa **yipholisemi**.

Nangu umzekelo:

Umoya osingqongileyo.
Musa ukufaka umntwana umoya ombi.





Masizihlole



Ndiyakwazi		
ukuthetha ngentsomi ndize ndiyilinganise		
ukufunda intsomi phezulu ngokukhawuleza nokuyifundisisa		
ukuphendula imibuzo esekelwe entsomini		
ukuchaza umxholo wentsomi ngokujonga isihloko		
ukuchaza izifanadumo noomabizwafane		
ukuchaza ukuba imifanekiso incedisa njani ekuqondeni umxholo		
ukuchaza izandi ezenziwa zizilwanyana		
ukunika uluvo		
ukuchaza umsebenzi weempawu zocaphulo		
ukunxulumanisa iintsingiselo zamabinzana namagama		
ukusebenzisa itshathi ukwenza isicwangciso somhlathi ochazayo		
ukuguqula izivakalisi zibe kwingxelo-ntetho		
ukuguqula iingxelo zibe yimibuzo		
ukubalisela iqela lam ibali		
ukuchaza umxholo, abalinganiswa abaphambili, indawo elidlalela kulo ibali kunye nemfundiso yebali		
ukutshatisa amagama neentsingiselo zawo		
ukubhala umhlathi ochazayo		
ukutshatisa amaqhalo neentsingiselo zawo		
ukubhala umbongo wesilwanyana ndisebenzisa izifaniso		
ukuxoxa ngebali elikwimo yekhathuni		
ukushwankathela ibali		
ukusebenzisa isazobe sokucinga kwisicwangciso sokubhala intsomi		
ukuhlanganisa izivakalisi ngezihlanganisi		
ukusebenzisa izimelabizo endaweni yezibizo		
ukuchaza izibizo ezalatha izinto nezikhankanyi		
ukutshatisa amabinzana neentsingiselo zawo ukwakha izikweko		
ukukrwela umgca phantsi komabizwafane ochanekileyo		
ukuchaza ukuba izivakalisi zizikhuzo okanye ziziyaleli na		
ukubhala umhlathi kwakhona ndisebenzisa iziphumlisi ezichanekileyo		
ukubhala imihlathi emibini ndisebenzisa izihlanganisi		
ukuthetha ngemozulu nangeklayimethi		
ukufunda isicatshulwa esingemozulu		
ukuphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa		

ukunika isicatshulwa isihloko		
ukutshatisa amagama neentsingiselo zawo		
ukwenza isazobe sokucinga esimalunga nemozulu		
ukusebenzisa isazobe sokucinga ekubhaleni imihlathi engemozulu		
ukuchaza izenzi nezichasi kwizivakalisi ezilula		
ukuguqula izivakalisi zibe kwixesha elizayo		
ukuhlanganisa izivakalisi ndisebenzisa izihlanganisi		
ukutolika umzobo wemozulu		
ukusebenzisa imizobo ekuboniseni unobangela neziphumo		
ukusebenzisa imizobo ukulungisa iinkcukacha		
ukubhala imihlathi esekelwe kwimizobo		
ukubhala izivakalisi ndisebenzisa oomabizwafane		
ukuvakalisa uluvo		
ukubhala umhlathi ndivakalisa uluvo		
ukuchaza izikhankanyi		
ukutshatisa imifanekiso nezinto		
ukuchaza nokubhala izivakalisi ndisebenzisa izimelabizo		
ukubhala izivakalisi ndisebenzisa izifanadumo		
ukumamela kusasazo lwengxelo yemozulu ndize ndenze olwam usasazo		
ukufunda imephu yemozulu		
ukuphendula imibuzo esekelwe emephini yemozulu		
ukwenza uqikelelo lwemozulu		
ukuhlela umsebenzi obhaliweyo		
ukuchaza izenzi nezihlomelo kwizivakalisi		
ukubhala izivakalisi ngokusebenzisa izibizo ezibhekiselele kwizinto ezingaphathekiyo		
ukubhala izivakalisi ngokusebenzisa amagama apelwa ngokufanayo kodwa eneentsingiselo ezahlukeneyo		

Umxholo 7: Iintlobo ezahlukileyo zamabali

Amabali Ikota 4: liveki 1 - 2

97 Iikomityi zibhidene 70
Uthetha ngokugcinwa kwedayari.
Ufunda ibali kwinqaku ledayari.
Uphendula imibuzo ethile esekelwe ebalini.
Ufumanisa ukuba loluphi uhlobo lobhalo.
Uqikelela iinkcukacha.
Unxulumanisa iinkcukacha neemeko zakhe.

98 Inqaku elilelam ledayari 72
Utshatisa amabinzana ezaci neentsingiselo zawo.
Uyila isazobe sokucinga ukuze enze isicwangciso senqaku ledayari.
Ubhala inqaku ledayari.
Uchonga izibizo, iziphawuli, izibaluli nezihlomelo kwizivakalisi.

99 Ukuhamba ngolwandle kumaza andlongo-ndlongo 74
Uthetha neqela ngemidlalo yangaphakathi endlwini neyangaphandle.
Ufunda ileta ngokuhamba ngolwandlekazi ukusuka eKapa ukuya eCairo.
Uphendula imibuzo ethile esekelwe kwisicatshulwa.
Uqikelela iinkcukacha.
Unika izizathu ngeempendulo zakhe.
Uchaza umahluko phakathi kweleta eqingqiweyo nengaqingqwanga.
Utshatisa amagama neentsingiselo zawo.

100 Unxibelelwano noCarven 76
Wenza isicwangciso seleta ngokusebenzisa isazobe sokucinga.
Ubhala ileta.
Ufakela izimelabizo endaweni yezibizo.

101 Ibali elifutshane 78
Uthetha ngomculo neqela lakhe.
Ulinganisa ibali.
Ufunda ibali.
Utshatisa amagama neentsingiselo zawo.
Uphendula imibuzo ethile esekelwe ebalini.
Uphendula imibuzo malunga nabalinganiswa, umxholo kunye nesakhiwo sebali.
Uchaza uluvo.
Unika isihloko sebali.

102 Ukubhala lulonwabo 80
Ubhala ileta.
Uhlela ileta.
Usebenzisa izalathandawo.
Uphinda abhale umhlathi ngoonobumba abakhulu.
Wahlula amagama ngokwamalungu awo.

103 Ikota entsha yesikolo 82
Uxoxa ngokubuyela esikolweni kwiqela lakhe.
Ufunda ibali ngokuvulwa kwezikolo.
Uphendula imibuzo ethile esekelwe ebalini.
Ubhala isishwankathelo sebali esifutshane.
Uchaza uluvo lwakhe
Uyaqikelela.

104 Ukubhala uphengululo 84
Ubhala uphengululo lwebali ngokusebenzisa isakhelo. Uchonga izibizo eziyintloko neenjongosenzi zezivakalisi.
Ubhala izivakalisi ngokusebenzisa izimelabizo
Ubhala izivakalisi ngokusebenzisa amagatya ayamileyo.
Ukhetha igama elimele ibinzana.
Ubhala amagama ngokwealfabhethi.

Izicatshulwa ezinolwazi Ikota 4: liveki 3 - 4

105 Izingwe 86
Uthetha ngepaka yezilwanyana okanye ngomyezo wazo.
Ufunda isicatshulwa nefayili yeenkcukacha ngezingwe.
Uphendula imibuzo ethile esekelwe kwisicatshulwa.
Ufunda phezulu ekhangela iinkcukacha.
Unika izizathu malunga neempendulo zemibuzo.
Uchaza injongo ephambili yenqaku.
Uchaza inyaniso nezimvo.
Uphendula imibuzo ngamanqaku.
Uchaza intsingiselo yentetho esisaci.

106 Okunye ngokubhala ngeenyaniso 88
Uchonga umahluko phakathi kwento eyinyaniso ekhoyo noluvo.
Uchonga inyaniso noluvo kuludwe lweziqulatho.
Ubhala ngesilwanyana asebenzise isakhelo.
Usebenzisa ulwimi olungqale ngakumbi.
Uguqula izichasi zibe zizifanokuthi.

107 Ingxelo yeendaba 90
Ushwankathela aze afunde inqaku lephephandaba.
Uzalisa ikhadi lamanqaku
Ufunda inqaku lephephandaba.
Uphendula imibuzo esekelwe kwinqaku.
Uxoxa ngesihloko senqaku.
Ufunda phezulu ekhangela iinkcukacha eziyinyaniso.
Ufumanisa ukuba ngowuphi umhlathi oshwankathela inqaku.
Ukhangela unxulumano phakathi kwenqaku nomfanekiso.
Uchonga ingongoma ephambili yenqaku.
Utshatisa amabinzana.

108 Ukuziqhelanisa nokubhala ingxelo yephephandaba 92
Ubhala ingxelo yephephandaba asebenzise isakhelo.
Uhlanganisa izivakalisi ezilula ukwenza ezimbaxa ngokusebenzisa izihlanganisi.

109 Ukuqabela iNtaba yeTafile 94
Uthetha ngeNtaba yeTafile.
Ufunda incwadana yeenkcukacha ngeNtaba yeTafile.
Utshatisa amagama neentsingiselo zawo.
Ufunda isicatshulwa aze aphendule imibuzo.
Uchaza uluvo lwakhe.

110 Okuthe vetshe ngentaba 96
Wenza isicwangciso sengxelo ngeNtaba yeTafile ngokusebenzisa isakhelo. Uzoba imephu.
Uchonga izibizo, iziphawuli, izibaluli nezihlomelo.
Ubhala ngokutsha umhlathi efakela oonobumba abakhulu.
Wahlula amagama abe ngamalungu.

111 Ukuya kwiPaka yeziLwanyana 98
Uxoxa ngeKruger National Park.
Ufunda ngenqaku lemagazini elingotyelelo lwaseKruger National Park.
Uphendula imibuzo engenqaku.
Uchonga inyaniso noluvo.
Uphendula imibuzo esekelwe kwimephu.
Uchonga intsingiselo yentetho esisaci.

112 Malunga nohambo 100
Ubhala ingxelo ngokusebenzisa isakhelo.
Uchonga amabinzana anezalathandawo.
Usebenzisa amagama aneentsingiselo ezininzi.
Uchonga uhlobo lwesenzi kwizivakalisi.
Ubhala izivakalisi asebenzise oomabizwafane.

Iikomityi zibhidene





Xoxani emaqeleni enu.

Unayo idayari? Ukuba unayo idayari, xelela iqela lakho ukuba kutheni uyisebenzisa nje. Ukuba akunayo, xelela iqela ukuba kutheni ungenayo nje.



Funda eli bali elivela kwi- *IDayari yomntwana wakwaWimpy* – Ilishwa elinje, nguJeff Kinney



NgoLwesine



Seziphantse ukuphela iiveki ezimbini ezinesiqingatha ukususela oko mna nalowo wayengumhlobo wam ophambili, uRowley Jefferson, saba nengxabano yokuqala enkulu. Xa ndikuxelela inyaniso, ndandicinga ukuba kwakuthi kungoku nje abe **selesiza edomboza**, kodwa ngesizathu endingasaziyo oko akukenzeki.

Ngoku ndisexhaleni kancinane kuba ziza kuvulwa izikolo kwiintsuku ezimbalwa, kwaye ukuba siza **kububuyisela kwindawo yabo** obu buhlobo, ikhona into ekufuneka yenzeke kwamsinyane. Ukuba uRowley nam asisafunani ngenene, **aku'ginyisa mathe**, kuba thina sobabini besivana kakhulu.

Ngoku njengoko **sebuyimbali ubuhlobo bethu**, ndisemalikeni yomnye umhlobo ophambili. Ingxaki kukuba, ndichithe lonke ixesha lam kuRowley, kwaye andinaye omnye olindileyo onokuthatha indawo yakhe.

Abahlobo ababini endibacingayo ngoku nguChristopher Brownfield noTyson Saunders. Kodwa iyileyo kula makhwenkwe ineengxaki zayo. Ndikhe ndazama ukuhamba noChristopher kwiiveki ezimbalwa zehlobo, ikakhulu kuba enomnatha wokutsala iingcongconi. Kodwa uChristopher uluhlobo lokuba ngumhlobo wasehlotyeni ngakumbi kunokuba abe ngumhlobo wonyaka wesikolo. UTyson ulunge ngokwaneleyo kwaye sithanda imidlalo yeevidiyo efanayo, kodwa ungumntu ongaqhelekanga kwizinto ezininzi kangangokuba andazi nokuba ndingakwazi na ukuba naye ngalo lonke ixesha.



Mnye umntwana ongenamhlobo uphambili, nguFregley, kodwa ndambekela ecaleni kubantu abanokuba ngabahlobo abaphambili kwakudala.

Nangona kunjalo, **ndisaluvulile ucango** lukaRowley, ukuba kunokwenzeka. Kodwa ukuba ufuna ukubugcina obu buhlobo kwakufuneka akhawuleze abe nento ayenzayo.

Kuba ngale ndlela zimi ngayo izinto ngoku, **akaz' ukuba mhle** encwadini yobomi bam.

Umhla:



Masibhale

Olu bhalo luvela kwinqaku ledayari. Bhala phantsi izinto ezimbini ezikubonisa ukuba olu bhalo luvela kwidayari.

Yeyiphi inkxalabo esentloko athetha ngayo umbhali kwidayari yakhe?

UGreg, umbhali wedayari, ucinge ukuba uRowley uza kucela uxolo kuye kodwa akakenzi njalo. Ucinga ukuba kutheni engekaluceli uxolo kuGreg?

UGreg ukhankanya abanye abantu abanokuba ngabahlobo bakhe kodwa akababoni befanelekile. Kutheni ecinga ukuba akanakuba ngumhlobo wabo?

Ngaba olu bhalo luhlobo oluqingqiweyo okanye olungaqingqwanga? Nika isizathu soluvo lwakho.

Ucinga ukuba le meko iza kuba njani kuGreg? Bhala umhlathi onokuba yinxenye yenqaku ledayari elibhalwe nguGreg.



Wakhe waba nengxaki yokuxabana nomhlobo wakho omkhulu? Bhala umhlathi uxele ukuba kwenzeka ntoni.

Inqaku lam ledayari



Masibhale

Krwela umgca ukuze utshatise amabinzana athathwe kwisicatshulwa neentsingiselo zawo.

selesiza edomboza	kuya kuba kubi, akuyi kuba mnandi
ukububuyisela kwindawo yabo	ukunika ithuba lothetha-thethwano
akuyi kuginyisa mathe	buphelile
ucango lusavuliwe	ukuvuma impazamo yakho ucele uxolo
sebuyimbali	ukubuyela kwimeko yangaphambili yokuba ngabahlobo



Uza kubhala amanqaku athile edayari, kodwa qala ngokwenza izicwangciso.



Masibhale

Uza kubhala ngeentsuku ezintathu. Inqaku lakho lokuqala limalunga nobuhlobo obungasalunganga; kwinqaku lakho lesibini uza kubhala ngendlela ozive ngayo ngaloo nto; ukuze kwinqaku lakho lesithathu uxele into oza kuyenza ngale meko. Ungalibali ukunika umhla wenqaku ngalinye.

Yenza isazobe sokucinga ukuze ucwangcise amanqaku edayari yakho.



Amanqaku edayari





Umhla:

Masibhale

Sebenzisa isazobe sokucinga sakho ubhale amanqaku edayari yakho. Wakuba ubhale amanqaku akho, cela umhlobo wakho awaqwalasele aze awahlele ukuba kukho imfuneko. Emva koko wabhale ngokutsha kakuhle kweli phepha.



Masibhale

Funda ezi zivakalisi. Kwisivakalisi ngasinye biyela isibizo, krwela umgca ngaphantsi kwesiphawuli nesibaluli uze ufake umbala omthubi kwisihlomelo.



Ikota entsha iza kuqalisa msinyane.

Umhlobo wam omkhulu uye wahlala ekhaya.

UFregley ohlekisayo uhamba ngokucotha.

URowley kuza kufuneka enze into kamsinyane.

Ingxabano yokuqala enkulu kaGreg ithathe ixesha elide.



Ukuhamba ngolwandle kumaza andlongo-ndlongo



Masithethe

Thetha nomhlobo wakho ngemidlalo yangaphakathi neyangaphandle.
Thethani ngemidlalo esiyidlala emhlabeni naleyo yasemanzini.
Ungathanda ukukhwela inqanawa? Xela isizathu.
Zeziphi iimpawu ekufuneka ube nazo xa ucinga ngokuqhuba inqanawa?



Masifunde



Alba endimthandayo

Kanye kwiminyaka emithathu, kubanjwa ugqatso olusuka eKapa luye eCairo. Kanti kulo nyaka ndikhwele enye yezo nqanawa! Andazi nokuba ndinixelele na, kodwa utatomkhulu wam wayengumlobi weentlanzi kanti utata wam ngumakhi wamaphenyane. Ngoko ke amaphenyane ayesoloko eyinxenye yobomi bam. Ngokuya ndandisemncinane kakhulu sasinephenyane elincinane ekhaya, kwaye utata wam wayesikhupha siye eZeekoevlei. Ngenye imini, ndabona abanye abantwana beziqhubela bodwa behamba ngolwandle ndaqonda ukuba nam ngenye imini ndakuze ndiziqhubele ndedwa elwandle.



Njengoko ngoku sendikhulile kwaye ndinamandla athe chatha, ndimana ndingenela ukhuphiswano kwaye ndiyaphumelela amaxa amaninzi. Naxa kunjalo, wathi akunditsalela umnxeba umphathi wenqanawa eyayisuka eKapa isiya eCairo endibuza ukuba andingethandi na ukuhamba naye, zange ndilikholelwe ithamsanqa lam! Olo hambo lwaba yincochoyi yobomi bam!



Olo hambo lwaba ngummangaliso! Yonke imihla, kwakusenzeka into echulumachisayo. Sasibona amahlengesi aziintsana kunye nentlaninge yeentlanzi ezibhabhayo. Ngobunye ubusuku zazininzi kangangokuba zasibetha – shuu!



Ndaguliswa lulwandle kwakanye– ngosuku lokuqala – kanti ndothuka kanye kuphela kolu hambo, ngethuba lesichotho esasisibi kakhulu kukho namaza amakhulu – ayephakame ngokungathi zizakhiwo ezinemigangatho emibini.

Saba liphenyane lesibini ukufika eRio de Janeiro kwaye ulwandlekazi salucanda ngeentsuku ezilishumi elinesihlanu.



Kwakungemnandanga kum ukugoduka njengoko oko yayikukuphela kwexesha lolonwabo. Kodwa ndavuya ndakubona umhlaba kwakhona.

Nangona ngoku ndilungiselela iMidlalo yeeNtshatsheli zeHlabathi, ndinethemba lokuba siza kubonana kwakamsinya.

Ngothando

Carven





Umhla:







Masibhale

Ugqatso olusuka eKapa luye eRio lubakho nini?

Ngaba luyathandwa olu gqatso? Nika izizathu zempendulo yakho.

Kwakutheni ukuze uCarven ahambe ngolwandle?

UCarven akaxeli ukuba wayemdala kangakanani xa wayethatha inxaxheba kolu gqatso.
Ucinga ukuba wayeneminyaka emingaphi?



Ngaba uCarven yincutshe yokuqhuba inqanawa? Nika izizathu zempendulo yakho.

Loluphi ugqatso olube libhongo lobomi bakhe?

Zeziphi izinto ezichulumachisayo ezenzeka besenqanaweni?

Ngaba le leta iqingqiwe okanye ayiqingqwanga? Nika izizathu ezithathu ngempendulo yakho.



Masibhale

Tshatisa amagama abhalwe ngqindilili neentsingiselo zawo ngokokusetyenziswa kwawo kwileta kaCarven. Bhala amagama angqindilili kwisichazi-magama sakho.



qaqambisa	tsala umdla	ukugxininisa	inxenye	efanelekileyo
dumba	khukhumala	ukuqunjelwa	amaza	ukutsaleka
ukuguliswa lulwandle	kakuhle	ukuba nesicefe-cefe	ukungaphili elwandle	ukungonwabi
ukhuphiswano	isichasi	umngeni	ukuqubisana	ugqatso

Unxibelelwano noCarven



Masibhale

Yenza ngathi ubunguAlba. Bhala ileta uphendule uCarven. Kwileta yakho xelela uCarven indlela okulangazelela ngayo ukumbona kwanokuva ngohambo lwakhe. Mxelele ukuba ubusenza ntoni wena ngokuya yena ebengekho, okokugqibela, mxelele ngodliwano-ndlebe lwerediyo nomabonakude olulungiselele yena xa efika ekhaya nento afanele ukuyicinga xa elungiselela olo dliwano-ndlebe.

Ungalibali ukuba yileta yobuhlobo le, ngoko ke ayiqingqwanga.

Qala ngokwenza isicwangciso seleta yakho. Emva kokwenza isicwangciso seleta yakho, cela umhlobo ayifunde ukuze akuncedise niyilungise ukuba kuyimfuneko oko. Emva koko yibhale ngocoselelo kule ncwadi yemisebenzi.

Ileta ebhalelwe uCarven





Umhla:





Masibhale

Bhala ezi zivakalisi ngokutsha.
Fakela izimelabizo endaweni yamagama akrwelwe umgca ngaphantsi. Sebenzisa izimelabizo ezingezantsi.



yena kona thina bona zona

UKapteni Petersen ucinge ukuba uKapteni Pertesen unako ukuphumelela ugqatso olusuka eKapa luye eRio.

Ndipolishe izibambo zobhedu zeengcango ukuze izibambo zobhedu zeengcango zikhazimle.

USamson uyakuthanda ukupheka kodwa mna andikuthandi ukupheka.

USamson nam kufuneka sihlambe izitya namhlanje.

UKapteni noSamson bathethe nomama wakhe ukuze amlungiselele.

Ibali elifutshane



Masithethe

Iphi iBo-Kaap? Ukuba akuyazi ukuba iphi buza utitshala wakho okanye uye kwithala leencwadi uze ufumanise ukuba iphi.

Uyawuthanda umculo? Uthanda ukumamela oluphi uhlobo lomculo? Ucinga ukuba kubalulekile ukuqhuba ngokufunda xa sowugqibile esikolweni? Xela isizathu.

Ufuna ukufundela ntoni xa ugqibile esikolweni? Xela isizathu.

Xa sowulifundile ibali elingezantsi, lidlale neqela lakho. Yenza isigqibo ngokuba zeziphi iinxenye zebali ofuna ukuzisebenzisa. Xa ulenza umdlalo, khumbula ukuhlala ujonge kubabukeli kwaye ube nombono wale nto uthetha ngayo. Ungalibali ukwenza iziganeko zilandelelane kakuhle.



Masifunde

UMnumzana Banjo wayemde, enciphile enolusu oluntsundu kanti inwele zazimhlophe njengekhephu. Elona gama lakhe nguJames John McCloyd. Utata wakhe kunye notatomkhulu wakhe bobabini babengoomatiloshe kanti umama wakhe wayengowomnombo waseMalay.

OoMcCloyd babehlala kwindlu eyayinamagumbi amathathu kwiSitalato iChiapinni kwiBo-Kaap. Xa utata kaJames eselwandle umama wakhe wayelondoloza indlu egcina nomntwana wakhe ecocekile esempilweni entle kwaye onwabile, aqinisekise nokuba uya esikolweni rhoqo.

Ngexesha wayesemncinane uJames, utata wakhe wamthengela ikatari ekuthiwa yibanjo. Yayinentloko engqukuva, intamo ende kunye neengcingo ezine. Qho xa utata wakhe egodukile evela elwandle wayemfundisa ukuyidlala.

Ngeempelaveki, uluntu oluncinane lwaseMalay lwaluhlangana. Kwakuxhentswa kuculwa aze uJames adlale ibanjo yakhe. Waba yimvumi emangalisayo. Ebesithi akuqalisa ukuyibetha ecula atsho wonke umntu akhamise ngenxa yokumangaliswa, athi egqiba ukucula abe eqhwatyelwa izandla enconywa ngokungathi kugqiba kudlala ingelosi.

Uthe efika kwiminyaka eli-12 babe abantu sebembiza ngokuba nguBanjo, waba nguloo Banjo ke ubomi bakhe bonke. “Ndakuba ndigqibile esikolweni, ndiza kuya eyunivesithi,” waxelela umama wakhe. “Ndifuna izifundo zesidanga emculweni.”

Kodwa kwenzeka intlekele. Wasweleka utata kaBanjo waza wanyanzeleka uBanjo ukuba aye kuphangela ukuze ancedise umama wakhe. Kodwa emva koko kwasweleka nomama wakhe. UBanjo wenza isigqibo sokuya elwandle. Walondoloza imali yakhe emana ukuzidlalela ibanjo yakhe akufumana ithuba. Kwiminyaka emihlanu eyalandelayo wagoduka, wagqibezela iBanga le-12 kwiziko lemfundo yabantu abadala waza waya eyunivesithi waya kufundela umculo.

Uthe esafunda, wabe selehlohla izifundo zomculo ngokunjalo efundisa abancinane nabadala indlela yokufunda nokubhala. Udumo lwakhe nokuthandwa kwakhe kwafikelela kwiindawo ngeendawo kangangokuba abantu babesiza kuye ukuza kufumana izifundo zomculo.

Umhla: _____

UBanjo wayifumana imfundo yesidanga emculweni eneminyaka engamashumi amathathu. Wayeyincutshe ekubetheni ikatala, kodwa ibanjo yayisoloko iyintandane yakhe yokuqala. Wayeya kunyuka iSignal Hill aze adlale ibanjo yakhe ehleli engceni eluhlaza. Wasweleka eneminyaka engamashumi alithoba anesibini – eyindoda eyonwabileyo neyanelisekileyo.



Masibhale

Krwela imigca yokutshatisa amagama abhalwe ngqindilili neentsingiselo zawo. Bhala amagama abhalwe ngqindilili kwisichazi-magama sakho.



oomatiloshe	ukukhupha amehlo umlomo uvulekile ngenxa yokumangaliswa
rhoqo	ukuba nomzimba omncinci obhityileyo
ukukhamisa	ngalo lonke ixesha
encipile	ingozi embi, isehlo esimasikizi
intlekele	abantu abasebenza ezinqanaweni elwandle



Masibhale

Phinda ufunde lo mhlathi ukuze uphendule le mibuzo.

Ngubani iqhawe kweli bali lifutshane? _____

Ngubani obalisa eli bali? Biyela impendulo yakho ngezantsi.

NguBanjo Ngumama wakhe Umntu wesithathu – ngumntu owayemazi uBanjo

Xela ukuba kutheni usitsho.

_____

Lenzeka phi eli bali? Ngaba umbhali uyenze le ndawo yaba yindawo ekholelekayo? Uyenze njani loo nto?

_____

_____

Sithini isakhiwo seli bali? Kwenzeka ntoni?

_____

Loluphi ungquzulwano okanye ubunzima obulapho? Ngaba sikhona isisombululo?

_____

Xela indlela eliphume ngayo eli qhawe ebunzimeni ebelikubo.

_____

Ulonwabele eli bali? Nika isizathu.

_____

Nika isihloko seli bali. _____

Ukubhala lulonwabo



Masibhale

Yenza ngathi uBanjo wayekufundisa iminyaka emininzi wade waba ngumhlobo wakhe omkhulu. Akuba eswelekile, wenze isigqibo sokubhalela usapho lwakhe ileta uluxelele akwenzele kona uMnumzana uBanjo. Bhala ileta. Wakuba uyibhalile le leta, cela umhlobo wakho ayifunde aze enze izilungiso ukuba kukho imfuneko.

Kumhlathi wokuqala, chaza ukukhathazeka kwakho ngokusweleka kwakhe.

Kumhlathi wesibini nowesithathu, cacisa ukuba yintoni eyayisenziwa nguMnumzana Banjo eyenza wangumntu oxabiseke kakhulu kuwe nakwabanye abaninzi.

Kumhlathi wokugqibela, thetha ngeempumelelo zakhe nangesizathu esiya kwenza ukuba wena nabanye nimkhumbule.



Masibhale Sebenzisa ezi zakhi zezihlomelo nezalathandawo ubhale amagama abiyelweyo kakuhle.

phantsi | kwi | ini | eni | no | e | ka

UMnumzana uBanjo wayehlala Bo-Kaap. Wayehlala (ndlu) (nduli).

Wayekuthanda ukuzidibanisa noluntu abadlalele ibanjo (langa) komthi.

Ngenxa yokukholelwa (mfundo) wenza isigqibo sokufunda imatriki kwaye esiya rhoqo (klas).

Wayebakhuthaza abafundi akuba ngutitshala ukuba bawufunde (khulu) umsebenzi wabo.

Ngenxa yokuba wayengutitshala okhutheleyo, abantu babesiya qho (izifundo) zakhe.



Masibhale Bhala lo mhlathi ngokutsha ufakele oonobumba abakhulu apho kuyimfuneko khona.

umnumzana banjo wayehlala entshona-koloni kwisitalato ichiapinni ebo-kaap. elona gama lakhe lenene ngujames john mccloyd kanti umama wakhe wayesisizukulwana sasemalay. umnumzana banjo wayesemdala ukuqala kwakhe ukufunda eyunivesithi. nangona kunjalo wayesakuthanda ukubetha ibanjo yakhe signal hill





Masibhale Yahlula la magama ngokwamalungu awo uze uqhwabe emva kwegama ngalinye.
Umzekelo: wa/ye/tha/nda: amalungu amane

iimpelaveki		intlekele	
rhoqo		isizukulwana	
eyunivesithi		eyanelisekileyo	

Ikota entsha yesikolo



Masithethe

Uziva njani xa kuvulwa izikolo? Uyavuya okanye uba lusizi?
Uziva njani xa useklasini katitshala omtsha?
Yintoni ofuna ukuyenza kakhulu?



Masifunde

Kwakulusuku lokuqala lwesikolo emva kweeholide zesikolo. Inyanga yonke yeeholide nolonwabo.

Kodwa uLilly, uZack noKhal babengekho lusizi ukubuyela kwabo. Kwakuxhelw' eXhukwane kubo.

Bobathathu babemi ebaleni lemidlalo bejonge esikolweni. Akukho nto itshintshileyo. Isikolo samaBanga aPhantsi iHudson Park sasinjengoko sasinjalo.

Isakhiwo sesikolo sasisidala sintsundu. Ipaka encinane yayizele ziimoto zootitshala. Amaplanga ayengaphezulu nangaphaya kwebala lemidlalo ayemnyama exwebe ngokwesiqhelo. Kanti nalo ibala lalinophawu lwebhola ekhatywayo, lilungiselelwe umdlalo wokuqala wekota.

"Siyitshay' isaqhuma kwithuba lakusasa lokuphumla andithi?" ubuzile uLily.

UZack noKhal banqwala intloko.

UZack wayesisigqigqana esifutshane, eneenwele ezisabumnyama eziphothwe zaqiniswa. UKhal wayemde enobuso obubhityileyo.

"Ewe, sendisitsha ziintambo," watsho uZack.

"Nam ngokunjalo," uKhal wavuma.

ULily watyhalela iinwele zakhe ezijikijiko ezikhanyayo kude nobuso bakhe. "Selilide ixesha singasayidlali ibhola ekhatywayo," watsho.

Lixesha elide ngenene. Lide kakhulu.

Isikolo sabo sasiphakathi esixekweni. Unxantathu webala esasimi kulo wawuyindlela exakeke kakhulu kwelinye icala kukho imizila kaloliwe kwamanye amacala.

Oololiwe babekhala xa bedlula esikolweni ngalo lonke ixesha emini.

Icala lesixeko apho uLily nabanye babehlala khona lalixinene kangangokuba kwakungekho nendawo yamasimi neyeepaka. Kwakungekho nendawo yebhola ekhatywayo. Inye indawo ababenokudlala kuyo abantwana, yayilibala lemidlalo esikolweni.

UZack wahlikihla izandla zakhe wabuza, "Uyibonile laa 4x4 intsha?" Maddie, wakhwaza umhlobokazi kaLily, "Yeyakhe – utitshala wethu omtsha! Ukhona oselembonile?"

Wonke umntu wanikina intloko.

"Hayi ke, xa ehamba nge-4x4 umi kakuhle," watsho uZack kanye xa kwakubetha intsimbi yesikolo.

Umhla:



"Siza kufumanisa endibanweni," utshilo uLily. "Iza kuqalisa kwimizuzu embalwa."
Abahlobo abane baya esikolweni bephuphuma lithemba lekota entsha notitshala omtsha.
(NguTom Palmer)



Masibhale

Funda ibali elibhalwe nguTom Palmer kwakhona. Nika isihloko sebali.

Abahlobo abane bonwatyiswa kukwenza ntoni kakhulu?

Ingaba babekwazi na ukudlala ibhola ekhatywayo ngeeholide zesikolo? Xela isizathu okanye kutheni kungenjalo.

Abantwana babehlala kufutshane nemizila kaloliwe. Ucinga ukuba yintoni eyayinokwenza kube nzima oku?

Ucinga ukuba kwakulula ukuba abantwana bazikise iingqondo esikolweni? Xela ukuba kutheni.

UZack, uLily noKhal babohluke njani?



Bhala isishwankathelo sebali ngezivakalisi ezithathu.

Abantwana babelangazelela ukudibana notitshala wabo omtsha. Ucinga ukuba wayenjani utitshala?



Ukubhala uphengululo



Masibhale

Ucelwe ukuba uphengulule incwadi ebhalwe nguTom Palmer. Bhala uphengululo lwakho phantsi kwezihloko ezilandelayo. Wakugqiba ukulubhala, cela umhlobo ukuba aluhlele.

UPHENGULULO LWENCWADI

Ibali limalunga

Abantwana abane bonwabele

Ndilithandile/andilithandanga eli bali kuba

Kufuneka/akufuneki uyifunde le ncwadi kuba



Masibhale

Krwela umgca ngaphantsi kwesibizo esiyintloko nesiyinjongosenzi kwisivakalisi ngasinye kwezi.



Abantwana abane bayakuthanda ukudlala ibhola ekhatywayo.

Ootitshala babeka iimoto zabo kwibala elincinane leemoto.

Utitshala omtsha uqhuba i-4X4.

Abantwana baye kwindibano kwangoko bakuba befikile esikolweni.

Bonke abantwana bahlala kufuphi esiporweni sikaloliwe.



Masibhale

Bhala ezakho izivakalisi usebenzise la magama.

le/lo | leyo/loo | ezi/aba | ezo/abo



Umhla:

Isivakalisi **esinegatya loxhomekeko** sibizwa ngokuba sisivakalisi soxhomekeko. Igatya loxhomekeko linako ukuqala mhlawumbi ngo-**ukuba** okanye ngo **ngaphandle kokuba**.

Imizekelo: Inyoka iza kundiluma **ukuba** isondela kakhulu.

Inyoka iza kundiluma **ngaphandle kokuba** andisondeli kakhulu kuyo.



Masibhale

Gqibezela izivakalisi zeemeko ezithile ezilandelayo. Sebenzisa izenzi ezikwizibiyeli.

Umzekelo:

Izityalo ziya kufa _____ (nkcenkceshela)

Izityalo ziya kufa **ngaphandle kokuba uyazinkcenkceshela.**

Abantwana abanakudlala ibhola ekhatywayo _____ (zivaliwe)

UZack akanakuyisombulula ingxaki _____ (uncedo)

Abantwana abanakuphumelela ezimviweni _____ (bayafunda)

Ngaphandle kokuba sivulwe isikolo _____ (ukudlala)

Ibala lemidlalo linodaka _____ (iyana)



Masibhale

Khetha elona gama lifanelekileyo kwibinzana ngalinye kula.

ngoku | kuba | ufuna | ngokukhawuleza | kungekudala

Ukujikelezisa intetho kukusebenzisa amagama amaninzi naxa bekunokusetyenziswa elinye.

unemfuneko anayo
ngalo eli xesha
ngendlela yexesha elililo
kungenxa yesizathu sokuba
kwixesha eliza kuza msinyane





Masibhale

Bhala la magama ngokwealfabhethi.

ncwina	cima	ncuma	cela	chaza	ncama
cheba	cwaka	nceda	cula	ncokola	chola

Izingwe





Masithethe

Wakhe waya kwipaka yezilwanya okanye kumyezo wezilwanyana? Xelela iqela lakho ngepaka yezilwanyana okanye ngomyezo wezilwanyana. Thetha ngezilwanyana zasendle ozibonileyo.

Ngubani onokuphumelela kumlo: yingonyama okanye yingwe? Phofu, ukuba ubukhulu bomzimba bunento obuyenzayo, bekunokuphumelela ingwe. Kaloku izingwe zezona zinkulu kudidi lweekati. Zikhula zide zifikelele kwiimitha ezi-3,5 ubude kwaye zinobunzima bomzimba bama-304 kg. Izingwe azinkulwanga nje kuphela kodwa zinamendu angaphaya. Zinokubaleka ngamendu alingana nama-64 eekhilomitha ngeyure kwimigama emifutshane kwaye zitsiba kangangeemitha ezili-9 ukuya phambili. Oko kuthetha ukuba zinomtsi oyingozi kakhulu. Usenokungayicingi into yokuba izilwanyana ezikhulu, ezinamendu nezoyikeka kangako nazo ziyalufuna uncedo ukuze zisinde nokuba nazo zisemngciphekweni wokuphela.

Izingwe zitshatyalaliswa ngabantu ngeendlela ezimbini, ngokuzizingela nangokutshabalalisa iindawo ezihlala kuzo.

Izingwe zizingelelwa izikhumba zazo namalungu emizimba yawo emihle. Abanye abantu baseTshayina nasemazweni aseAsia bakholelwa ekubeni kukho iindawo ezithile kwingwe eziliyeza. Abanye abantu bazizingela ngaphandle kwesizathu kuba besonwatyiswa kukuzibulala. Abantu bazibulele nangokutshabalalisa iindawo zazo zokuhlala. Izingwe zazifumaneka ukusuka eTurkey ukuya elunxwemeni olusempuma lwaseRussia. Kodwa ngoku amanani ezingwe ayabalwa kwiindawana ezincinane zasemazantsi nakwiAsiya esemzantsi-mpuma. Oku kwenziwa ngabantu abakhe izixeko, iidolophu neendlela apho beziphila khona izingwe. Ngaphaya koko, amahlathi namadlelo ageciwe ukuze kwenziwe amasimi okulima kanti nomhlaba omkhulu sowuyindawo yemigodi.

Izingwe zifuna ukuhlala emhlabeni omkhulu. Inkunzi yengwe ifuna malunga ne100 km kuba izingwe zasendle zithanda ukuyazi imida yazo kwaye zikhetha ukuhlala zodwa. Azikwazi kuhlala ngokwabelana nezinye izingwe. Ngenxa yokuba zifuna umhlaba omkhulu, kunzima kubalondolozi bendalo ukufumana umhlaba owaneleyo wokuxhasa amanani aphezulu ezingwe. Ukuze kwenziwe umzamo wokukhusela izingwe ezo zazizalelwe kwindawo evalelekileyo zithunyelwe eMzantsi Afrika zasiwa endle. Eli cebo ngathi liyasebenza.



Masifunde

IFAYILE YEENYANISO EZIKHOYO

- Phantse sisiqingatha amankonyana ezingwe angaphili ngaphaya kweminyaka emibini yobudala.
- Amathole ezingwe ashiya oonina emalunga neminyaka emi-2 ubudala.
- Iqela lezingwe laziwa ngokuba "ngumhlambi".
- Izingwe ziindadi ezinkulu zinokudada iikhilomitha ezi- 6.
- Izingwe ezimhlophe zinqabile kakhulu. Isiqalelo semfuza esenza ibala elimhlophe sifumaneka kuphela kwingwe e-1 kwezingama- 10 000.
- Izingwe zikholisa ukuzingela zodwa, ebusuku.
- Angaphantsi kwe-10% amaxhoba azingelwa zizingwe asindayo.
- Izingwe zizitsiba lula iimitha ezili-9 ngokobude.
- Izingwe ezigcinwe emakhayeni abucala njengezilo-qabane zingaphezulu kunezisendle.





Masibhale

Funda phezulu esi sicatshulwa neenkcukacha ezikwifayile yeenyaniso ukuze uphendule imibuzo.

Zikhula zibe ngakanani izingwe? _____

Zinobunzima bomzimba obungakanani? _____

Zingabaleka ngamendu angakanani? _____

Umhla:



Inkunzi yengwe ifuna umhlaba ongakanani ukuze iphile? _____

Amathole engwe ashiya oonina xa engakanani? _____

Funda lo mhlathi ngocoselelo uze uphendule le mibuzo.
Bhala izizathu ezibini zokuzingelwa kwezingwe.

Yintoni injongo ephambili yokubhala eli nqaku? Phawula impendulo yakho.

- ◯ Ukuze kunikwe abafundi iinkcukacha ezibalulekileyo ngezingwe
- ◯ Ukuze kuthundezwe abafundi bancede izingwe zehlabathi
- ◯ Ukuze kuchazelwe abafundi ukuba kutheni izingwe zehlabathi zisemngciphekweni wokuphela nje

Izingwe zilahlekelwe njani ziindawo zazo zokuhlala ezininzi kangaka?



Kutheni ucinga ukuba izingwe ziyazingelwa?

Kutheni kunzima kangaka ukulondoloza amanani ezingwe zasendle?

Zeziphi kwiinkcazo ezilandelayo eziluluvo?

- ◯ Izingwe zingakhula zide zibe ziinyawo ezilishumi elinanye ubude.
- ◯ Kubalulekile ukulondoloza izingwe zasendle ngokubanzi.
- ◯ Abantu bawabeke emngciphekweni amanani ezingwe zasendle zehlabathi.

Yeyiphi kwezilandelayo echaza ncakasana igama elithi “ukubuyiselwa endle” njengoko lisetyenziswe kumhlathi wokugqibela wenqaku?



- ◯ Ukulondoloza izilwanyana ngokuzigcina kwimiyezo yezilwanyana
- ◯ Ukubuyisela izilwanyana ezizelwe kwimiyezo yezilwanyana kwindalo

Chaza intsingiselo yesaci esithi “ingwe idla gamabala”.

Yeyiphi kwezi zilandelayo esekelwe ngokucacileyo kwiinkcukacha ezikwinqaku?

- ◯ Amalinge okulondoloza izingwe aye aba nempumelelo ethile, kodwa zininzi izithintelo.
- ◯ Amalinge okugcina izingwe akaphumelelanga kwixesha elidlulileyo, kodwa sikhona isizathu sokuqhuba ngawo.
- ◯ Amalinge okugcina izingwe abe nempumelelo kangangokuba azisekho mngciphekweni.

Okunye ngokubhala ngeenyaniso



Masibhale linkcukacha ezininzi kweli nqaku limalunga nezingwe ziyinyaniso.

Xa ubhala isicatshulwa seenkcukacha kufuneka wazi ukuba ngaba into oyibhalayo yinyaniso na okanye luluvo.
Jonga olu ludwe lweziqulatho uze wenze isigqibo ngokuba ngawaphi amanqaku aziinyaniso ingawaphi aluluvo. Emva koko faka uphawu kwikholam echanekileyo.

	Inyaniso	Uluvo
Ukwakhiwa komzimba wengwe		
Apho zihlala khona		
Ezikutyayo		
Amazinyo azo		
Izingwe zizidalwa ezoyikekayo		
Iintlobo zezingwe		
Izingwe zokudlalisa zezona ndizithandayo		





Masibhale Funda lo mhlathi.

Ukungayenzi imithambo nokutya ngokugqithisileyo akusilungelanga thina. Kufuneka uhambe ngokukhawuleza kangangesiqingatha seyure yonke imihla. Ukungayenzi imithambo kungabangela iingxaki zemiphunga, ezentliziyo nokutyeba ngokugqithisileyo. Ukuba utya ngendlela engalunganga kwaye akwenzi mithambo kulula ukuba ugule. Kubalulekile ukutya iiprotheyini nesitatshi, iziqhamo kunye nemifuno yonke imihla. Itshokolethi ayilunganga ngokunjalo neelekese kunye neziselo ezibandayo aziwalungelanga amazinyo akho.



Krwela umgca ngaphantsi kwazo zonke iinkcazo eziziinyaniso.
Biyela ngesangqa inkcazo evakala njengenyaniso kodwa ibe iluluvo.
Umbhali uyifakele ntoni?

Ucinga ukuba wonke umntu uza kuvumelana nombhali? Bhala izivakalisi ezibini uchaze ingcinga yakho.



Masibhale Khetha isilwanyana sasendle onomdla kuso. Funa ezinye iinkcukacha ngaso uze ubhale ngaso usebenzise ezi zihloko:

Inkcazo ngokubanzi (umzekelo: “lindlovu zifunyanwa endle ikakhulu.”)

Umhla:



Iimpawu (umzekelo: “Zinemiboko emide.”)

Iindawo zokuhlala nokuziphatha (umzekelo: “Iindlovu zithanda ukuh

Ezikutyayo (umzekelo: “Zitya amagqabi.”)



Guqula amagama akrwelwe umgca ngaphantsi ngokusebenzisa izifanokuthi, ezingqale ngakumbi nezinomdla kodwa ezinentsingiselo efanayo.

zomelele	zidume	ezibulala	ngobumnyama	eziyingozi

Izingwe lolona didi lukhulu kusapho lwakwakati kwaye zaziwa ngobukhulu nangamandla. Zihlala zodwa. Zinamandla kwaye zizingela ebusuku. Zihamba iikhilomitha ezininzi zizingela inyathi, ixhamakazi, iingulube nezinye izilwanyana ezincancisayo. Izingwe zikholisa ukubaphepha abantu kodwa zikhona ezimbalwa ezingamarhamncwa aqwenga abantu.



Khetha kula magama angezantsi isifanokuthi segama ngalinye elikwitheyibhile. Wabhale kwitheyibhile phantsi kwegama elithi “Isifanokuthi.” Wakugqiba khetha izichasi zawo (amagama anentsingiselo echasayo) uze uwabhale kwitheyibhile phantsi kwegama elithi “Isichasi”.

ibhityile	ityebile	ixhaphakile	inqabile	ukufuma	yomile
imfutshane	ngxamisisa	cotha	yomelele	ibuthathaka	iphakamile

Igama	Isifanokuthi	Isichasi
inciphile		
iqhelekile		
imanzi		
inde		
khawuleza		
inamandla		



Ingxelo yeendaba





Fumana inqaku lephephandaba okanye lemagazini elingento ethile onomdla kuyo, uze nalo esikolweni. Xelela iklasi ukuba lithetha ngantoni uze ubafundele. Cela iqela lakho ukuba likunike amanqaku ngesishwankathelo nangokufunda kwakho.

Zalisa eli khadi lamanqaku labafundi beqela lakho.

ISISHWANKATHELO		Sibalasele	Silungile	Sisafuna ukuqwalaselwa
Intshayelelo	Ixela ukuba lithetha ngantoni inqaku.			
linkcukacha	zesiqulatho zichanekile ngenqaku.			
	Uhleli emxholweni wesihloko.			
umboniso	Uyabajonga ababukeli.			
	Uthetha ngokucacileyo kwaye uzithembile.			
Ukufunda	Ufunda lula nangokucacileyo.			
	Ujonga phezulu xa efunda.			



Inja esisilo-qabane ilinda umniniso ukuze kugodukwe



nguAmir Plume

NgoMvulo, umhla wesi-2 kweyeThupha

E-Indiya, eDhaka – Isilo-qabane siqubhe emilanjeni emithathu, sahamba iikhilomitha ezili-13 salalisa phandle iveki yonke ngaphaya kwamasango entolongo apho umniniso ebevalelwe khona, litshilo iphephandaba lanamhlanje.

Uthe akubanjwa uSohrab Ali, inja yakhe yaqubha emva kwephenyane elalimthwele xa babenqumla umlambo wokuqala ukuya entolongweni, latsho iphephandaba i-Independent Sungbad.

Umqhubi wephenyane wazama ukuyigxotha ngokuyothusa inja kodwa yaqhuba ngokuqubha ibalandela. Entolongweni, inja yalinda wade umniniyo wakhululwa emva kweveki, ngomhla wama-21 kweyeThupha, lichaze latsho iphepha.

"Inja yayisoloko ikhala ikhonkotha phandle ngaphaya kwamasango entolongo, kodwa yayidlalisa umsila wayo ngenxa yovuyo qho xa ibona uAli, umniniyo, kwelinye icala lesango lentolongo," litshilo iphephandaba. UAli wayenika inja isiqingatha sokutya kwakhe kwasentolongweni qho xa enako.

UAli wayebanjwe ngempazamo elalini yakhe ethe qelele, iNakia, kwisiThili saseSherpur, kwi-130 km emntla-ntshona weDhaka, latsho iphephandaba. Wavuya kakhulu akukhululwa entlongweni.

Inja, egama lingazange laxelwa, yakhonkotha ngenxa yovuyo ikhotha iinyawo zikaAli ukuphuma kwakhe, eyindoda ekhululekileyo neyonwabileyo.

Umhla: _____



Masibhale

Ucinga ukuba isihloko senqaku silungile? Xela isizathu.

_____

_____

Funda ngokukhawuleza inqaku ukuze ufumane iinkcukacha ezilandelayo:

Mingaphi imilambo equbhe kuyo inja ukuze ithi nca kumniniyo? _____

Inja ihambe iikhilomitha ezingaphi? _____

Imlinde ixesha elingakanani umniniyo inja ngaphaya kwentolongo? _____

Inqaku libhalwe ngoluphi usuku? _____

Libhalwe ngubani inqaku? _____

Ucinga ukuba inja yayiseMzantsi Afrika okanye kwelinye ilizwe? Nika izizathu zempendulo yakho.

_____

Ngowuphi umhlathi oshwankathela inqaku ngeyona ndlela ilungileyo – ngowokuqala okanye ngowokugqibela? Xela isizathu.

_____

Umfanekiso ukuxhasa njani okuthethwa kwinqaku?

_____

Leliphi igama kwangezantsi elichaza isihloko esiphambili seli nqaku? Kutheni usitsho?

intembeko	ukunyaniseka	iluncedo	ububele

_____



Masibhale

Tshatisa amabinzana angasekhohlo namabinzana angasekunene.

yalalisa	wakhululwa entolongweni
lamthwala	yajiwuzisa umsila wayo emacaleni
waphuma entolongweni	lamhambisa
yadlalisa umsila	kude kakhulu kwisixeko esikhulu
elalini esemaphandleni	yalinda umniniyo ilala kuloo ndawo



Ukuziqhelanisa nokubhala ingxelo yephaphandaba



Masibhale

Isihloko esiphambili

Inja esisilo-qabane ilinde ukukhululwa komniniyo

Umgca wombhali

ngu-Amir Plume

Umgca wendawo

NgoMvulo we-2 ku-Agasti

EDhaka, eNdiya – Inja esisilo-qabane iqubhe imilambo emithathu, yahamba iikhilomitha ezili-13 esantini yaze yalalisa phandle ngaphaya kwentolongo iveki yonke ngexesha umniniyo ebevalelwe entolongweni, litshilo iphephandaba namhlanje.

Isikhokelo

Sitsala umdla womfundi. Sinika ezona nkcukacha zibalulekileyo.

Sazisa isihloko limpendulo zemibuzo: phi, nini, ntoni, kutheni, ngubani

Akuba evalelwe uSohrab Ali, inja yakhe yaqubha emva kwephenyane elamthwala limnqumlisa umlambo wokuqala ukuya entolongweni, litshilo iphephandaba i-Independent Sungbad.

Umqhubi wephenyane wazama ukugxotha inja ngokuyingxolisa, kodwa yaqhuba ngokuqubha. Entolongweni, inja yalinda wade umniniyo wakhululwa entolongweni emva kweveki, ngomhla wama-21 kweyeThupha, itsho ingxelo ngokwephepha.

Intetho ecatshulwayo yongeza umdla wabantu.

"Inja yayisoloko ikhala ikhonkotha ngaphaya kwesango, kodwa yayidlalisa umsila wayo qho xa ibona umniniyo, uAli, kwelinye icala lesango lentolongo," litshilo iphephandaba. UAli wayeyinika isiqingatha sokutya kwakhe kwentolongo inja yakhe nanini xa enako.

Umxholo

UAli wayebanjwe ngempazamo kwilali yakhe yakude emaphandleni, eNakia, kwisiThili saseSherpur, kumgama we-130 km emntla-ntshona weDhaka, litshilo iphephandaba. Akuba ekhululwe entolongweni, yavuya kakhulu.

Inja, egama layo lingaxelwanga, yakhonkotha ngovuyo ikhotha iinyawo zikaAli ngelixa ehamba, eyindoda ekhululekileyo neyonwabileyo.



Masibhale

Uza kubhala ingxelo yephephandaba. Le ngxelo imalunga nabafundi abanyusa ingxowa-mali ngesizathu esilungileyo.

Jonga iingongoma ezinikwe ngasentla ebalini lenja, uqinisekise ukuba ingxelo yakho iquka kwazona ezo ngongoma. Gqibezela isishwankathelo esilandelayo.

Isihloko esiphambili esitsala umdla womfundi kwaye sishwankathele ibali

Umgca wombhali oquka igama lombhali

Umgca wendawo oxela indawo eliqala kuyo ibali neliqhubeka kuyo

Umxholo (ukwabizwa ngokuba sisiqu) obhalwa kusetyenziswa umntu wesithathu, unika iinkcukacha (iindaba ezisekuqaleni ezibaluleke kakhulu), neenyaniso ezikhoyo ezibhalwe ngokucacileyo, neenkcazo ezifundeka lula (Bhala amagama aphambili omxholo wakho apha.)



Umhlathi oqulethe **isicatshulwa** esenza ukuba ibali liqondeke libe nomdla ngakumbi.

Umhla:

Masibhale

Bhala ingxelo yakho yephephandaba apha. Qalisa ngesihloko esiphambili.



Masibhale

Hlanganisa ezi zivakalisi zifutshane wenze izivakalisi ezimbaxa. Sebenzisa amagama akwizibiyeli.

Inja esisilo-qabane iqubhe imilambo emithathu. Yayifuna ukulandela umniniyo. (njengoko)

Umqhubi wephenyane wazama ukugxotha inja ngokuyothusa. Wayengafuni ukuba inja ibalandele. (kuba)

Indoda yayikwazi ukondla inja yayo. Yayisentolongweni. (nangona)

Inja yakhonkotha ngovuyo. Indoda yayiphuma entolongweni. (xa)



Ukuqabela iNtaba yeTafile





Masithethe

Wakhe waya kwiNtaba yeTafile okanye wakhe wafunda ngeNtaba yeTafile? Wakhe wangena kwinqwelo etsalwa ngentsontela ekuthiwa yikheyibhile? Ukuba kunjalo, xelela iqela lakho ukuba kunjani. Nokuba zange wakhe waqabela kwiNtaba yeTafile, ucinga ukuba ungakwazi ukubona xa ungaphezu kwentaba?



Masithethe

Funda incwadana yeenkcukacha ngeNtaba yeTafile.

Ikheyibhile iza kukusa phezu kweNtaba yeTafile kwimizuzu nje emi-5. Endleleni enyukayo **ufumana ifuthe** lento engaphambili.

Umgangatho **ojikelezayo** wesithuthi wenza ukuba ubone kuzo zonke iinkalo zeentsingiselo ukususela kumzuzu enishiya ngawo isinqe sentaba.

Nakuba niphezulu niyakwazi ukonwabela ubuhle besixeko obubonakala ngezantsi.

Izityalo neziLwanyana

INtaba yeTafile ineentlobo ezahlukileyo zezityalo ezili-1 460 kwaye **isiSiza seLifa leHlabathi**. Ezinye iintlobo zohlaza lwalapha ziquka IFynbos yaseKoloni, izityalo ezifumaneka eKoloni kuphela.

Buyintaphane ubomi bezilwanyana kule ntaba. Unako ukubona iimpangele, iincanda, iikalikuni, iintlobo ezahluka-hlukileyo zeenyoka namabhabhathane. Iintaka ziquka amakhozi nentaka yelanga.

Iihambo ezinabakhokeli

Kukho iihambo ezimbini ezikhokelwayo yonke imihla. Indawo ekudityanwa kuyo iseSitishini seKheyibhile esiPhezulu ngentsimbi ye-10:00 neye-12:00. Ezi hambo zeenyawo zithatha iikhilomitha ezi-2 phezu kwentaba. Zininzi iindawo onokuzonwabela ngenxa yeendawo ezidlwengul' umxhelo ezibonakalayo zeCape Peninsula, iDevil'sPeak, iTable Bay, iSea Point neClifton. Unganako nokubona iLion's Head neRobben Island.

Iinkonzo

Ngaphezu kweNtaba yeTafile kukho indawo yokutyela apho umntu aziphakela khona ukutya, nedeli ethengisa iintlobo zokutya zezinto ezimnandi ezincinane apho unokufumana khona isiselo, ukutya uthathe neefoto.

Iivenkile zezinto ezintle

Ivenkile engaphezulu izinziswe kuthango lwamatye eli lizwe olwakhiwe entabeni. Ithengisa izinto ezininzi onokuzithenga nezinomqondiso weNtaba yeTafile kuzo.

- Iinkcukacha ezilungiselelwe abakhenkethi zikhona
- iimpahla nezipho **ezikhethekileyo**
- Iibhayasikophu nezitampu nezinye izinto ezintle zikhona.

Iiyure zokuvulela ukukhwela ikheyibhile

Ebusika

Isithuthi sokuqala esinyukayo – 08:30
Isithuthi sokugqibela esinyukayo – 17:00
Isithuthi sokugqibela esihlayo – 18:00

Ehlotyeni

Isithuthi sokuqala esinyukayo – 08:00
Isithuthi sokugqibela esinyukayo – 20:30
Isithuthi sokugqibela esihlayo – 21:30

Isithuthi sekheyibhile siyavalwa xa kukho umoya ukuthintela iingozi.

Iindleko

Uhlobo	Ukuya ubuye	Ukunyuka kuphela
Abantu abadala	R205	R105
Abantwana (abangaphantsi kweminyaka eli-18)	R100	R53
Abantwana (abangaphantsi kweminyaka emi- 4) (Iminyaka engama-60 nangaphezulu) – nceda veza isazisi (ngooLwezihlanu kuphela)	Akuhlawuliswa	Akuhlawuliswa
Abafundi – veza ikhadi lesikolo (NgooLwezihlanu kuphela)	R95	R50
	R130	R68

Ngolwazi oluthe vetshe malunga nale ndawo enomtsalane jonga le webhusayithi yeNtaba yeTafile: www. tablemountain.net

Umhla:

Masibhale

Krwela imigca yokutshatisa amagama okanye amabinzana angqindiili neentsingiselo zawo. Bhala amagama okanye amabinzana angqindilili kwisichazi-magama sakho.

ukufumana ifuthe	ukugwegweleza ngesangqa
ukujikelezisa	indalo yezityalo
uhlaza	zininzi
intaphane	ezalathiswayo, ezikhatshwayo
ezikhokelwayo	ukufumana umoya, iimpembelelo





Masibhale

Funda lo mhlathi kwakhona uze uphendule le mibuzo.

Krwela umgca ngaphantsi kwazo zonke iinkcazo ocinga ukuba zizimvo. Uqaphela ntoni ngeenkcukacha ezinikwa kwicwecwe lolwazi?

Wakungena kwikheyibhile, ngaba kufuneka uhamba-hambe ukuze ubone kuwo onke amacala? Chaza impendulo yakho.

Nika amagama ezinto ezintathu ezinokuba nomdla kumkhenkethi otyelela iNtaba yeTafile.

Ngaba iNtaba yeTafile imi yodwa? Xela isizathu.

Kutheni iNtaba yeTafile ivulwa ixesha elide ehlotyeni kunasebusika?

Iiyure zokuvula zibonisa amaxesha okunyuka nawokuhla ngekheyibhile, okanye awokunyuka kuphela. Ukuba uyenyuka kuphela, ucinga ukuba ungehla njani entabeni?

Kunini apho ungenakunyuka iNtaba yeTafile ngekheyibhile? Chaza ukuba kutheni.

Unako ukuthenga iimpahla zokunxiba evenkileni engaphezu kwentaba. Ucinga ukuba ungayifumana kwenye indawo le mpahla? Xela isizathu sempendulo yakho.

Enye yezi ndawo zinomdla onokuzibona xa uphezu kweNtaba sisiqithi iRobben Island. Bhala imigca emibini uxele okwaziyo ngesi siqithi.

Okuthe vetshe ngentaba



Masibhale

Ucelwe ukuba ubhale ingxelo ngotyelelo lwakho kwiNtaba yeTafile. Sebenzisa iinkcukacha ezikwincwadana yolwazi ubhale ingxelo.

Quka iinkcukacha ocinga ukuba zibalulekile. Qala ngesicwangciso sengxelo uze uyibhale ngokusebenzisa izihloko ezingezantsi. Cela umhlobo wakho asiqwalasele aze asihlele phambi kokuba usibhale kakuhle kwisithuba esingezantsi.

Nika isihloko sengxelo. Khetha esinye kwezilandelayo okanye uzicingele esakho.

Malunga neNtaba yeTafile

Izinto ezinomdla

Iiyure zokuvula namaxabiso





Okokugqibela, kwibhokisi engenanto, zoba imephu yaseMzantsi Afrika ubonise apho ikhoyo iNtaba yeTafile.





Masibhale

Yahlula la magama ngokwamalungu uze uqhwabe izandla ngegama ngalinye.

Umzekelo: i/nta/ba: amalungu mathathu

ukujikeleza _____ umqondiso _____

kwindawo _____ ilifa _____

ezininzi _____ iinkcukacha _____



Umhla:



Krwela umgca ngaphantsi kwebinzana lesibizo, isiphawuli, isibaluli nelesihlomelo kwezi zivakalisi. Bhala uhlobo lwebinzana (ibinzana lesibizo, isiphawuli, isibaluli okanye esesihlomelo). Khumbula, ibinzana ngamagama angenasenzi.

Zininzi izityalo ezihle ezifunyanwa kweNtaba yeTafile.

Ilaphu letafile phezu kwentaba yeminye yemimangaliso yehlabathi.

INtaba yeTafile ifunyanwa eNtshona-Koloni.

INtshona-Koloni liphondo elihle nelineendawo ezinomtsalane.

Uyibonile inkwenkwe ebisuka eNtabeni?

Ibinzana lesibizo liqela lamagama kwisivakalisi asebenza **njengesibizo**.

Umzekelo: **UJoseph** uye edolophini. (**UJoseph** sisibizo.)

Umkhuluwa wam uye edolophini. (**Umkhuluwa wam** libinzana elisisibizo.)

Ibinzana lesiphawuli liqela lamagama asebenza njengesiphawuli kwisivakalisi.

Umzekelo: UNina **ngutitshala omtsha**. (**Ngutitshala omtsha**) libinzana lesiphawuli.)

UNina yititshala **enamava**. (**enamava**) libinzana lesibaluli.)

Ibinzana lesihlomelo liqela lamagama asebenza **njengesihlomelo**.

Umzekelo: Ndihlala **ekhaya**. (**ekhaya** sisihlomelo).

Ndihlala **eMonti**. (**eMonti** sisihlomelo).



Phinda ubhale lo mhlathi ufakele oonobumba abakhulu apho kufuneka khona.

intaba yetafile isentshona koloni. kule ntaba ungabona ezi ntaka zilandelayo: ezinamaphiko abomvu, iinkozi nezi ndawo: icape peninsula, idevil's peak, itable bay, isea point neclifton.



Ukuya kwiPaka yezilwanyana





Masithethe Ubusazi ukuba iphi iKruger National Park?

Wakhe waya eKruger National Park? Ukuba wakhe waya, xelela iqela ngotyelelo lwakho: xela inkampu obuhleli kuyo nezilwanyana owazibonayo. Xa ungazange waya kule Paka, xela ukuba kutheni unqwenela ukuya uxele nezilwanyana onqwenela ukuzibona.





Masifunde

Ukuhamba-hamba epakini

Ukutyhutyha iKruger National Park kwahluke kakhulu xa uhamba ngeenyawo kunaxa usemotweni! UNarina Smith waya kuhambo lwe-Olifants Trail lweentsuku ezintathu ukuze asondele kwimikhombe nasezindlovini.

"Lityholo lakho elo. Ukuba iyafunza, zimela emva kwalo," wasebeza uNicol Coetzee. Izibini zamehlo ezisibhozo zatwezeka emva kwawo. Umkhombe wawusitya ingca. Wonke umntu wema bhuxe.

Yenye into ukugqitha umkhombe kwiimitha ezintathu usemotweni yakho, kodwa yenye ukuwubukela usitya kwiimitha ezintlanu kuphela ungenalukhuselo lwemoto. Kodwa yona ingcinga yokuqubisana nomkhombe weekhilogram ezingama-2 500 ukuhlasela yinto eyothusa ngokugqithisileyo!

Kwashukuma umhlaba nothuli lwaphakama emva komkhombe ucutha umgama phakathi kwethu. Sema bhuxe asashukuma. Ngokucutheka kwalo mgama ingulowo wathula akashukuma kwanzima nokuphefumla.

Bathi xa ooNicol noTsambok - oonogada bezilwanyana – besibulisa ngezandla besenqweleni – kanti ukukhwaza kwabo kuza kwenza umkhombe uqonde ukuba singabantu, wothuka wabaleka.

Kukuqubisana abaphupha ngako abantu – nabakoyikayo – xa behamba-hamba endle.

Utyelelo lwasendle eKruger National Park lukuthembisa ngokulala kathathu umntu eyedwa endle. Zisixhenxe iindawo ezisendle ezenzelwe ukuhamba ngeenyawo. Ezi ndawo ziyanqatyelwa ngabantu. Iyileyo inenkampu yayo engenabugocigoci kodwa eyonwabisayo, iindlela ezimbalwa zamaqela amancinane abasebenzi bezi hambo.

I-Olifants Trail Camp yinkampu ekunxweme lomlambo weOlifants. Kusasa uvuswa sisandi semikhombe ibeth' ithatha, uva ingxolo yeentaka neekritsi ze ebusuku uve iincwina zeengonyama.







Umhla:





Masibhale

Funda inqaku lemagazini kwakhona. Krwela umgca ngaphantsi kwendawo elibali enqakwini ngombala obomvu. Wakugqiba krwela umgca ozuba phantsi kweenyani ezikweli nqaku.

Ibinzana elithi “ukuhamba epakini” lineentsingiselo ezimbini. Okokuqala, lithetha ihambo emfutshane epakini uhamba ngeenyawo. Okwesibini kukuba “ukuhamba epakini” yinto elula. Ucinga ukuba olo hambo lwasepakini lulula? Chaza impendulo yakho.



Jonga imephu. UNarina uwubone nini umkhombe?

Ngamazwi akho, xela okwenzeke xa bebona umkhombe.

Kutheni abantu becinga ukuba banganovuyo noloyiko xa bebona umkhombe usiza kulwa nabo? Ubuya kuziva njani wena?



Benza ntoni oonogada basendle xa befuna ukothusa umkhombe?

Ucinga ukuba babeza kwenza ntoni xa umkhombe ubungabalekanga?

Jonga imephu.

Inkampu yabo yayisecaleni kweyiphi imilambo emithathu?

Yeyiphi indawo elungele ukubukela izilwanyana?

Bayigxumeka phi intente yabo?





Malunga nohambo





Masibhale

Ucelwe ukuba ubhale ingxelo ngenqwelo owawuhamba ngayo. Bhala ingxelo phantsi kwezihloko ezilandelayo:



INGXELO

Inkcazelo yesiza senkampu _____

_____

Isiganeko kolo hambo _____

_____

Inkcazelo ngezilwanyana eziboniweyo _____

_____

Ukujonga okokugqibela _____

_____



Masibhale

Krwela umgca phantsi kwesalathandawo kwezi zivakalisi.

Isalathandawo sakhiwa ngokufakela isakhi u-e -ni, kwa, kwi, e njl. phambi kwesibizo. Umz. Ndiya esikolweni ngomso.

Bahlala phantsi komthi babukela iqhude. Iintaka ziphawula iihambo zaseKruger National Park.

Umkhombe usekhaya etyholweni.

Siza kuzingela eZingqayi namhlanje.

Zininzi izifundiswa eziphume kwaNtselamanzi bonanje.



Masibhale

Bhala izivakalisi zakho usebenzise oomabizwafane.

Igama okanye ibinzana lineentsingiselo ezininzi.

amafutha _____

_____

amafutha _____

_____

umoya _____

_____

umoya _____

_____



Umhla: _____



Masibhale

Xela ukuba ngaba ezi zivakalisi zikuhlobo lokuqondisa, olokuyalela okanye elokuqoshelisa na.

Ungabokuhambela kufutshane kwimpungutye. _____

Vala iifestile phambi kokuba zingene iinkawu.

_____

Ukuba bendinamandla athe chatha bendiya kuthi chu kolu hambo.

_____

Balekela ukusindisa ubomi bakho! _____

Yintoni uhlobo lwesenzi?

Yindlela yokubonisa uluvo ngento esiyithethayo. Uhlobo lokuqondisa lusetyenziswa xa kuboniswa esikuxela njengeenyaniso.

Umzekelo: Siyigqibile iprojekthi.

Uhlobo lokuyalela silusebenzisa xa siyalela.

Umzekelo: Hamba uye kulala ngoku.

Uhlobo lokuqoshelisa silusebenzisela ukuvakalisa iminqweno, neengcebiso.

Umzekelo: Ndicebisa ukuba ulinde umzuzwana ukuze ugoduke.

Ndihambe ndahamba ndade ndafika.

Okanye: Ukuba bendisemncinane bendiya kuqubha.

Masibhale

La magama alandelayo abhalwa ngokufanayo nangona enemvakalozwi eyahlukileyo nentsingiselo ayahlukileyo. Wasebenzise kwisivakalisi ubonise iintsingiselo zawo.

umzi _____

umzi _____

ithanga _____

ithanga _____

ulusu _____

ulusu _____

Masibhale

Yiba ngathi ulilungu leklabhu yeengxoxo-mpikiswano esikolweni sakho. Ucelwe ukuba ube kwicala elixhasa inkcazo. “Kubalulekile ukuya endle”. Ugqibe kwelokuba ingxoxo yakho uyisekele kwinqaku olifundileyo. Thetha izimvo onazo kodwa qala ngokwenza isicwangciso.

_____

_____

_____

_____

_____

_____

_____



Masizihlole



NDIYAKWAZI UKU-		
thetha neqela lam		
funda ibali		
phendula imibuzo engqalileyo ngebali		
fumanisa uhlobo lobhalo lwebali		
cingela iinkcukacha kwangaphambili		
nxulumanisa iinkcukacha nobomi bam		
tshatisa amagama namabinzana ezaci neentsingiselo		
yila isazobe sokucinga		
ukwenza isicwangciso nokubhala inqaku ledayari		
chonga izibizo, iziphawuli, izibaluli nezihlomelo kwizivakalisi		
funda ileta		
nika izizathu zeempendulo zemibuzo		
chonga umahluko phakathi kweleta eqingqiweyo nengaqingqwanga		
tshatisa amagama neentsingiselo zawo		
ukwenza isicwangciso seleta		
faka izimelabizo endaweni yezibizo		
jika ibali libe ngumdlalo		
phendula imibuzo ngabalinganiswa, ngomxholo nangesakhiwo sebali		
beka uluvo		
nika isihloko sebali		
bhala nokuhlela ileta		
sebenzisa izalathandawo		
sebenzisa oonobumba abakhulu		
ukwahlula amagama ngokwamalungu awo		
bhala isishwankathelo esifutshane sebali		
qikelela		
bhala uphengululo ndisebenzisa isakhelo		
chonga intloko nenjongosenzi		
bhala izivakalisi ndisebenzisa izimelabizo		
bhala izivakaisi ezisebenzisa amagatya oxhomekeko		
khetha igama endaweni yebinzana		
bhala amagama alandelelane ngokwealfabhethi		

thetha ngesihloko		
funda isicatshulwa nefayile yeenkcukacha		
balekisa amehlo ndifuna iinkcukacha		
bonisa uluvo nesizathu salo		
chonga injongo ephambili yenqaku		
chonga inyaniso noluvo		
phendula imibuzo ngeengongoma		
chaza intsingiselo yezaci		
bhala ingxelo ngokusebenzisa isakhelo		
sebenzisa ulwimi oluchanekileyo		
guqula izichasi zibe zizifanokuthi		
shwankathela nokufunda inqaku lephephandaba		
gqibezela ikhadi lamanqaku		
xoxa ngesihloko senqaku		
funda inqaku ngokukhawuleza ndikhangela iinkcukacha eziyinyaniso		
fumanisa umhlathi oshwankathela inqaku		
tshatisa amabinzana namagama neentsingiselo		
hlanganisa izivakalisi ukwenza izivakalisi ezimbaxa ngokusebenzisa izihlanganisi		
zoba imephu		
chonga isibizo, isiphawuli, isibaluli nezihlomelo		
ukubhala umhlathi kwakhona ndisebenzise oonobumba abakhulu		
ukwahlula amagana abe ngamalungu		

I z i q u l a t h o

Umxholo 8: lindidi zeembalo

Ukuba nomfanekiso-ngqondweni ngamazwe ehlabathi Ikota 4: liveki 5-6

113 liBhayisekile 104
Ukuthetha ngeendidi ezininzi zezithuthi.
Uphawula umfanekiso webhayisekile
Uchaza ingcaciso ebalulekileyo
Ufunda inqaku lephephandaba
Uphendula imibuzo kweli nqaku.
Unika uluvo lwakhe nezizathu.
Ugqibezela izivakalisi ngamagama akhe.
UTshatisa amagama neentsingiselo zawo.

114 Ukubhala ngokukhwela ibhayisekile 106
Ubhala umhlathi ochazayo.
Uchaza aze asebenzise izichazi.
Usebenzisa amaceba.
Utshintsha iingxelo zibe yimibuzo.
Usebenzisa imo elandulayo.

115 Ukufunda imephu 108
Ufunda imephu yoMzantsi Afrika aze axoxe ngemiba yephondo lakhe.
Ufunda imephu yehlabathi nenkcazo yayo ngamazwe ahlukileyo.
Uphendula imibuzo ngemephu.
Utshatisa amaqhalo neentsingiselo zawo.

116 Ukubhala okuchazayo 110
Ucwangcisa aze abhale imihlathi ngehlobo nangobusika.
Utshatisa izaci neentsingiselo zazo.
Ubhala izivakalisi esebenzisa amaqhalo.
Uchaza amagatya ezibizo.
Ubeka amagama ngolandelelwano lwe-alfabethi.
Ubhala izivakalisi.

117 Udidi olwahlukileyo lwebhayisekile 112
Ukuthetha ngezinto ozithandayo nonomdla kuzo.
Ufunda umhlathi ongebhayisekile aze aphendule imibuzo.
Utshatisa amagama neentsingiselo zawo
Uphendula imibuzo ngomhlathi.
Uveza uluvo lwakhe.
Ubhala umhlathi wokugqibela agqibezele ibali.

118 Ibhayisekile yam 114
Zoba umfanekiso webhayisekile.
Ubhala imihlathi emibini echazayo ngebhayisekile.
Ubhala umbongo esebenzisa izifaniso nezafobe.
Wahlula amagama abe ngamalungu.

119 Indoda endala emdaka 116
Uxoxa ngomfanekiso.
Ufunda ibali aze aphendule imibuzo.
Unika uluvo lwakhe.
Unika umhlathi isihloko.
Ubhala umhlathi wokugqibezela.

120 Umlinganiswa wam 118
Utshatisa amagama neentsingiselo zawo.
Wenza isicwangciso sokubhala ibali.

Imiyalelo Ikota 4: liveki 7- 8

121 Yenza ibhanile yokwamkela abanye 120
Ukuthetha ngokufunda nokungalandeli imiyalelo.
Ukufunda imiyalelo yokwenza ibhanile yokwamkela abanye.
Uphendula imibuzo engemiyalelo.
Unika uluvo lwakhe.
Ugqibezela izivakalisi.

122 Imiyalelo yokubhala 122
Uqaphela izichasi.
Ubhala imiyalelo njengoluhlu.
Usebenzisa imo eyalelayo.
Uchaza izimaphambili nezimamva.
Wenza izivakalisi.
Usebenzisa imethonomi
Uphinda abhale izivakalisi esebenzisa izenzi ezichanekileyo.

123 Ukulandela imiyalelo 124
Ufunda imiyalelo yokwenza amaso aseYiphutha
Ufunda imiyalelo ngokuba zenziwa njani na iitapile ezicujiweyo.
Uchaza umahluko phakathi kwezicatshulwa.
Ucacisa ukuba sesiphi isicatshulwa kwezi zibini esicace ngokungaphezulu anike izizathu.
Unika uluvo lwakhe.
Uchaza injongo yezicatshulwa eziyalelayo.

124 Ubhala kwakhona imiyalelo 126
Ubhala kwakhona imiyalelo esebenzisa amagama afana nala, kuqala, emva koko, okulandelayo.
Uphawula ngamanani imiyalelo aze asebenzise iziyaleli.
Uchaza amagatya ayintloko namagatya ayamileyo.
Uchaza amabinzana.
Uchaza upelo oluchanekileyo lwamagama
Ubhala izivakalisi.

125 Umzimba wakho omhle 128
Unika imiyalelo ecacileyo.
Ubhala amanqaku ukucwangcisa imiyalelo.
Ufunda isicatshulwa esingokusebenza komzimba.
Uphendula imibuzo engesicatshulwa.
Ubhala isifaniso.
Unika uluvo lwakhe.
Ubhala kwakhona ingcaciso njengeqela lemiyalelo efakwe iinombolo.

126 ne 127 Ukulungiselela ukubhala ibali
Uxoxa ngamabali ahlukeneyo athanda ukuwafunda.
Uyila isazobe sokucinga.
Wenza isicwangciso sebali.
Ubhala ibali.



IiBhayisekile



Ingaba unayo ibhayisekile?

Ucinga ukuba kubalulekile ukukhwela ibhayisekile endaweni yokusebenzisa imoto, itekisi okanye ibhasi?

Ucinga ukuba oomasipala bafanele ukubenzela lula abantu ukuba bakhwele iibhayisekile zabo? Ucinga ukuba bangakwenza njani oku?



Phawula lo mfanekiso ngamagama.

ibhasikiti	ibhatyi enombala okhanyayo
ihelmethi	izibane
intsimbi	ipavumente



Singenza njani ukuze ukukhwela ibhayisekile kukhuseleke? Phawula inkcazelo ocinga ukuba ibalulekile kuwe.

Umntu ngamnye okhwela ibhayisekile ufanele _____ ukuba nentsimbi kwibhayisekile yakhe _____ ukukhwela ibhayisekile ezipavumenteni

_____ ukunxiba ihelmethi _____ ukhwela kwiindlela ezikhethekileyo zeebhayisekile _____ ukungazihoyi izibane zezithuthi ezindleleni

_____ unezibane kwibhayisekile_____ unxiba iimpahla ezikhanyayo _____ uphatha izinto ngebhasikithi.

Nxiba ihelmethi endleleni

Ngu- Roy Mann

Uphando lubonisa ukuba abaqhubi baqhuba kufutshane ngaphezu kwe-6 cm kubaqhubi beebhayisekile abanxiba iihelmethi kunabo bangazinxibiyo kuba bababona njengabanamava kunabanye. Abakhweli beebhayisekile ababhinqileyo banikwa umgama noko kunabangamadoda.

Uphando lwaqhutywa yingcali yezengqondo yakwa-MMR eKapa, eyathi yenza uphando isebenzisa isensa yomgama (distance sensor). Wafumanisa ukuba xa enxibe ihelmethi, abaqhubi baqhuba kufutshane nebhayisekile yakhe kunaxa enganxibanga helmethi.

Abaqhubi bacinga ukuba " Uyayazi into ayenzayo, akayi kwenza nto ingaqhelekanga."Kodwa oko kuyingozi ngokwenene njengoko umkhweli – bhayisekile ngamnye kufanele anxibe ihelmethi.

Nangona abaqhubi beemoto bengaqhubi kakuhle, abaqhubi bebhasi nabezigadla ngabona baqhuba kakubi kakhulu. Babengabaniki abakhweli-bhayisekile nawuphi na umgama wokuqhuba ibhayisekile. Xa ingcali yezengqondo yayinxibe iwigi, abaqhubi babecinga ukuba ingumntu obhinqileyo, bamnika isithuba se-12cm ngaphezulu ukuqhuba ibhayisekile yakhe. Ingcali yezengqondo ifuna uphando lwayo lusetyenziselwe ukukhuthaza ukuba nolwazi ngeengozi abajongene nazo abakhweli zibhayisekile.

Abakhweli-bhayisekile abaninzi bonzakele kwiindlela zaseMzantsi Afrika. Iingcali zisola ukuba ukwanda kweengozi kubangelwa ngamanani abakhweli-zibhayisekile abangenamva ezindleleni abanenjongo yokuzilolonga.

Ukugqitha imoto endleleni kucingelwa ukuba kokona

kuyingozi kubakhweli-zibhayisekile kuba abaqhubi ngamanye amaxesha abababoni.

Ingcali yezengqondo ithe ukuba uphando lwayo lwenze ukuba abaqhubi balumke ngakumbi mayela nokusondela kakhulu kubakhweli-zibhayisekile ezindleleni, oko kungaba kuhle kakhulu. Nakuba ingcali ifumene ezi ziphumo, abakhweli-zibhayisekile abanxibe iihelmethi banamathuba angcono okusinda kwingozi yokungquzulana nemoto, yaye ukusinda engozini kungaba kokona kubalulekileyo kunokufumana ingozi!



Masibhale

Jonga kwisihloko senqaku. Ingaba usifumana simangalisa? Chaza ukuba ngoba kutheni.



_____.

Ngubani oqhuba uphando? _____.

Uluqhube phi uphando? _____.

Waluqhuba njani olu phando? _____

_____.

Kwakutheni ukuze aqhube olu phando? _____.

Gqibezela ezi zivakalisi usebenzise amazwi akho.

Abaqhubi abagqitha abanye endleleni bangaba kufutshane kubakhweli-zibhayisekile aba- _____.

Bakwenza oku kuba bacinga ukuba aba bakhweli-zibhayisekile _____.

Abaqhubi banika isithuba esingaphezulu ku- _____.

_____ bayasondela kubakhweli-zibhayisekile kuneemoto.

Abantu abaninzi baqalise ukukhwela ibhayisekile uku- _____.

Abakhweli-zibhayisekile abanxiba iihelmethi banamathuba angcono oku- _____.

Ucinga ukuba abakhweli-zibhayisekile bafanele ukuyeka ukunxiba iihelmethi? Chaza ukuba ngoba kutheni. _____.



Masibhale

Tshatisa igama elingqindilili negama elinentsingiselo esondeleyo kwelo gama lisetyenziswe kweli nqaku. Faka umbala obomvu kwigama olikhethileyo.

uphando	Ilinge	uvavanyo	uphando	isifundo
lingozi	izoyikiso	lingozi	lingozi ezingalindelekanga	imingcipheko
emangalisayo	imnandi	enovuyo	enqwenelekayo	encomekayo
ukugilisa	ungqubano	ingozi	gqum	ithanda
ongenamava	intsha	ekrwada	engavavanywanga	engalingwanga



Ukubhala ngokukhwela ibhayisekile



Masibhale Bhala umhlathi ochaza ibhayisekile onokuyithenga. Kuqala cwangcisa umhlathi wakho.

Unokusebenzisa amanye amabinzana achazayo ukuba uyafuna.

ebomvu enemigca epinki amavili amnyama thsu izipeki ezikhazimlayo ezibusilivere

iimpondo ezinombala omsobo oqaqambileyo izinyawuzo ezibusilivere

intsimbi enombala ozuba oqaqambileyo izibane ezikhazimlayo ezibomvu





Masibhale Funda lo mhlathi uze ukrwele umgca kuzo zoke izichazi.

Intombazana yanyawuza ukuhla induli kwibhayisekile yayo entsha ekhazimlayo. Yayifumana njengesipho sosuku lokuzalwa xa yayigqiba iminyaka elishumi elinanye. Yayineenwele ezinde ezibrawuni ezinamajiko-jiko eziphephezeliswa ngumoya ovuthuzayo. Kuqala yabona inkomo eyiNguni, yaza yabona igusha emhlophe enoboya obude. Idlelo lalizele ziintyatyambo ezimthubi. Uhambo lwayo lwafikelela esiphelweni. Olunjalo ukuba mnandi usuku!

Yakha ezakho izivakalisi usebenzise izichazi ezihlanu.





Gqibezela ezi zivakalisi usebenzise igama libe linye kula alandelayo.

kwezi	**laa**	**le**	**leya**	**leyo**

Ngokwenene bendifuna _____ bhayisekile ebomvu ngosuku lwam lokuzalwa kodwa ndanikwa _____ ._____ ibhayisekile yeyeRaleigh. _____ ibhayisekile isemgangathweni ngokwenene. Ingaba unazo iinkwenkwezi ngaphandle _____ zokuncamathelisa kwibhayisekile ezam ziwile.



Tshintsha ezi ngxelo zibe yimibuzo usebenzise amagama akwizibiyeli.

Ibhayisekile ezuba yeyentombazana eneenwele ezijiko-jiko ezibrawuni. (ngubani)

Wayefuna iinkwenkwezi ezisilvere ezongelelweyo anokuzifaka kwibhayisekile yakhe. (kutheni)

Ndiza kufumana ibhayisekile esilvere ngosuku lwam lokuzalwa. (yintoni)

Ndiza kufumana ibhayisekile xa ndigqiba iminyaka elishumi elinanye. (nini)

Ndiza kukhwela ndihle endulini ngebhayisekile yam entsha. (phi)





Tshintsha amagama anomgca ngaphantsi abe kwimo elandulayo.

<u>Ukuba ujika</u> ekoneni ngokukhawuleza, <u>uya kuwa</u> kwibhayisekile yakho!

<u>Uya kulila</u> ukuba <u>ufumana</u> ibhayisekile emthubi ngosuku lwakhe lokuzalwa.

<u>Kuyanetha</u> phandle yaye <u>kufuneka</u> sihlale ngaphakathi endlwini.

<u>Wonke umntu</u> apha kuni kufuneka akhwele ibhayisekile apha elizweni.

<u>Unentsimbi</u> yokuba <u>akwazi</u> ukulumkisa abantu xa esiza.



Ukufunda imephu



Masithethe

Xoxa ngephondo lakho kwiqela lakho. Thetha ngamagama eedolophu ezikwiphondo lakho, imeko yemozulu yephondo nezinto ezinomtsalane.









Masifunde Ngoku jonga kule mephu yehlabathi.



Igama lelizwe	Amanani abemi ngezigidi	Ubukhulu nge-km
South Africa	50,59	1 221 037
Zimbabwe	12,97	390 757
Malawi	14,39	118 484
Mozambique	23,70	801 590
Algeria	37,90	2 381 741
Egypt	83,67	1 002 000
Nigeria	162,5	923768
Uganda	34,13	241550
Argentina	40,12	2 780 400
China	1,344 billion	9 706 961
Hong Kong	7,18	1 104
Brazil	201,03	8 514 877
United States	313,9	9 629 091
Australia	22,32	7 692 024
New Zealand	4,48	270 467
United Kingdom	62,74	242 900

Umhla: _____





Masibhale **Jonga kule mephu yoMzantsi Afrika.**

Mangaphi amaphondo akhoyo eMzantsi Afrika? _____

Lithini igama lephondo lakho? _____

Lithini igama ledolophu eyintloko yephondo lakho? _____

Ngawaphi amaphondo akufutshane nolwandle?

Ingaba ikhona imilambo kwiphondo lakho? Yixele. _____

Zeziphi izinto ezibalulekileyo nezitsala umdla wabakhenkethi?



Ngoku jonga kwimephu nakwiinkcukacha-manani zamazwe ehlabathi.

Leliphi ilizwe elinabemi abaninzi? _____

Ingaba iYiphutha inabemi abaninzi okanye abambalwa kuneHong Kong? _____

Baninzi kangakanani abemi baseMelika kunabaseMzantsi Afrika?

_____

Leliphi ilizwe elilelona lincinci? _____

Ingaba iMalawi inkulu okanye incinci kuneNgilane? _____



Leliphi ilizwe elikufutshane noMzantsi Afrika? _____

Leliphi ilizwe elilelona likude eMzantsi Afrika? _____

Leliphi ilizwe elikufutshane neMelika? _____

Leliphi ilizwe ocinga ukuba lelona libandayo? _____

Leliphi ilizwe ocinga ukuba lelona lishushu? _____



Masibhale Tshatisa amaqhalo aseAfrika neentsingiselo zawo.

Alitshoni lingenandaba	Noyena udelekileyo unesiphiwo esisesakhe
Isitya esihle esidleli.	Ulowo umhla uneento zawo ezintle nezimbi.
Isiziba siviwa ngodondolo.	Ngulowo umzi unamasiko awo.
Akukho mlanjana ungagqumiyo.	Kubhekiswa kumntu obalulekileyo nobethandwa oswelekileyo.
Imizi ayifani ifana ngeentlanti zodwa.	Ungabokuncama ungazamanga.

Ukubhala okuchazayo



Uza kubhala imihlathi echazayo ngamaxesha onyaka amabini: ihlobo nobusika. Phambi kokuba ubhale, kufuneka ucwangcise oko uza kukubhala. Kwinto nganye, bhala amagama amaninzi achazayo abe maninzi kangangoko unokuwacinga.

Kwakhona zama ukusebenzisa isafobe sibe sinye okanye isifaniso kwiinkcazo zakho.



Isicwangciso

Ihlobo



Ubusika





Tshatisa izaci neentsingiselo zawo.

Umntu lulwandle		Kungekudala, loo mhla umisiweyo sowukufuphi.
Akusentsuku zatywala		Umntu unzulu akanakugqitywa ukwaziwa
Ukubetha ngemfe iphindiwe		Inyambalala, into eninzi
Ukudla amazimba		Ukukhohlisa
Inkungu nelanga		Kubhekiswa kumntu osaphilayo



Umhla:



Khetha izaci zibe zithathu uze ubhale izivakalisi ubonise ukuba zithetha ntoni na.



Krwela umgca kwigatya lesibizo kwisivakalisi ngasinye uze uxele ukuba siyintloko na okanye siyinjongosenzi yesivakalisi.

Igatya lesibizo liqela lamagama elinentloko nesenzi. Alinakuzimela ngokwalo kodwa linokusetyenziswa njengentloko okanye njengenjongosenzi yesivakalisi.

Ukuba makaye na okanye angayi enkampini ebusika kwakumkhathaza uXola.

UMary wathembisa ukuba anganxiba ijezi.

Ndiyayazi ukuba ithini impendulo.

Umntu othetha ngeTshayina uyazi ukuba uthini na!



UMia waqinisekisa uNkszn. Maponya ukuba uyayiqonda ingxaki.



Beka la magama ngokolandelelwano lwe-alfabhethi uze ubhale izivakalisi usebenzise amagama amabini.

vuya umboniso umsebenzi vavanya umhloli





Udidi olwahlukileyo lwebhayisekile



Masithethe

Ingaba ukhe ube nesithukuthezi?

Wenza ntoni xa unesithukuthezi?

Wenza ntoni ukuze uyeke ukuba nesithukuthezi?

Xelela iqela lakho ukuba zeziphi na izinto othanda ukuzenza yaye ziintoni onomdla zizo.



Masifunde

Ngoku jonga kule mephu yehlabathi.

Ndandineminyaka elishumi elinanye mhla ndaqala ukuyibona kwigaraji endala enothuli **nengasetyenziswayo**. Yayiyinto eyayiza kutshintsha ubomi obunesithukuthezi. Umama wam wayendixelela yonke le mihla ukuba andiyi kuba nesithukuthezi ukuba ndinokuzimisela ukuba nomdla kwinto ethile. Ngamanye amaxesha, xa ndityhila iincwadi endayinikwa ngutitshala wam **ongenathemba** ngethemba lokuntumeka intlantsana yomdla, ndandicinga ukuba esi sithukuthezi siya kuze siphele ngenye imini.

Ngemva kwegaraji bekukho ibhayisekile. Kwakukho amagama abomvu aqaqambileyo apha ngezantsi kwesitulo sayo afundeka ngolu hlobo: **INTLOLAZWE**. Yayiyibhayisekile emhlophe qhwa yaye inamaqhosha amancinci angaqhelekanga kwiimpondo zayo. Kwakukho nophawu olwayame ngetoti enomhlwa yepeyinti olwatsala iliso lam.





INTLOLAZWE

Le bhayisekile ikhethekile inesiqhoboshi, into yokuqala oyikhangelayo kwimeko yongxamiseko: umzekelo, kwiimpondo zayo, phantsi kwesitulo sayo, kwipavumente, emthini . . .

Zininzi iimpawu ezibandakanya:

- Amaphiko angasongekiso (amabini ngemva namabini ngaphambili)
- Iintolo-mlilo (ezi azibulali, zineepelethi ezinukayo kuzo kuphela)
- Isibambo (ukwenzela iindawo ezinezigingqi okanye ezihlayo)
- Uphondo (izimameli– ingxolo ingafikelela kuma-300 eedesibheli)
- Izingxobo ezifakwa umoya nehelmethi xa usengozini
- Iingubo nemiqamelo (ukwenzela iihambo zasebusuku)
- Iziselo ezihlwahlwazayo nekoko eshushu (ezigcinwe kwizikhongozelo ezikwisakhelo)
- Ikhaltyhuleyitha ehlala epokothweni, idayari nencwadi yokuzoba
- Iparashuthi
- Ibrashi yamazinyo nentlama yamazinyo.

QAPHELA: Ungasebenzisi naziphi na iimpawu ezikhethekileyo ngaphandle kokuba uyayazi ukuba zezokwenza ntoni na.

nguEmily Labran (onemimyaka eli-10) iguqulwe



Masibhale

Zoba imigca utshatise amagama angqindilili neentsingiselo zawo. Bhala amagama angqindilili kwisichazi-magama sakho.

isiqhoboshi		umlinganiselo wengxolo
ongenathemba		izixhobo
ukuntumeka		exhaswe
emiswe		ukuvuthisa, ukulayita
ekhethekileyo		oncamileyo
iintolomlilo		ibriki
idesibheli		eyahlukileyo





Ibhayisekile yam



Masizobe Kwisithuba esingezantsi zoba umfanekiso webhayisekile onqwenela ukuba nayo.





Masibhale Bhala imihlathi emibini echazayo ngebhayisekile yakho.



Umhla: _____

Isifaniso luthelekiso oluthe ngqo lwezinto ezimbini, usebenzisa u-njenge okanye oku kwe-
Umzekelo: UMzantsi Afrika ufana nomlambo omde oblowu.
Isafobe sithelekisa izinto ezimbini ngaphandle kokusebenzisa unjenge- okanye oku kwe-, kodwa ngokuthi enye into yiloo nto yesibini.
Umzekelo: UMzantsi Afrika ngumlambo.



Masibhale Bhala umbongo wakho ngoMzantsi Afrika, usebenzise izifaniso nesikweko.

Qala ngokucinga ngezifaniso nezafobe onokuzisebenzisa malunga noMzantsi Afrika. Sebenzisa amagama afana nala: okwe, ngathi, njenge, okanye aqala ngo- yi/ngu. Khetha amagama kolu luhlu lungezantsi uze uwabhale ngasekhohlo.

ibanda oko-
lixelegu okwe-
kushushu ngathi-
ligqatse okwe-
ihlaba njenge



Kwikholam ephakathi fakela izibizo. Khetha kuluhlu okanye usebenzise izimvo zakho.

impepho yasehlotyeni
iphupha
igaqa lomkhenkce
ilifu
impungutye
isitulo esijikelezayo
umqamelo



Kwikhoklam engasekunene bhala indawo.
Khetha kuluhlu okanye usebenzise izimvo zakho.

kumahlathi emvula
ehlotyeni
ebhedini
ngemibala ngemibala ebomvu
kwisaqhwithi sesanti
kwiindudumo



UMzantsi Afrika u		
ushushu oku kwe-	ibhola yelanga	itolofiya kwintlango egquthayo.



Masibhale Yahlula amagama abe ngamalungu uze uqhwabe kwilungu ngalinye .

Umzekelo: ba/le/ka: amalungu amathathu

limi _____ ilizwekazi _____

Mpumalanga _____ Soweto _____

Gauteng _____ Limpopo _____



Indoda endala emdaka



Jonga kulo mfanekiso uze uthethe ngawo kwiqela lakho.





UMnu Twit wayeyindoda enobuso obuxhonti. Bonke ubuso bakhe ngaphandle kwebunzi, amehlo, nempumlo babugqunywe ziinwele ezishinyeneyo. Iinwele kubuso bukaMnu Twit zazingakhuli ngokundindeneyo njengoko oko kusenzeka kubantu abaxhonti. Zazikhula nkqo yaye zithe nta, zingqangqasholo, zithe xhonkxosholo oku kweenwele zebrashi yeenzipho.

Kanti wayebuhlamba kangaphi uMnu Twit obo buso buneenwele ezingathi zezebrashi yeenzipho bakhe?

Impendulo ngu-AZANGE, nkqu nangeeCawa ezi.



Iindevu ezimdaka

Njengoko usazi, ubuso obuqhelekileyo obungenaboya obufana nobam nobakho busuke nje bube rhonorhono ukuba abuhlanjwa qho ngokwaneleyo, yaye akukho nto imbi ngaloo nto.

Kodwa ubuso obuxhonti ngumba owahlukileyo kakhulu. Izinto ziyancamathela ezinweleni ingakumbi ukutya. Izinto ezifana nomhluzi ziya kanye phakathi kweendevu yaye zihlale apho.

Mna nawe ukuba silumkile, singatya izidlo zethu ngaphandle kokuziqaba ebusweni ngokutya. Kodwa jonga kakuhle, kwixesha elilandelayo ubona indoda exhonti isitya isidlo sasemini sayo yaye uya kuqaphela ukuba nokuba ivula umlomo kakhulu, akunakwenzeka ukuba ifumane icephe elizeleyo kukutya kungakhange kuchitheke okunye kwezo ndevu.

UMnu Twit akazikhathazi nokuzikhathaza ngokuvula umlomo wakhe kakhulu xa esitya. Ngenxa yoko (nangenxa yokuba engazange wahlamba) bekukho amakhulu-khulu eentwana-ntwana zokutya okudala okuncamathele kwezo ndevu zijikeleze ubuso bakhe. Yayingezo ntwana-ntwana zinkulu, kuba ebesoloko ezisula ngomva wesandla sakhe okanye ngomkhono lo gama atyayo. Kodwa ukuba uyajongisisa ungabona amasuntswana amancinane azo zonke izinto ezingathandekiyo uMnu Twit ebethanda ukuzitya.



Ukuba uqwalasela ngakumbi, uyakubona izinto ezinkudlwana angakhange akwazi ukuzisula zisuke ebezilapho kangangeenyanga ezininzi ezifana neqhekeza letshizi eluhlaza eneempethu, ukhozo lombona olungundileyo okanye nkqu nomsilana ompunyu-mpunyu wesadini esetotini.

Into endizama ukukuxelela yona kukuba uMnu Twit wayeyindoda endala enefuqasi levumba elirhaxayo.

Wayeyindoda endala eyoyikeka ngokugqithisileyo, njengoko uza kuzibonela kwakamsinya nje.

Ngu-Roald Dahl (itshintshwe apha naphaya)



Masibhale Funda ibali uze uphendule imibuzo.

Umbhali webali, uRoald Dahl, umthiye igama elinguMnu Twit umlinganiswa wakhe. Ngamazwi akho chaza into oyicingayo ngoMnu Twit.

Ucinga ukuba uMnu Twit yindoda ecocekileyo nenempilo? Chaza ukuba ngoba kutheni.

Kwenzeka ntoni xa abantu abaneendevu besitya?

Ucinga ukuba kwenzeka ntoni kumasuntswana okutya athi nca kwiintshebe zikaMnu Twit?

UMnu Twit akazange asule ubuso bakhe ngeseviyethi emva kokuba etye ukutya kwakhe. Wayesebenzisa ntoni endaweni yeseviyethi?

Ucinga ukuba umbhali uyamthanda uMnu Twit? Chaza ukuba ngoba kutheni.



Ungathanda ukuhlala kwindlu kaMnu Twit? Chaza ukuba ngoba kutheni.

Nika umhlathi isihloko.

Umbhali usixelela ukuba uMnu Twit wenza into embi kakhulu. Bhala umhlathi ochaza le nto imbi yenziwa nguMnu. Twit.



Umlinganiswa wam



Tshatisa amagama angasekhohlo namagama/namabinza angasekunene. Bhala amagama angqindilili kwisichazi-magama sakho.

rhono-rhono		uneenwele neendevu ezininzi
exhonti		endala, embi, ezele kukunguda
engundileyo ethambileyo nencangathi,		engaphatheki kamnandi
empunyu-mpunyu		iqhekezana elincinci lokutya
isuntsu		izele bubumdaka indawo yonke





Uza kubhala ibali lakho ngokwakho ngomntu omaziyo okanye ozenzele yena. Ibali lakho malibe nemihlathi emine ubuncinane.

Kuqala licwangcise usebenzise isazobe sokucinga.





Umlinganiswa wam



Umhla:



Masibhale

Ngoku bhala ibali lakho. Xa ulibhalile, cela umhlobo wakho alifunde aze akuncede nililungise kakuhle.







Yenza ibhanile yokwamkela abanye



Masithethe

Ukhe wathenga into obufuna ukuyenza waza wagqiba kwelokuba ungayilandeli imiyalelo? Xelela iklasi ukuba ibiyintoni na leyo yaye kwenzeka ntoni na. Ingaba loo nto yakho ayikhange iphume kanye ngolu hlobo ubulindele ngalo?

Masifunde



Uve ukuba kukho intombi entsha efikileyo eklasini yakho. Nonke nigqibe kwelokuba nenze ibhanile yokuyamkela. Landela le miyalelo.



Okokuqala yenza ilaphu elisikwere elibotshwayo elifakwa idayi

Izinto ozifunayo:

- idayi yelaphu yemibala ngemibala (idayi yamanzi abandayo)
- iirabha zokubamba
- iiglavu zerabha
- amapetyu
- amanzi etephu
- ilatshana elimhlophe elisikwere eliyi-1m
- umtya
- iimakha eziyimibala ngemibala ezingacimiyo
- iziteyipla namacingo okuqhobosha.

Into oyenzayo:

Bopha isiqwenga selaphu ngokomyilo owuthandayo. Jonga umyilo okumqolo wokuqala wemifanekiso. Umqolo wesibini ubonisa ukuba ungayenza njani na le miyilo.

		
owemitha yelanga	owemigca	owezangqa
		
owamapetyu neerabha zokubopha ezininzi	owerabha yokubopha kuphela	owamapetyu anerabha yokubopha ipetyu ngalinye

Umhla: _____



Lungisa idayi ngokwemiyalelo oyinikiweyo. Nxiba iiglavu zerabha ukhusele izandla zakho, njengoko idayi inokonakalisa ulusu lwakho. Landela imiyalelo ezizilumkiso zokhuseleko.

Faka isiqwenga selaphu edayini kangangemizuzu engama-20 ubuncinane. Ukuhlala kwelaphu kwidayi ixesha elide kwenza umbala uqaqambe ngakumbi.

Likhuphe ilaphu kiwidayi uze ulipule emanzini abandayo abalekayo de amanzi acoceke angabi nadayi. Ngononophelo, susa iirabha zokubopha namapetyu ukuze ubone umyilo wakho omtsha! Akukho miyilo ifanayo yaye uya kufumana iipatheni ezahlukileyo ngokudibanisa iindlela ezahlukileyo.

Bhala ke ngoku umyalezo

Ufuna ukubhala umyalezo othi "Wamkelekile kwiklasi yethu". Bhala unobumba abe mnye womyalezo kwisikwere sakho. Sebenzisa imakha ezingacimiyo eziyimibala ngemibala xa ubhala onoobumba.

Yisonge kangange-1cm kumphezulu wesikwere sakho. Yiqhoboshe ngezipeliti okanye ngeziteyipla. Beka zonke izikwere ukuze zenze umyalezo othi "Wamkelekile kwiklasi yethu". Faka umtya kwimisongo udibanise izikwere. Wuxhome umyalezo.





Masibhale Jonga kwimiyalelo.

Ufuna ukwenza izangqa. Uza kuzenza ngantoni?

Kwenzeka ntoni kumbala xa ushiya ilaphu kwidayi ixesha elide?

Uwufumana njani umbala obumbatsha?

Ukuba umntu omtsha ufika kwiklasi yakho yintoni oyenzayo ukumenza azive esekhaya?



Gqibezela ezi zivakalisi usebenzise amazwi akho.

Ilaphu elifakwa umbala lihlaliswa edayini imizuzu engama-20 _____

Benza oku kuba befuna _____

Ukuba bafuna umbala obukhanya banga _____

Ukudaya ilaphu elibotshwayo kuku _____

Imiyalelo yokubhala



Tshatisa igama ngalinye elinombala nesichasi salo.
Krwela umgca kwisichasi.

ezahlukeneyo	ezininzi	eziliqela	enye kuphela	ntlobo ngeentlobo
esigxina	yanaphakade	ezinzileyo	yexeshana	enyamezelayo
inye	kuphela	umnqongo	zininzi	umvo
amanyathelo	izibonelelo	ukungakhathali	ukhuseleko	amacebo
ukudibanisa	nxulumanisa	manyanisa	yahlula	xuba





Bhala uluhlu lwemiyalelo yokwenza ibhanile yokwamkela umfundi weklasi yakho. Sebenzisa isiyaleli. Qinisekisa ukuba imiyalelo yakho ilandelelana kakuhle.

1.	Bopha ilaphu lakho ngerabha nangamapetyu.
2.	





Biyela izimaphambili nezimamva kwigama ngalinye kula uze wenze izivakalisi usebenzise kwa la magama.

kakuhle ngokucothayo ayiqhelekanga ufikile ilaphukazi

Umhla:

Imethonomi
kukusebenzisa igama lento ethile ubhekisa kwenye enxulumene nayo.
Umzekelo :"Yiya e-ofisini " apho u-"ofisi " athetha "inqununu yesikolo".



Masibhale

Krwela umgca utshatise igama elingasekhohlo negama elinxulumene nalo. Emva koko bhala izivakalisi usebenzise amagama amathathu kwikholam engasekhohlo.

igqirha lendlela nguqongqothwane		Urhulumente
Intolongo		iANC
Amalungelo oluntu		Robben Island
Union Buildings		UMgaqo-siseko
Luthuli House		Miriam Makeba



Masibhale

Zibhale kwakhona ezi zivakalisi usebenzise izenzi ezichanekileyo.



Izixhobo zeqela lesoka ezininzi (sesalapha/zezalapha) elokishini.

Iphephandaba (lifika/ifika) ngentsasa nganye ngentsimbi yesithandathu.

Yena (uthanda/bathanda) isonka esinejem yefiya.



Abafundi (uhamba/bahamba) ngokukhawuleza ukuze bafike ngexesha eklasini.

Ayikho into (engathi/ezingathi) iyandikruqula.

Masithethe

Ikho into oyenzileyo? Xelela iklasi loo nto uyenzileyo nokuba uyenze njani na.

Masifunde



AMASO AM ASEYIPHUTHA

Izinto ozifunayo

- ityhubhu zepasta
- umtya
- inaliti enomngxuma omkhulu
- iipeyinti ezahlukileyo zemibala ngemibala.

Qala ngokusika isijungqe somtya oza kuhamba ngaphezu kwentloko yakho nomde ngokwaneleyo ukwenzela ukuba uze uwubophe ekugqibeleni.

Ngoku peyinta iityhubhu zepasta ukuze zijongeke oku kwamaso. AmaYiphutha akudala ayewuthanda umbala obuluhlazarha-buzuba. Fumana umfanekiso wamaso amaYiphutha nezacholo ubone ukuba yeyiphi na imibala eyayisetyenziswa.

Faka umtya kwinaliti enomngxuma omkhulu.

Emva kokuba yomile ipeyinti kumaso epasta, faka umtya ngobunono kwipasta uwuzalise ngokwaneleyo. Khumbula ukushiya umtya ongenanto ekugqibeleni macala omabini. Bopha umtya wamaso akho.

Indlela yokwenza iitapile ezicujiweyo



1. Chuba iitapile ezimbini uze uzisike zibe ngamagaqa amancinci.
2. Zigqume iitapile ngamanzi uze uzibilise kangangemizuzu eli-15 okanye de zithambe.
3. Faka iitapile ezibilisiweyo esityeni nentwana yebhotolo, ikota yekomityi yobisi nentwana yetyiwa.
4. Cubha iitapile ngento yokucubha iitapile de zithambe yaye zibe bucwamburha.

Umhla:



Masibhale

Zeziphi izinto ezimbini oza kuzenza?



Zifana njani iiseti ezimbini zemiyalelo?

Zahluka njani iiseti ezimbini zemiyalelo?

Yeyiphi iseti yemiyalelo oyifumana icace gca? Chaza isizathu.

Ungawanxiba amaso enziwe ngemibhobho yepasta? Chaza ngoba kutheni.

Ungawapeyinta ngombala onjani amaso epasta? Chaza ukuba ukhetha owuphi na umbala.

Kutheni kufuneka ushiye umtya owaneleyo ekugqibeleni macala omabini xa usenza amaso?

Ucinga ukuba yintoni injongo yesicatshulwa semiyalelo? Phawula ingcaciso ocinga ukuba yechanekileyo.

- ☐ Imiyalelo neenkqubo zinika isikhokelo samanyathelo owalandelayo xa usenza okuthile.
- ☐ Zibhalelwa ukuba sibe nako ukwenza okuthile kakuhle.
- ☐ Imiyalelo nemigaqo ingabhalwa ngeendlela ezahlukileyo.
- ☐ Kungasetyenziswa imizobo nemifanekiso.
- ☐ Imiyalelo ibalisa ibali.
- ☐ Imiyalelo ikuxelela ngomntu obhala imiyalelo.

Chaza ukuba kutheni ucinga ukuba ingcaciso ongayiphawulanga ayifanelekanga.



Ubhala kwakhona imiyalelo



Masibhale

Jonga kule miyalelo yokwenza amaso aseYiphutha.
Bhala kwakhona imiyalelo usebenzise la magama alandelayo:

Okokuqala _____

_____

_____

Emva koko _____

_____

_____

Okulandelayo _____

_____

_____

Okokugqibela _____

_____

_____

Bhala kwakhona le ngcaciso, ilandelelane kakuhle, njengemiyalelo eneenombolo. Sebenzisa iziyaleli.

1. Sika _____

_____

_____

_____

_____

_____

_____

_____

_____

_____

Umhla:



Krwela umgca kwigatya eliyintloko uze ubiyele igatya elayamileyo kwisivakalisi ngasinye.

Andifuni kuhamba, ukuba akuhambi.

Wabaleka waya eklasini, erhuqa ibhegi yakhe ngemva.

Ngaphandle koncedo lomhlobo wam omkhulu, ngendingakhange ndikwazi ukwenza amaso aseYiphutha.

Enethemba lokuncedwa ngeetapile ezicujiweyo, walinda umama wakhe.

Ngaphandle koncedo lwakhe, wazenzela amaso.



Isivakalisi ngasinye kwezi sinebinzana elayamileyo elinika ulwazi oluthe chatha. Beka ikoma kwicala ngalinye legatya elayamileyo

Intombazana yesikolo yathi hlasi ubhaka wayo yabaleka yehla ngepaseji.

Izigidi zabantu nkqu nabancinane kakhulu bafunda ukusebenzisa i-smart phone.

Umthi wahexa ngamandla kweso sitshingitshane waza wawela phantsi.

Ingcinga zam kanye phambi kokuba ndilale ibikukuba ngowuphi umbala endinokuwapeyinta ngawo amaso am.

Iiholide zesikolo ngeenyanga zasehlotyeni zilulonwabo ngeyona ndlela.



Phawula igama elichanekileyo kwizibini zamagama angezantsi. Uze ubhale izivakalisi ezizezakho usebenzise amagama amathathu.

impumelelo/imphumelelo ingcongconi/inchonchoni inkqayi/inqhayi

igqabi/iqhabi ingqondo/inqhondo umngxuma/umxhuma

Igatya liqela lamagama elinentloko nesenzi.

Igatya elizimeleyo lingazimela lodwa njengesivakalisi esipheleleyo kuba linika uluvo olupheleleyo.

Umzekelo: Ndiyacula xa ndisebhafini.

Igatya elayamileyo okanye igatya elixhomekekileyo liba nentloko nesenzi ezingenzi ngcamango ipheleleyo.

Umzekelo: Ifilimu **endandiyibukele kule mpelaveki iphelileyo** yayingekho mnandi njengamaqhashu.

Ibinzana liqela lamagama abangathi yinxenye yesigaba sentetho.

Linentloko okanye isenzi kodwa hayi zombini.

Umzekelo: **Ukuya kwisikolo esitsha** kungaba nzima.

Umzimba wakho omhle





Masithethe

Kokuphi ukutya othanda ukukutya?
Xelela iqela lakho ukuba ukwenza njani na ukutya kwakho okuthandayo.
Unika imiyalelo ecacileyo.
Ingaba wonke umntu kwiqela lakho uyayiqonda imiyalelo?



Masifunde

Isisu asinanto, ngoko ke sithumela umyalezo engqondweni yakho othi, "Andinanto yaye ndilambile!" **Kwangoko** ingqondo yakho ithumela umyalezo kumzimba wakho uwonke othi, "Lixesha lesidlo sasemini. Hamba uye kutya isidlo sasemini ukuze isisu sakho singalambi." Imilenze yakho ikusa kwigumbi lokuhlambela ukuze uhlambe izandla zakho uze uye kutya ekhitshini. Iyagoba ukuze uhlale etafileni. Amehlo akho abona ukutya etafileni, impumlo yakho inukisa ukutya yaye ingqondo yakho ithi kwisisu, " Linda, ukutya kuyeza." Isisu siyavuya yaye siyashukuma **kuba silinde** ukutya. Uya kuva ukushukuma kwaso utsho uqonde ukuba ulambe kangakanani.

Ingqondo ibona ukutya epleyitini ithumele umyalezo kwisisu sakho. Umlomo wakho uqala ukuvelisa **amathe**, ngoko ke uyawaginya nto leyo eyenza isisu sakho sivuye ngakumbi. Ingqondo yakho ngoku ixakeka kakhulu ixelela iindawo ezininzi emzimbeni wakho ukuba zenze ntoni na ngaxeshanye. Iingalo zakho ziyashukuma uthathe imela nefolokhwe yakho. Izandla zakho ziyashukuma ukuze usike ukutya kube zintwana-ntwana. Iingalo zakho zithatha ukutya kuye emlonyeni. Uyahlafuna ukutya ngamazinyo akho lo gama usiva incasa ezahlukileyo: eswiti, emuncu, enetyiwa, nekrakrayo.

Ulwimi lwakho lujikelezisa ukutya emlonyeni wakho ukuqinisekisa ukuba kuthambile yaye kuncinci ngokwaneleyo phambi kokuba ukuginye. Umbizo uthwala ukutya kuye esiswini, sona sikucubha kube kuncinane ukuze kukwazi ukungena emathunjini akho kuze emva koko kuye kwiindawo ezahlukileyo emzimbeni wakho.

Lonke eli xesha wenza ezi zinto, unokuthetha, umamela yaye ujonge uve nokuva. Imiphunga yakho iphefumla umoya ungene uphinde uphume, intliziyo yakho impompa igazi lakho elihamba umzimba wonke. Ingqondo yakho ifana nombhexeshi weyona okhestra inkulu nentle yamalungu omzimba ahlukeneyo nathi ewonke aqinisekise ukuba yonke into isebenza kakuhle.

Umhla:



Masibhale Phendula imibuzo ngomhlathi.

Cacisa oko kwenzekayo kwisisu sakho xa ulambile.

Ingqondo yakho ungayifanisa njani nombhexeshi we-okhestra?

Bhala phantsi izinto ezahlukileyo onako ukuzenza xa usitya.

"Umzimba wakho yi-okhestra" sisafobe. Umzimba uthelekiswa ne-okhestra, kungasetyenziswa u-"njenge" okanye "oku kwe". Guqula isafobe sibe sisifaniso uze usisebenzise kwisivakalisi esisesakho.

Ucinga ukuba kwenzeka ntoni xa amanye amalungu omzimba engakwazi ukusebenza kakuhle kuba ungawakhathalelanga?

Funda kwakhona isicatshulwa uze ubhale ingcaciso eqala xa uhlamba izandla zakho, njengoluhlu lwemiyalelo. Ungalibali ukufaka inombolo kwimiyalelo yakho uze usebenzise isiyaleli. Sikwenzele imiyalelo emibini.

1.	Hlamba izandla zakho.
2.	Hlala etafileni.
3.	
4.	
5.	
6.	
7.	
8.	

Masizihlole

NDIYAKWAZI		
ukuthetha ngokungayilandeli imiyalelo		
ukufunda imiyalelo		
ukuphendula imibuzo		
ukunika olwam uluvo		
ukugqibezela izivakalisi		
ukuchaza izichasi		
ukubhala imiyalelo ngeendlela ezahlukeneyo		
ukusebenzisa uhlobo lokuyalela		
ukuchaza izimaphambili nezimamva		
ukwakha izivakalisi		
ukusebenzisa imethonimi		
ukubhala izivakalisi ngokusebenzisa izenzi ezichanekileyo		
ukuchaza umahluko phakathi kwezicatshulwa		
ukuchaza nokwahlula ukuba sesiphi isicatshulwa esicacileyo kwezibini ze ndichaze isizathu		
ukuchaza injongo yezicatshulwa zemiyalelo		
ukuchaza amagatya aziintloko nayamileyo		
ukuchonga amabinzana		
ukupela amagama kakuhle		
ukunika imiyalelo ecacileyo		
ukubhala amanqaku okwenza isicwangciso semiyalelo		
ukuxoxa ngamabali endithanda ukuwafunda		
ukwenza isazobe sokucinga, isicwangciso nokubhala ibali.		

Ukhethekile. Umzimba wakho wonke ungokhethekileyo. Nguwe kuphela onelungelo emzimbeni wakho!



AKUKHO namnye umntu onelungelo lokuphatha amalungu akho angasese.

Kufuneka uxelele umntu ukuba kuye kwakho umntu okubamba amalungu akho angasese.

Kufuneka uxelele umntu ukuba kukho nabani na okwenzisa izinto ongathandiyo ukuzenza.



Tsalela kule minxeba xa ufuna uncedo:

Umnxeba olungiselelwe ukunceda abantwana: 0800 05 55 55

Umnxeba wokulwa nolwaphulo mthetho wamapolisa aseMzantsi Afrika: 086 00 10111

Umnxeba wongxamiseko wamapolisa aseMzantsi Afrika: 10111

Umnxeba woncedo: 0861 322 322

Iqela elikhusela abantwana: 012 393 2359/2362/2363